

UBUSUKU BESHUM' ELINAMBINI

MHLAWUMBI

OKO UKHOLWA KUKO

NGU-

WILLIAM SHAKESPEARE

IGUQUELWE ESIXHOSENI

Ngub. B. MDLEDLE, B.A.



THE LOVEDALE PRESS

1960

822.332 TWEL
90/1965



This book was purchased
with funds donated to

THE UNIVERSITY OF CAPE TOWN

by the
Andrew W. Mellon Foundation
of New York

INTSUSA-MABANDLA

Mzi wakowethu nanko kwakhona ndibonakala phakathi kwenu, ndinzisela kwa umsebenzi wale mbongi yamaNgesi uShakespeare. Lo wanamhla umdlalo awuphalazi gazi koko ngohlekisayo.

Incwadi endiwuguqule kuyo yehlwe nguArthur D. Innes, M.A., imfundi yesikolo esiyiOriel College, Oxford, ukwangu-mhleli ka*Julius Caesar* kwiincwadi zikaShakespeare ezaziwa ngokuba yiWarwick. Intshayelelo yona kunye nezinye iindawana zicatshulwe kuShicilelo lweOxford neCambridge oluhlelwe nguStanley Wood, M.A.

B. B. MDLEDLE.

Thembelihle Farm,

Cala.

25 Septemba, 1959.



INTSHAYELELO

I. Ibali eliphathelele ekubhalweni komdlalo lo.

Olonalushicilelo lokuqala lwaziwayo lolo lukwiFoliyo yoKugala, ngowe-1623, ekwathi kuyo kwaqokelelwa yonke imidlalo kaShakespeare, kuqalwa ke ukwenjiwa njalo. Uninzi lwayo lwalusel' ukhe lwapapashwa ngaphambili kwizishicilelo, zeKwarto ezisekhoyo nangoku, kodwa akukho Kwarto yoBusuku beShum' elinaMbini. Asinalwazi kanye ukuba awona mazwi ale ncwadi lwalusekwe kuyo olu shicilelo ayefunyanwaphi na ; kodwa zikho zibalwa iziqendu ezibonakalisa iimpawu ngokucacileyo zokuba sezonakele, zibe zingezininzi ezineendawo eziguqulweyo ezityekele kolu hhalo lwala anamhla amazwi.

Ke iindlela zokufikelela esigqibeni sokuba ithuba lokubhalwa komdlalo lo liliphi na zinokufunyanwa (i) ngobungqina obuvela ngaphandle, oko kukuthi kubekho iintsingiselo ezibhekiselele kuwo ngababhali belo thuba ; (2) ngobungqina obungaphakathi : (a) amagama alapha emdlalweni anentsingiselo kwiziganeko mhlawumbi kokubhaliweyo kwelo thuba, neentlobo zokubhala, zokwakha izihobe, okanye ingcamango efika imbonakalise umbhali isiganga awayekuso kuhlobo lwakhe lokubhala.

Ubungqina bangaphandle obunentsingiselo kuBusuku beShum' elinaMbini abuniki mhlaba ungakanani ongaphandle kwale minyaka ukuza kuphela kowe-1598 nokuqala kowe-1602.

1. Ukuza kuphela kowe-1598 kwapapashwa nguFrancis Meres, kwincwadi yakhe iPalladis Tamia, uludwe lwemidlalo kaShakespeare eyayipapashwe phambi kwelo thuba. UBusuku beShum' elinaMbini abukho kolo ludwe, into ke leyo

enokusenza ukuba sifikelele kwisigqibo sokuba lo mdlalo wawungekabhalwa.

2. Incwadi yezenzo zemihla ngemihla yegqwetha leejaji, uJohn Manningham, ethabathela kwinyanga yoMqungu yowe-1602 ise kwekaTshaz'iimpuzi, yowe-1608, inendawo ngomhla wesibini kweyoMdumba ethi :—

“ Kwisisusa sethu sibe nomdlalo obizwa ngokuba **Busuku beShum' elinaMbini mhlawumbi Oko Ukholwa Kuko**, oyelele kakhulu kwiSiyolisa seeMpazamo okanye kwi-Menechimi kwiPlautus, kodwa uyelele ngokukodwa waye usondele kulowo wesiTaliyane obizwa ngokuba yi-Inganni. Eyona ndawo inomdla kuwo kukwenza igosa likholelwe ukuba iNkosazana yalo engumhlolokazi ithe phithi lilo, ngokuzoba ileta, engathi ibhalwe linenekazi layo, elinika iintloko zezona zinto izithanda kanye kulo, ichaza nohlobo elililo xa lincumayo, nesinxibo salo, njalo. Laza ke lathi lakuzenza ezo nto, lalenza ukuba likholwe ukuba licingelwa ukuba liphambene.”

Isisusa sibhekiselele kwitheko likaCandlemas (Mdumba, 2), elalithatyathwa njengosuku lokugqibela izisusa zeKresmesi eziqhutywa zime ngalo. Ngolu suku izibane ebezikhanyiswa bonke ubusika kwizindlu zeeCawa beziyekwa ukusetyenziswa kwangolu suku, ngokunjalo, izihombiso zeKresmesi beziswa kwizindlu zeeCawa nasemakhayeni.

IMenachimi ngumdlalo odumileyo wamaTaliyane ohlekisayo wombhali wemidlalo uPlautus (owabhubha ngowe-184 Phambi koZalo lukaKristu) uqulunqo-mdlalo olujikelezana neempazamo ezihlekisayo ezibangwa kukufana kwamatyhagi angamawele.

UOlivia, esezileni ezilele umnakwabo, ubesenokuthatyathwa ngempazamo lula njengomhlolokazi.

Ubungqina bangaphandle bulimisa eli thuba lomdlalo lo phakathi kowe-1598 neyoMdumba kowe-1602. Ngoku ke masibuyele kubungqina bangaphakathi. Ubungqina banga-

phakathi bothi bufunafunwe kumdlalo lo ngokwawo ube nezi ngongoma :—

- (i) Iindawo ezithe zakhankanywa kokubhaliweyo mhlawumbi kwiziganeko zelo xesha.
- (ii) Indlela yokubhala, uhlobo lokucinga, imo yomdlalo lo.
- (iii) Inani lemigca eliziphelo-magama zifanayo, iintsingiselo ezibhekisele kumaGrike namaRoma, iintetho ezihlekisayo, uthotho lozobo-mifanekiso ngamazwi, njl. ke.

Iintsingiselo kokubhaliweyo mhlawumbi kwiziganeko zelo thuba.

1. Kuqala ngokubaluleka yingoma eculwe nguMhlelazi uToby noFeste., “Sala kakuhle sithandwa, njengoko kufuneka ndihambile.” II iii 92 le ngoma yaqala ukupapashwa ngo-1601, kwincwadi eyi-**Booke of Ayres**, ebhalwe nguRobert Jones. Ukuba ke ngoko singathi sithabathe njengoko kusifanele ukuba senjenjalo, ukuba umdlalo ukuyilwa kwawo waba neli nqakwana, singalifumana ithuba lokwakhiwa kwawo lingowe-1601.

2. Enye indawo apha emdlalweni, ebekungathi ukuba siswele obunye ubungqina nobomelele ngaphezulu kosebunikiwe, obungathi bubonise ixesha lokuyilwa komdlalo yiloo ndawo ikwiNdima III, umboniso we-ii ibhekisa, “nakule maphu intsha kongezwe ngeeIndisi.” Le maphu intsha kuthethwa ngayo makube mhlawumbi yileyo yapapashwa nguHakluyt kwiiHambo zakhe ngolwandle ngo-1600. Unyaka wemaphu entsha yayikwangulowo wokusekwa kweNkampani yaseIndiya, imeko eyayinokwenza abayili bayo babonakalise inyameko epheleleyo ekuphawuleni loo ndawo kuyo ibhekiselele kwimo yomhlaba waseIndiya.

Imo yomdlalo.

Ngokwemo yawo umdlalo lo ulunge kwelo qela lemidlalo kaShakespeare yeziyolisa zamva, athi ngazo uGqr. uDodwen, ziyonwabisa, zichubekile. Uqhuba athi uGqr. uDowden, “Kwiziyolisa zakhe zamva ibalulekile indawo yokuba u-

Shakespeare uyayiphinda, yahluke nje apha naphaya into yokukhohliswa kwalowo ungugqal' umbombo, nesiphumo saloo nkohliso nokuba yelusizi nokuba yeyonwabisayo.... uMalvolio wenziwa intlekisa nguMaria ofumbethe impoxo, nomvuyelela ngokuzichola kwakhe uMalvolio ; uBeatrice noBenedick bakwabanjiswa ngobuqhophololo obunjalo, ngenxa yokuzithanda kwabo okungaphethe bubi, ukuba bawe eluthandweni abebegcayiselwe ngalo. Kwakhona **uBusuku beShum' elinaMbini** buvuselela zonke iimpawu ezincomekayo nezihlekisayo zelo qela leZiyolisa obubobokugqibela kuzo. Iqale ke inguquko ku “ **Konke kuhle okuphela kakuhle** ” okunesidima nokuzilahlela ; naku**Mlingo ngoMlingo** onobubi nobukrakra.”

Okunye ukufana kule midlalo kothi kuphawuleke kwabo bayiqhelileyo. Kulo uthi : **Njengokuba uthanda, kwanjengakuBusuku**, iqhawekazi libonakala kwisinxibo sendodana ukuze kuzo zombini, intombazana ithande enye, ize kwayo-mibini ibe neSiphoxo, esithi ngobugcisa obukhulu sibuke elubala ubuhiba babanye. Igama eli lesibini lomdlalo **Koko ukholwa kuko**, lifane neli lithi : **Njengokuba uthanda**.

Iimpawu zohlobo lokubhala.

Ubungqina bubonisa ukuba apha umbhali akanazo ezo ntetho kubonakala zihleli zenzelwe ukuba zibe nesiphumo esithile, ezibonakala kakhulu kwimidlalo yakhe yokuqala. Incoko yababini ilula iyeqhelekileyo, nentetho esetyenzisiweyo ngokungaphosisiyo ifanela lowo uyisebenzisayo. Udlaliso ngamagama naxa luluninzi, kodwa luba soloko lumfanele lowo lwenziwa nguye. Ngokufutshane singathi uShakespeare ngoku ubhala njengovuthiweyo.

Umdlalo lo uzifumanela indawo, sakuqwalasela ubungqina bangaphakathi, kwithuba cliphakathi leminyaka yakhe yokubhala. Awunazo iimpawu zamandla amakhulu nabonisa ukungavuthwa njengokuba sidibana nolo hlobo kwimidlalo yakhe yokuqala ; kanti ke kanjalo ezo ngcamango zezaci

nezimbo—olo xubano lungenamlinganiso lokwengqondo nokuvakalelwa—ebalula imidlalo yakhe yamva. Konke kuzolile kuthe cwaka ngomoya onoxolo nesidima.... Ukanti umdlalo lo unobungqabalala obuphawulekayo ; uhlobo lokubhala naxa nje lungaphakamanga njengeminye alunasiphe ne ngendlela emangalisayo ; ubumnandi obubangwa kukukhawuleza kwengqondo nobuhle bokubonga budidiyelwe kuwo ngencasa engenakuchazwa, ngokungathi beziphethwe sisandla esizeleyo nesiphayo ; ngalinye incwadi le izele kanye bubumnandi obungazenze mpuhlu ; ubuhle bayo njengobo beqhawekazi elithe zole, linzulu, lingazinunusi, into leyo emthabatha ithuba omnye ukuba ayifumane, nokuyigqiba, ethi ifunyanwe kuphela ngentelekelelo ecingayo kumoya othe zole wezifundo ezinothakazelo.

IZiyolisa ezine athi uShakespeare aphakame kanye kuzo ekuchubekeni nasebumnandini ngaphezu kwezo zokuqala, obuthi ubuciko bakhe buqaqambe kanye, ezi ziyolisa zisondelelene phakathi kwesi thuba sesibini nesesithathu sezibongo zakhe ; **Abafazi abonwabileyo baseWindsor, Njengokuba uthanda, Intswahla ngelize, noBusuku beShum' elinaMbini** zonke zezeli thuba (1598-1602).

Iindawo ohlangulwe kuzo umdlalo lo.

Amagama amabali amathathu angathi akhankanywe nje ngeendawo athe uShakespeare wahlangula kuzo ekuqulunqeni lo mdlalo ngala :

1. UApolonius noSilla, ibali elifunyanwa kwincwadi ka-Barnabe Riche, ebizwa ngokuba **nguRiche—Umbuliso wakhe kumsebenzi wobusoldati**, owapapashwa ngowe-1581. Le ncwadi inengqokelela yamabali abhalwe ngesiNgesi, kodwa asekwephezu kwencwadi yesiFrentshi ethi : **Histoires Tragiques** ebhalwe nguBelleforest (1572) ibe yona ngokwayo yayilushwankathelo lwengqokelela yamabali esiTaliyane abhalwe nguMatteo Bandello. UApolonius noSilla libali

lesibini likaBarnabe Riche, laye lineziganeko ezininzi ezisondeleyo kwiziganeko ezikwimidlalo kaShakespeare.

2. Gl'Ingannati (Okwemposisa) Isiyolisa samaTaliyane esadlalwa eSiena kwangowe-1531, sashicilelwa futhi.

3. Inganni (Imposiso) umdlalo owaqhutywa eMilan ngo-1547, washicilelwa amaxesha amaninzi phambi kowe-1602. Nguloo mdlalo lo uGqwetha uManningham athetha ngawo kwincwadana yamanqaku akhe emihla ngemihla. Ukufana kwayo noBusuku beShum' elinaMbini noko akungakanani njengokuba injalo eminye imidlalo leya mibini eseyikhankanyiwe ngasentla, ekunokwenzeka ukuba uManningham wayecinga ngoGl'Ingannati ukubhala kwakhe uInganni.

Siyibhala le midlalo mithathu ngokuthi kunokwenzeka ukuba uShakespeare abe wakha wacaphula komnye wawo okanye kuyo yonke xa aqulunqa umdlalo woBusuku beShum' elinaMbini ; kodwa makungakhe kucingwe nakancinane ukuba imbongi mayibe yazibophelela kumsebenzi wayo nayiphi enye indoda, kanti ke kanjalo akunakutshiwo ukuba inombulelo ongathethekiyo kothile obe ngaphambili kwayo. Iindawo ezihlekisayo apha kuBusuku zezikaShakespeare nje yedwa. OMalvolio, Maria, Mhlekazi Toby, Mhlekazi Andrew neSiphoxo ngabantu abacingwe nje nguye, abangadibani nabantu ekungathiwa ukhe wababona. Kwezinye iindawo ke apho uShakespeare athe waboleka khona, uthe wakuhlaziya eko akubolekileyo. wathi wambu ngobunyulu obungathethekiyo bantlekele kwimo bamachanekazi akhe. wathi. kanjalo koko kuyindinisa-mxhelo kwebali wafaka ubomi ngentelekelelo, nokuhlekisa, nobuciko, isenzo eso esisenza sizive sisithi, “okukona kuphakamileyo kunakho ukuxutywa kufaneleke nokona kuyintlekisa kwimicimbi yoluntu ngulowo othi njengokhozi olusemalengalengeni angenakufikelelwa luluntu nje abe nakho ukuyibona into ngokuzeleyo.” (Knight).

Naxa nje singakubabasi ukuboleka kukaShakespeare kwa-
bangaphambi kwakhe, kusenokuba nomdla kwabalangazelela
ukwazi ezona ngongoma kwincwadi nganye kwezikhankanywe
ngasentla ezithe zacatshulwa kulo mdlalo.

UApolonius noSilla kaRiche :—

1. UApolonius liTshawe elikhaliphileyo nelidumileyo,
elithandwa nguSilla.
2. USilla uqhekekelwe yinqanawa wasinda noko.
3. Unxiba isidoda.
4. Uzicelela umsebenzi wokubusa eTshaweni.
5. Liyakholwa kakhulu nguye, lide lamenza isicaka elino-
kuthetha amahlebo kuso.
6. ITshawe liyazincethezela kwinkosazana ezukileyo, u-
Julina.
7. USilla ke uthunywa kuyo ukusa udaba nezinto zoku-
nyoba.
8. Uwenza lo msebenzi ngokukhululeka okukhulu, ngo-
kude abe ngathi uzenzela okwakhe.
9. UJulina nanko esiwa kuSilla.
10. USilla unomnakwabo uSilvio, ofana kakhulu naye
ebusweni nangesimo.
11. USilvio uthatyathwa ngempazamo nguJulina ukuba
unguSilla.
12. Ufumana ke ngoko izibele ezininzi kwinkosazana
ezukileyo.
13. USilla wahlaziywa liTshawe. avakalisa ukukulungela
kwakhe ukufa ngemsa yalo.
14. Uzibika ukungabi natyala kwakhe phambi kweTshawe
noJulina.
15. UJulina, ecinga ukuba uSilla ubothozwa liTshawe,
umbongoza ukuba angoyiki.
16. USilla uvakalisa ubufazi bakhe nabazali bakhe.
17. ITshawe limtshate.
18. USilvio, akuya ngoku kutshata, uyavela kwakhona,
atshate uJulina.

GI'Ingannati. Lo mdlalo wesiTaliyane wawusekwe kwa-phezu kweli bali nguBandello, athe ke yena uRiche waseka inoveli yakhe kulo.

1. UFabritio noLelia ngumntu nodadewabo, baye beyi-sheleni ngemfano.
2. ULelia uthanda uFlaminio.
3. Uzifihla azenze inkwenkwe abe ngumququzeleli wakhe.
4. Usetyenziswa nguye ukuba ahambise iileta zothando eziya kwinkosazana uIsabella.
5. UIsabella uwela umququzeleli, othi akanakho ukubuyekeza uthando ngothando.
6. Umnakwabo, uFabritio uthi abonakale kwesi sithuba, ahlale kumzi weendwendwe ekuthiwa kukwaSitunxa.
7. Kukho iimpazamo ezenzekayo ngenxa yokufana kwakhe nodadewabo.
8. UIsabella uyamtshata ecinga ukuba utshata uLelia.
9. Obu buwiliwili buthi buchazwe nobani axelwe ukuba ungubani.
10. UFlaminio utshata uLelia.
11. Igama elithi 'Malevolti,' elicingisa ngo "Malvolio," libonakala ekuqalekeni komdlalo.

Inganni.

1. Intombi nomnakwayo ngamawele.
2. UGinevra, udade unxibe isidoda, usuka awelwe yinkosazana uPortia.
3. UGinevra uzibiza ngokuba unguCesare (anokuthi kanti uShakespeare ubecinga ngaye xa athi Cesario).
4. UGinevra uwela umnakwabo Portia uGostanzo.
5. UPortia utshata umnakwabo Ginevra.
6. UGostanzo utshata uGinevra.

“Ubhalo-ncwadi lwaseYurophu olungummangaliso lwalusisisele ekudinjazwa kuso nangubani na kubabhali bethuba likaLizabhethe, elowo akusebenzise oko kwezakhe iincwadi, aguqula nje apha naphaya. Owona mthombo unamanzi

amnandi kwaba babhali yayiyi-Itali, naxa nawo wawuseno-
kuba ubangwa ziimvula ezivela empumalanga, waza ke wayi-
loo nto wenziwa yona ngumhlaba waseYuropu. Ebesithi ke
akuwela ezandleni zecembongi zenene ezinje ngoBoocaocio
noShakespeare ziwaphathaphathe abe nto yimbi, ngaloo ndlela
kanye elithi ironya azoba kulo umzobi libe yiyo.'—Knight.

Igama lomdlalo.

Igama lokuqala lomdlalo lo, **uBusuku beShum' elinaMbini**
linokuthi kubaphulaphuli bomdlalo kaShakespeare libanik'
ingqondo yokuba uSiyolisa sobuvilikitshane, kuba usuku olo
lona ngokwalo lwalunxulumene nogxulusho, neziyolisa ezi-
bubuvilikitshane, nezinye izinto ezitenxileyo zecentlobo ngee-
ntlobo. Njengesisusa esithandwayo ngabantu umhla we-6
kuJanuwari, olusuku lweshum' elinambini emva kweKres-
mesi, wawulandela iKresmesi ngokubaluleka. Elinye lama-
siko awayenxulumene nesisusa esi yayikukunyulwa kweeku-
mkani neekumkanikazi ngeemboty nee-ertyisi. Ikeki enkulu
ibisakwenziwa, ibe nokhozo lwemboty nolwe-ertyisi, ibizwe
ngokuba yiKeki yeShum' elinaMbini. Bekuthi kwakuhla-
ngana izizalwane nezihlobo, ikeki yahlulahlulwe ngamaqa-
shiso, lize lithi elo nenekazi nenene athe afumana ngokula-
ndelelanayo amaqebengwana ane-ertyisi nemboty, amkelwe
ke njengekumkanikazi nekumkani zaloo mhla. Kuseno-
kwenzeka ukuba umdlalo kaShakespeare, onamabona-nde-
nzile angaka ekufumaneni amadoda nabafazi ube wasifumana
isimo sawo negama lawo kweli siko lidala.

Isisusa esi sasisungulwe mhlamnene njengesikhumbuzo
sokubonakala kukaMagi, oweza evela eMpumalanga ukuza
kunjula uMesiya. Ukuthabathela kwiminyaka esesazulwini
olu suku lwalukhunjulwa ngokwenziwa kwemidlalo, owoku-
qala kuyo wabizwa ngokuba **siSisusa seNkwenkwezi**. Nge-
thuba ekwakulawula oLizabhethu noJames I. isikhumbuzo
soBusuku beShum' elinaMbini sasisenziwa ngotshawuzo
olukhulu nangenkonzo eyodwa kuzo zombini iiYunivesiti

koMkhulu, naseTempileni, naseLincoln nakwiHotele yase-Gray. UBen Jonson wabhala inkoliso yezigxulusho zakhe ukuze onwabise abaseBandla ngobubusuku, ekungeze kwaba ngummangaliso ukuba noShakespeare abe wawubhala lo mdlalo enaloo njongo. Singatsho ngemfanelo ukuthi esi siyolisa sasidlalwa kwiNkundla kaKumkanikazi uLizabhe-the ngomhla we-6 kuJanuwari, 1602.

Elinye igama eli, **Oko ukholwa kuko**, elisikhumbuza ngokungenakuzinceda ngegama elithi, **Njengoko uthanda**, lino-kuthatyathwa njengelibonisa (1) ukungalikhathaleli nganto kukaShakespeare igama, de abe ngathi uthi, “ Nango umdlalo, obhalelwe uBusuku beShum’ elinaMbini, ungawubiza ngaloo ndlela ukholwa yiyo,” okanye (2) ubunzima obuhamba nawo nawuphi na umzamo wokuhlengahlengisa de abe ngathi uthe, “ Umdlalo lo awusiso siyolisa ungengalo nothando, ungeyiyo nentlekele nasigxulusho, ungawubiza ngolo hlobo ukholwa lulo.”

“ Kukho ukubaluleka okukhulu kumagama emidlalo ka-Shakespeare. **Kubusuku beShum’ elinaMbini, iPhupha lo-Busuku boMbindi weHlobo, Njengoko Uthanda, neMbali yase-Busika**, isiphumo esiveliswa koku ngokudibanisa abadlali sinjengeso senkatha yeentyatyambo. Kodwa kuCoriolanus, Lear, Romeo noJuliet, Hamlet, Othello, njl. isiphumo sivela ngokubeka uninzi phantsi komntu omnye, nokuba kungokuba enguyena uyimbalasane okanye osesigcakasini.”

Coleridge.

Isiyolisa, into esiyiyo.

Inkcazo.

Sonke sinamanakani ento esiyiyo isiyolisa, naloo nto sithi iyahlekisa kodwa xa sizama ukuzichaza ngamazwi iingcamango zethu, sifike silahleke ngenxa yobuze beengcamango zethu. Singathi isiyolisa ngumdlalo ophethe ubuvilikitshane nezinto ezingenamsebenzi zemihla ngemihla ebomini ezithi ziphathwe ngohlobo lokuba kuphuhle elo cala libanga intsini.

Yinto etheni ehlekisayo ?

U**Aristotle** uthi loo nto ihlekisayo, yileyo ingangqinelani nexesha nendawo eyenziwa kuyo, ingenabungozi." Ukuba kukho ubungozi iba yintlekele ke. Eyona nto iyinqobo kwisiyolisa kukungangqinelani, mhlawumbi masithi kuxa ingqondo iphawula isiphene phakathi kwemeko yelo thuba nento ebifanel' ukuba yiyo. Thabatha umzekelo apha owaziwa kakhulu womfo otsolileyo engasabaleki ebhazalele ukusukela umnqwazi wakhe omka nomoya. Singongeza sithi ngokubhekiselele kulo mzekelo, into eyonwabisa ababukeli ayethi kuba bebona ophatheke kakubi ngokungekho mfanelweni. Kanye endaweni yoko masivume ukuba umbono wengozi engabhekephi xa ukwabanye ungekho kuthi utsho kude kubekho nendawo efuna ukwanela. Ukuba ke ingozi yembi kanye lowo ke imhleleyo sitsho sivelane naye, kodwa ukuba yimfeketho nje imincili yethu isuka inyukelane ngokubangwa kukungadibani kwethamsanqa lethu nelishwa lalowo uhlelwe lilo. Ngoko ke ukungangqinelani linqanaba elibalulekileyo kwisiyolisa.

Kungasizathu sini ukuba sihleke ?

"Umntu," utsho u**Hazlitt**, "nguye kuphela isilwanyana esihlekayo nesilila iinyembezi," unobangela woko ke kungokuba ngumntu kuphela obona isikhwasilima phakathi kokukuko nobekufanel' ukuba kuko, phakathi kwengcamango nokuwa phantsi ekuyiphumezeni, phakathi kwento ephathekayo nesithunzi sayo. Masibuye ke kokuhlekisayo size kwisiyolisa. Yintoni kanye iinjongo zeziyolisa ezisihlekisayo. Kwa ezo zinto zisihlekisayo kwiinto zentlalo ikwazizo ezisihlekisayo eqongeni. Siyazihleka izihiba, siyabahleka abazibona belumkile, nabazenza into abangeyiyo, abaphungulekileyo, amaqathalala, nabahanahanisi. Siyakhleka ukungaqondani ngezimvo, imizamo engenaziqhamo yobindeko oluphuthileyo, ukungabonani ngezimvo, necemeko zokugogeka. Siyazihleka iingozi ebezingalindelwe, siyavuya sakuphawula

ukuzigasa kusenziwa ilize, sancele kanye sakubona onomoya ongendawo edibana nentlekele, kodwa ingabiyiyo eyenzakalisa umzimba.

Izinto iziyolisa ezibambebele ngokukodwa kuzo.

“ Kwintlekele intsusa yesenzo,” utsho uGervinus, “ kukuzithemba okuya kunyukelana kuse kubugqal’ umbombo, ukuthand’ udumo, amabhongo, neenkanuko ezingenamida. Kwisiyolisa ukuzithemba kugutyungelwa kukuzithanda, ukuziqhenya, nokuzigasa ; iinkanuko zakhe zihla zibe lilize, buze ubuvilikitshane beenjongo bubekude le kukubaluleka kwemigudu. Isiyolisa ke sifika sibandezele kanye ekwenzeni oko kuzithanda ukuba kudule, ukuzikhohlisa namalinge ako ukukhohlisa abanye, nokubeka elubala amampunge kwiziphwiwo ezithakazelelwayo, nekratshi labazigasayo. Oku kwenziwa ngendlela apha etsho icala elihlekisayo lobomi liqagambe kanye liphuhle.”

Iindidi ezimbini zeziyolisa.

Ababhali bemidlalo bafika babalule iindidi ezimbini zeziyolisa, iZiyolisa zoThando, neZiyolisa zeYelenqe. Umbhali mdlalo unokubuzoba ubomi ngohlobo lokuba amabona-ndenzile nobuqothenqikili kunge kulawula wona njengabaqingqi beziphelo zezinto, zisuke iziganeko, kungengatyala labadlali zibe nto yimbi kuleyo ibilindelekile. Xa kunje ke sinesiyolisa sothando. Mhlawumbi umbhali wesiyolisa usenokubuzoba ubomi njengokungathi buzalwa lurwebo nezinye izinto ezinomtsalane, yiminqweno nemisindo, kukumisamiswa ngabantu abasemdlalweni, abathi ke noko, phakathi kweempikiswano nokuphutha bubonakalise ubuze babo nokutshabalalisana kwabodwa, bukhokelele kwiziphumo ezizimbi ezingezizo ezo bekujongwe zona ngababhali. Sibe ke ngoko sinesiyolisa seyelenqe.

IZiyolisa zikaShakespeare.

Iziyolisa zikaShakespeare azivumi ukuhlengahlengiswa. **KuBusuku beShum’ elinamMbini**, zombini ezi nkalo zothando

neyelenqe zidityaniswe ngokulinganayo. Kuzo zonke iziyolisa zakhe okuhlekisayo kuza ngengozi ekuqhutyweni komdlalo. Ukwenza ukuba kuhlekwe akukhe kubonakale kuyinjongo yombhali njengoko kuba njalo kumaqobola eku-bhaleni. Into ehlekisayo iba lapha phezulu nje ; ngaphantsi ngumsinga onamandla woluvo ; kukholis' ukusoloko kukho isifundo esifihlakeleyo, baze abo basemdlalweni babe nolutho abaluzuzwa kwabo bahlekayo. Mhlawumbi eyona nto ifika iphuhle kuzo zonke iziyolisa zikaShakespeare kukuba " u-moya wobuntu neengcinga zembongi ziyongama kanye kunobuciko nje nentlamba, sizive sivelana nabadlali futhi kunokuba sibahleke."

KuBusuku beShum' elinaMbini.

UBusuku beShum' elinaMbini sekuthiwe ngabo " bubona bumsulwa nobuyolisayo kokubhalwe nguShakespeare." Kanti ke noko abumsulwa kangako. Kukho imitshithi yothando noluvo olomeleleyo oluphawulekayo kuzo zonk' iindawo ezinobunzulu. Kanti ke nobuvuvu buyaphuhla noluvo lwesiphelo esonwabisayo. Akukho ntlekele yanto kuso. Izohlwayo nezothuso zikaMalvolio ziyahlekisa ngokwazi kwethu ukuba aziphethe nto. Intsini ihla ngenxa yokuzithanda kwakhe okungenambaliso, enziwe simbone eyintlekisa le, kanti ke noko kuShakespeare loo ntsini ayifumbethe bubu. UMalvolio akade alahlekwe mpela sisidima sakhe naluvulwano lwethu. Intswela-kuqonda kuMhlekezazi uAndrew yenziwa into yentsini ngamaqabane akhe aphaphileyo, ukanti naye uyasichukumisa ngezo nto sifanayo ngazo. Akukho mdlali kwabakaShakespeare okhe atsho sizive simdelile. Naphi na apho imbongi yenza into yentsini ubuncinane, ububhetyebhetye neziphene zoluntu, ikwenza oko ngomoya omhle.

Ngokugqebela kwaseMngqungqweni.

Oku kugqebela komngqungqo kungachazwa ngokuba yimeko abathi abo bangabaphulaphuli emdlalweni babone

intsingiselo enzulu esenzweni okanye entethweni yabo badlalyo eqongeni kunokuba bona badlali beyibona. Okanye kusenokwenzeka ukuba umdlali abonakale ethetha ngokubugqebela xa enyanisweni athetha oko akwaziyo, mhlawumbi acinga ukuba uyakwazi ukuba kuyinyaniso epheleleyo. Xa kunje ke ababukeli banokubona intsingiselo enokuthi kanti ifumbethe iinto ezimbini, lo xa abanye kubo banokuwatolika loo mazwi kanye ngaloo ndlela isithethi esi besifuna enjiwe njalo. Oku kocaciswa yimizekelo esothi siyenze.

ITshawe lisinika umzekelo xa lenza intetho yobulumko kunokuba lona licinga, xa lithi kuViola :—

“ Kuba basaya kukuphika oku kwale minyaka yakho yolonwabo, Abathi uyindoda.” I. iv. 30

Apha ke ababukeli kuba besazi ukuba uViola akayiyo ndoda baya kubona iintsingiselo ezimbini kumazwi omdlali kunokuba yena ebecinga. Xa uOlivia abuza uViola othi, **Uligwija** aphendule ngelithi :—

“ Hayi, mbilini yentliziyo yam : ukanti ndifunga ngazo iingcambu zolunya, andiyiyo loo nto ndizibonakalisa ndiyiyo.”
I. v. 170

abaphulaphuli baya kuqonda ngokuphandle into ethethwa nguViola, athi yena uOlivia angayiqondi ngokuzeleyo.

Incoko phakathi kweTshawe noViola kwiNdima II. Umboniso iv. izele yimizekelo elolu hlobo. Intetho kaViola izele zezi ntsingiselo zinokutolikwa kubini, iyecacileyo ngokuphandle kwiTshawe ngendlela ethile, kanti ke kubaphulaphuli uthwele lukhulu kunokuba lona libona.

KwiNdima III. Umboniso i, le ncoko ilandelayo iqhubeka phakathi koOlivia noViola :—

UOlivia : Ndiyakubongoza khawundiphe okucingayo ngam.

UViola : Ukuba ucing' ukuba akuyiyo into oyiyo.

UOlivia : Ukuba ucinga njalo, nam ndicing' oko ngawe.

UViola : Ungaba utsho khona : andiyiyo into endiyiyo.

UOlivia : Ndingwenela ukuba ube ubuyiloo nto bendinga-
thanda uyiyo !

UViola : Ibingalungayo, nkosazana, kunento endiyiyo ?
128-133.

Apha ke uOlivia uthetha inyaniso ngenene kunokuba ecinga njalo yena, ibe yona intetho kaViola imbolombini naxa angakubonakalisiyo oko. Ababukeli ke bona bayawuqonda lo³ mhlola, saye isitshixo sokukuqonda sikubo.

Abadlali bomdlalo.

UViola. UViola lilona qhawekazi lo mdlalo lo. Kungenxa yeziganeko zakhe, uthando lwakhe, ubulali bakhe, ubuhle bakhe, umonde wakhe esicinga ngazo wakukhankanywa u-
mdlalo lo. Abanye abadlali ababalulekileyo uOlivia, no-
Orsino, noSebastian, bakufumana oko kuthi kuthandwe kubo ngenxa yokunxulumana noViola.

Ubuhle bakhe :

ITshawe lithetha olu hlobo ngoViola ekuzibonakaliseni kwakhe njengenkwenkwe :—

“ Umlebe kaDiana

Awugudanga ungebomvu ngokwerubhi ngaphezulu ; ilizwana
lakho

Linjengelo lentwanazana, libukhali lingenamalolo,

Kenke kufana kanye noko kwebhinqa.” I. iv. 30-33.

UMaria uthetha ngoCesario “ njengetyendyana elijongekayo ” (I. v. 94), ade noMalvolio wembala ekungekho mntu unokumtyhola ngokuba unekhetho komnye umntu ongenguye ayichaze le dyongwana ngala mazwi : :“ Uyathandeka ” (I. v. 148). UOlivia eqala nje ukumthi mandla “ selesiva ukugqibelela kweli tyendyana, kungabonakali koko kusiza ngendlela yobusela yobuqhophololo kucwatshuzela kuwo amehlo am.” (I. v. 278-280).

Uphawula ukuba ngumntwana wabantu.

“ Uzalwa ngubani ?

“ Ngasentla kweemeko zam, ukanti imo yam intle :

“Ndilinene.” Ndingafunga ulilo ;

**Ulwimi lwakho, ubuso bakho, amalungu akho, izenzo nomoya
Zikunika isanduleli esintlantlu ntlanu : I. v. 271-275.**

Naxa uthando lwakhe lukhatyiweyo, naxa ebenga angathetha ngokuzigasa kuye uyazibamba ekubeni amxelele ekolweni :—

“Awu, athi ke ukuba lukhulu kozindlo olubonakala luphuma kwimilebe yakhe, ukanti athi ukuba mihle kwayo !”

III. i. 135-136.

USebastian, ngobulali obunemfanelo, umchaza udadewabo olu hlobo :—

“Inenekazi, mhlekazi, naxa nje kwakusithiwa lifana kakhulu nam, ukanti lalibabaswa ngokubanzi ngobuhle balo : kodwa naxa nje ndandingenakho ngoncomo olugqithileyo ukukukholelwa oko, kodwa kangangoko ndinakho ukuthetha ngalo ; lalinengqondo awayengenakunceda nonobukhwele ukungayincomi.” II. 1. 21-25.

UMhleleki uToby, ngethuba anganxilanga ngalo wayenobulumko kwimicimbi yelizwe, ukuba akukho nto iyenye inokuzuzeka kuye, usixelela ukuba, **“Isimilo sale ndodana siyibonisa ukuba ngumfo onengqondo nokhuliswe kakuhle.”**

Ubufazi nemfesane yakhe.

Ukuzilibala ubuqu bakhe yenye yeempawu zakhe ezintle nezibalaseleyo. Uvelwano lwakhe lubandakanya bonke abobuni bakhe nabo bonke abaseluthandweni. Uyazi xa athi,

“Kangako ngothando abanokuthi ababhinqileyo babenalo emadodeni.” II. iv. 106.

Ngokukhawuleza kwengqondo yomntu obhinqileyo uyaphawula ukuba uwelwe nguOlivia, nanko ke eya kuvelana nosukuzana naye, ngovelwano lobhinqileyo,

“Njengoko ndingumntu oyinkazana,ngoku athi ke loo mini ! Zizingqala zini oluya kuthi udwayi olunguOlivia luzenze.” II. ii. 37-38.

Ubulali bakhe.

Ubulali bakhe buzibonakalisa kuzo zonke iintetho zakhe nakuzo zonke izenzo zakhe. Uyazifihla azenze umququzeleli ukuzikhusela kwiintetho ezingachubekanga zelizwe, kodwa akafumani mihlali ekuthabatheni inxaxheba kuzo.

**Kuzifihla-nto-uyiyo-ndini, ndiyabona usisikhohlakali,
Apho kuwe utshaba olungqondo ikhawulezayo lwenza lukhulu**
II. ii. 25-26.

“ Ungulowo ukhetha kanye ukuhamba nomhlekezi umfundisi kunokuhamba nomhlekezi igora,” kodwa kwiimeko ebezithi zibonakale zifumbethe ingozi eyoyikekayo kuye, ubulali bakhe bebumenza angabi nakho ukuthetha phandle abuxele ubuni bakhe. Naxa nje amweleyo ngokunzulu uOrsino, akazange alubonakalise uthando lwakhe, kodwa ngobugcisa obungenambaliso waba nakho ukulwenza uthando lwakhe lufikelele ezindlebeni zeTshawe.

UThando lwakhe.

Ngobunyulu, ubuethe-ethe, ngokuzilahlela ungumzekelo kubo bonke abothando. Uyazi ngawakhe amava ukuba iTshawe lithetha inyaniso xa lithe ngabo bohlobo lwalo :

**“ Iingcingane zethu zinesiyenzi nokungaqini,
Zineenkanuko nokungazoli, zihle ziduke zikruquke,
Kunoko zinjalo ezamabhinqa.”** II. iv. 33-35

Isimo sentliziyo yakhe sichazwe ngenene kuloo migca ingalibalekiyo xa aphenhula iTshawe, kumbuzo walo othi :—

“ Ke liqhuba lithini ibali layo ? ”

“ Liphepha ekungabhalwanga nto kulo, mhlekazi. Ayizange iluxele uthando lwayo,

**Koko yalufihla ngokombungu kumdumba,
Ilondla ngesidlele esingumxube wobubomvu nobumhlophe :
iziduba ngeengcinga,**

**Yaza ngosizi oluluhlaza-mthubi
Yahlala ngokukaMonde phezu kwesithombe,
Iyincumela into elusizi.”** II. iv. 109-115

Kwakunjalo ke ukuma gqolo kukaViola kwinto azinikezele kuyo, kangangokuba wayenakho ukunyamezela kude kusephi ukuba zazingathanga iimeko zibe nobubele kuye.

Uyazi ukuba uthando asinto inyanzelwayo apho kungekho mbewu yaluthando seyikho kakade.

“Masithi nenekazi lithile, njengokuba mhlawumbi likho, Likuthanda ngentliziyo ebuhlungu kakhulu

Kanye ngaloo ndlela uthanda ngayo uOlivia : akunaluthando lwayo ;

Ulixelele njalo ; alimelwe kukuphendula ke ?

Kanti ke njengebhinqa womana embinambineka kodwa enyamezele ; Ukuba ube yindodana ngewayeczazile zonke iindlela zokwenza imigudu ukuba ade awuphumeze umnqweno wakhe.”

Uthando lwakhe kumnakwabo lukwalukhulu njengolo anolo kuOrsino. Ukuqala kwakhe ukuvula umlomo emva kokuqhekekelwa kwabo yinqanawa uthethe ngoSebastian. Phambi kokuba amazi uOlivia wamfumana enombizane kuye ngenxa yengxelo ayivileyo yokuzilahlela kwakhe kumnakwabo ongasekhoyo. Kodwa ke kukho lo mahluko phakathi kwala manenekazi mabini. UOlivia uzibopha ngesifungo engazikisanga ukucinga phambi kokuba asenze, **“konke oku ukunonga uthando olufileyo lomnakwabo, anga lungasoloko lulutsha luhlale luhleli kwiinkumbulo zakhe ezilusizi.”** (I. i. 30-32), kanti ke kuwo lo mdlalo umkhankanya kanye. UViola akenzi sifungo, kodwa ubonisa ngokuphandle ukuba umnakwabo, abemcingela ukuba ufile, ubengazange walibaleka kuye.

“Bonisa ubunyaniso, ntelekelelo, Awu, bonisa ubunyaniso,

**Bokuba mna, mntakwethu uthandekayo, ndibe ndithatya-
thwa ukuba ndinguwe.” III iv 350-351.**

Ukuzizamela nokuzimisela kwakhe.

Akuba aphukelwe yinqanawa kunxweme lwasemzini, nanko selezilungiselela indlela amakaphile ngayo. Akuba

engenandlela yokukhonza uOlivia, uthi kwa-oko azimisele ukukhonza iTshawe. Akayicingi nakancinane into yokuba akangephumeleli kuzo iinjongo zakhe. Ngeentsukwana nje ezi ntathu nanko selengobhungisana neTshawe elibulawa luthando. Nanko ethunywa ukusa udaba kwiNkosazana, udaba obeselukhe lwathunywa mntu wumbi wawa phantsi, yena uyaphumelela, kanti uValentine ubegxothiwe. Unakho ukwenza umsebenzi otsho maxa wambi uchasane nendalo yakhe. Unakho ukuyiguquguquula intetho yakhe ifanele iimeko nalowo uthetha naye. Akuba esukelwa nguMalvolio nomsesane abe engakhange awunikézele kuOlivia, ingqondo yakhe ekhawulezayo yobubhinqa iyamnceda ukuba ayiqonde imeko kwa-oko ; uyabona ukuba uMalvolio akakho ebhungeni, ke uziva emadolwanzima ukuba ahlazise uOlivia phambi kwesicaka sakhe, uyawuthabatha umsesane abe ke ulinqandile ihlazo. Unakho ukusinda kwimeko embi ngokusebenzisa intetho enokutolikwa ngeendlela ezimbini, njengaxa aphendula umbuzo weTshawe, **“ Kodwa waba udadewenu ubulewe luthando, mfo wam ? ”** ngala mazwi :

**“ Ndizizo zonke iintombi zendlu kabawo,
Kwanabo bonke abanakwethu : ukanti andazi.”**

III. iv. 120-121.

Akuba edibene nomnakwabo, ube ngowokuqala ukuxela izizathu ebekungathi kwaziwe ngazo ukuba ungubani na.

“ Wafa mhla uViola wayeneshumi elinantathu leminyaka ezelwe. ” V. i. 235.

Intliziyo yakhe ephangaleleyo, ekhululekileyo, nenomsa.

Usifunda isimilo somntu ebusweni, akakhohliseki. Une-sisa ekuhlawuleni, waye emboleka imali nowasemzini. Uyi-thiyile

“ Intswela-mbulelo emntwini

**Nangaphezu kogaso olunobubhedengu, nonxilo olunobulopho-
lopho,**

**Mhlawumbi naliphi na ichaphaza lobubi elikubola kwalo
kunamandla**

Kuhleli ngaphakathi kwelo gazi lethu li-ethe-ethe.

III. iv. 327-330.

Isimo sokuziphatha kwakhe.

Uyalithanda iTshawe kuphela njengoko anokuthanda, ukanti, xa ayalelwe ukuba aye kulincethezela kwelinye inenekazi, akathandabuzi nakancinane ukukwenza oko, kuthi nokuba akusamkeleki ngayiphi na indlela, kodwa kubonakale kuye kuyimfanelo yakhe.

“ Ndiya kuzama kangangoko ndinakho

Ukuncokolisa inenekazi lakho : (Bucala) kanti, umgudu onezithintelo ? Nokuba ngubani na endingathi ndimncokolise ndim onga angayinkosikazi yakhe.”

Kude kwakabini uOlivia emyalela ukuba athethe, kodwa impendulo yakhe yethi kuphela :

“ Inkosi yam inga inganelizwi ; imfanelo yam iyandithulisa.”

V. iv. 101.

UOlivia, Esakhe isimo sibonakala siyingxubakaxaka kunene kuneso sikaViola. Asithi kwa-oko nangaphandle kwamathandabuzo sifikelele kwisigqibo esithile ngaye. Kuqala ubonakala kuthi ethiwe lwale likratshi, size kwakhona simfumane eziphosa kunye nobutyebi bakhe ezinyaweni zenkwenkwana engumququzeleli. Sicinga ngaye esezileni lomntakwabo ofileyo, kuthi kusenjalo eso sifungo senziwe ngaphandle kokucinga saphulwe ngokukhawuleza. Wala ukwamkela isithunywa esithile esivela kwiTshawe aze asamkele esinye, esingazimisele kushenxa. Uzibonakalisa engumntu ongafuni zincomo, ukanti siziva sinyanzelekile ukuba sithi indlela uViola amnyhwalaze ngayo mhla banentetho yokuqala ayiphumanga ze. Ezinye zezi nguqulo nokunye ukungemi ntweninye masivume ukuba sisiphumo samandla othando aguqulayo, kodwa ezinye masivume ukuba ziziphumo zeenkani nobuqothaqikili bakhe.

Ubuhle bakhe. Buvunywa ngabo bonke, bude buchazwe benjiwe nje nguViola :

“ Bubuhle obuxutyaxutywe ngenene, obumbala umnyama nomhlophe

Ethe iNdalo ngesandla sayo esihle nesinobuchule yabuzoba.”

I. v. 222-223.

Aze athi kwakhona :

“ Ndiyayibona ngoku inkathazo yakho, uthiwe lwale likratshi Kodwa, nokuba ube ungodwebile, umhle.” I. v. 232-233.

ITshawe libuxabise ngaphezu kwewonga nobutyebi, lide livakale limemelela :

“ Ezo ndawo lithe ithamsanqa lasinikela zona,

Sixelele, ndizijonga ngokungakhathali, njengoko esenjenjalo uthamsanqa ;

Kodwa nguloo mmangaliso wobuhle baso,

Ethe indalo yangqubuthela ngabo obunombizane kumphefumlo wam.”

Lize lithi kwakhona :

“ Nantsi isiza inkosazana : ngoku ke izulu linyathela umhlaba.”

Imbonakalo yakhe ikhuthaze imbeko.

Ukuza kuthi ga kwithuba lokuqalisa komdlalo lo, wayeziphilele intlalo ezukileyo neyokuzigcina, wazifumanela igama elihle kuzo zonk' iindidi zabantu. IKapteni ithi ngaye **“ yintokazi enesonti.”** USEbastian umangaliswa yindlela **“ aqhuba iinto zomzi wayo, ilawule abantu bayo.”**

“ Iqhube imicimbi yayo iyiphumeze

Ngaphandle kobugingxigingxi koko ngengqiqo nangesidima Njengoko ndiqond' ukuthi wenjenjalo.” IV. iii. 18-20

Naxa nje awileyo kumququzeli ngohlobo lokuba angabi nakuzibamba, usasigcinile isidima sakhe :

“ Kuba iyintoni ongayicelayo kum ndize mna ndikulandulele.

Ekungathi ngokusindisa uzuko, uthi ngokucela uyifumane.”

Izicaka zakhe zizilahlele kuye.

Siyaboniswa indlela enza ngayo izicaka zimlulamele. Uyazingxolisa xa kukho imfuneko yoko, de athethe ngamandla

kanye ngamanye amaxesha, kodwa ngalo lonke ixesha uyazithanda. Usixelela ezimpondweni isiphoxo into ayicingayo ngaso xa asingxolisela iziphoso zaso, kodwa angabavumeli abanye ukuba bathethe kakubi ngaso :

“ Ukuthethile okulungele thina, nkosazana yam, ngokungathi unyana wakho omkhulu uya kuba sisiphoxo.” I. v. 103-104
Uthando lwakhe.

Lufika kuye njengesohlwayo solunya lwakhe. Uyaluqonda indlela engaqhelekanga olumza ngayo, azame ukuyilwa, kodwa kungancedi nto. Ukuba khona unemigudu ayenzayo ukulwa olu tshobo kuphandle kwintetho yakhe :

**“ Ngiziphalaz’ iimbilini kwintliziyo eyenziwe ngelitye,
Ndasaneka isidima sam ngendlela engafihlisiyo :
Kukho nto ikhoyo kum ibukhalimelayo ubutyala bam ;
Kodwa bubutyala obuqin’ intloko nobunamandla ngohlobo lokuba**

Busuka bukwenz’ into yentlekisa ukukhalinyelwa.”

UMaria. Uyimpoxo eziblalele nje. Eyona imvuyisayo ebomini kukubona abanye abantu bexhwalekile, lukhule lunyukelane olu vuyo xa ide yaba nguye kanye umbangi waloo nkxwaleko. Umsebenzi wakhe kanye njengalowo weSiyolisa kukubeka elubala enze intlekisa ngeziphoso, nokuziqhenya, nobudenge babanye abantu. Umhluba ammise ze uMalvolio kuwo amampunge akhe, abutyhile abubonise ubunzulu bobudenge bobubhanxa bukaMhlekezazi uAndrew, akhwezelele uMhlekezazi uToby kuqhulo lwakhe olunczanga, ngokunjalo nakubuciko besiphoxo. Lo mntu wenza ezi zinto akakho, lichebetywana clingephi. Kufuthifuthi apha emdlalweni kubhekiswa kobu buchebetyu. UViola umbiza ngokuba **“ sisigebenga ”** sikaOlivia (athi lenye), uMhlekezazi uToby uthi, **“ Rolindara, Penthesilea,”** aze kwakhona, athi **“ Nali lisiza eli tshivelana.”**

Ufuman’ imihlali ekunxwaleni.

Akukho namnye osindileyo kwingqondo yakhe yobuciko

enobubhojabhoja. Utsho kube mnyama lwale kwingqondo yoMhlekezazi uAndrew, itsho imenze into yentlekisa, de adanduluke uMhlekezazi uToby :

“ Awu tshawe, uswele intwana yotywala : ndakha ndakubona nini usoyisakala olu hlobo ? ” I. iii. 74.

Uzama ukuphoxisa nangeSiphoxo koko udibana nentanga yakhe, kuba naxa nje ezifumanela ukunconywa siso ngenxa yobuciko bakhe, kuncinane kakhulu okukokunye akufumanayo kuso. Kanjalo akakufumani kulula ukuphoxa uViola, mhlawumbi apha singathi wayethitywa bubukho beNkosazana uOlivia. Ngaphezu kwayo nayiphi na enye into akukho nto imvuyisa njengokuqhula uMalvolio. Umfunde ngohlobo lokuba amazi ukusuka nokuhlala, ngaphandle nangaphakathi.

Unyanisekile kwinto athi uza kuyenza. Yeka imincili yakhe xa abona oko kuyilwe nguye kuqhubeka ngempumelelo. Usulela namaqabane akhe ngaloo mincili. Okukhona aqumbayo uMalvolio kokukhona achulumachayo yena Maria. Akamphi nelincinane ithuba.

Ufundile waye eqavile.

Naxa nje ebizwa ngokuba yimpelesi kaOlivia, ufunde kakuhle kanye ngangokude isandla sakhe ekubhaleni sifane neso senkosazana yakhe, uchubek le enkangelekweni, waye enxiba kakuhle ngokwaneleyo, kangangokuba uViola ukuqala kwakhe ukumbona ekunye noOlivia, wadideka ukuba nguwuphi na kanye ongumnikazi-khaya. Lichule ekufundeni izimilo zabantu, ezibona ngoku iziphene kuzo. Umbone ngokuzeleyo uMhlekezazi uAndrew ubuncinane bengqondo yakhe. Uyakwazi ukumzuza ngokumncoma uMhlekezazi uToby, odomboza angawuhlanganisi xa ancoma ingqondo yakhe ebazileyo, namandla akhe okuhlasela.

Phambi koOlivia uyakwazi ukuzibutha azibumbe ngohlobo lokuba naxa angumqulunqi-yelenqe nje, yena ngokwakhe akazange aranelwe nakancinane.

UOrsino. Xa sizibeka nxamnye izincomo eziphalazwa phezu koOrsino ngabanye babo bathabatha inxaxheba emdlalweni, masitsho ngokuphandle ukuthi asiboni nto ifanele luncomo lungako. Ubonakala kuthi engumfo oxabise isiqu sakhe, into engenazingcamango ngabanye abantu kuba iziduba ngezothando. Indoda elolo hlobo ingade iyiginye intliziyo yenkazana njengoko yenjenjalo kuViola. UOlivia osimilo siye kakhulu kwesakhe umbone ngoko nangoko ubukhamte bakhe.

Uyathandeka. Kuthethwa kakuhle ngaye ngabo bonke abantu, kuba uyinzwana, uchubekile, enesoya. IKapteni ivakalisa uluvo lwabaninzi xa ithi ngaye :

“Litshawe elizukileyo ngesimo nangegama.” I. ii. 25.

Unendlebe yengoma, waye umfo enamazwi okuzincethezela. Ngumfo ophayo onobubele, waye ekhululeka phakathi kwabantu kuba nanko ade ahlale onwatyiswe nasisiphoxo, nanguViola xa anokuthetha ngobuchule obungaka ngezothando. Kodwa ke zonke ezi zinto kukumkha nje phezulu. Ukuba singa singasazi isimilo sakhe masinge sihla nzulu.

Isimilo sakhe.

Unakho ukuthetha ngothando, athethe kambe ukubasela loo mlilo, kodwa akakwazi ukulubonakalisa uthando apho afanele ukulubonakalisa khona njengothandayo. Akemi ntwen' inye kwakuthethayo nakwenzayo.

Lakuba ihlebo likaViola lityhiliwe, akafumananga bunzima ekuluphethuleleni uthando obelusakutsoliswa kuOlivia, aluse kuViola.

Sebastian.

Eli lityendyana elizukileyo nelikhaliphileyo, igazi lisatsawula, lomelele, lizithobile linovelwano, umnakwabo Viola omfanele ngenene. Siqala ukuva ngaye kwiKapteni yenqanawa eyaphukileyo.

**“Ndambona umnakwenu,
Eyilumkele ingozi ngendlela eyodwa ezibophelela,**

Ukhalipho nethemba zombini ezo nto zimfundisa indlela yokukwenza oko,

Kwimasi eyomeleleyo eyayilapho elwandle ;

Apho athe njengoArion ebeleke emqolweni wenguza,

Ndambona eya eqhelana namaza

Ngalo lonke ithuba endibe ndisenokumbona ngalo.”

I. ii. 11-17.

Ukuqala kwethu ukudibana naye uhamba nenye iKapteni, uAntonio, obe nguyena umsindisayo ekuraxweni. Woyisakele lusizi lokufa kodadewabo, kodwa akalibali ukuvakalisa umbulelo wakhe oshushu kumhlanguli wakhe, engavumi ukumthwalisa ubunzima beentsizi zakhe. Indalo yakhe yobutsha neyokujongana namabona-ndenzile noko ayimvumeli ukuba ahlale ndaweninye eman' ukuzivel' usizi ebambelel' esidleleni ngenxa yeentsizi zakhe. Nanko ephuma “**eya kwaneza amehlo akhe ngezithombe zezikhumbuzo, nezinto zodumo, ezenze ukuba esi sixeko sidume.**” Iziganeko zimzela engazibizanga, zimfikele ekulungele nakuphi na okungamhlelayo. Ufika kamsinyane esigqibeni aze enze ngokukhawuleza kwimeko ethe yamminxa, nokuba umsebenzi lowo ngowokuzikhwebula kuso isiphoxo, okanye ukuphos' inqindi kuMhlelazi uAndrew mhlawumbi ikrele lakhe kuMhlelazi uToby, mhlawumbi ukuphendula ukuzithethelela abengakulindele kwenzwakazi uOlivia. UMhlelazi uAndrew uncoma adomboze ubuchule bakhe namandla akhe ekusebenziseni ikrele.

Kanti masingacingi ukuthi ubefumane angene esiphithiphithini nje ngenjongo yokulwa. Yiva xa angxengxezisayo kuOlivia :

“**Ndilusizi, nkosazana, ukuba ndibe ndizenzakalisile izizalwane zakho ;**

Kodwa ke nokuba ibisisizalwane sam segazi.

Bendingayi kwenza ngaphantsi, ngengqondo yokuzikhusela.”

Yimvekwana engenamazwi maninzi, kodwa yegazi lozuko

ngenene, ke siqinisekile ukuba uOlivia ekutshateni yona akasayi kuze azisole.

UMalvolio.

UMalvolio osisitshovu nozigwagwisa ngemfundo nguwona mfanekiso ufezekileyo womntu ozigasayo onokuthi ufunyanwe kuzo zonk' iincwadi zesiNgesi. Into engathi mhlawumbi ilibaleke yeyokuba kukho icala elincomekayo kuye.

UOlivia, owayemxabisile ngenxa yezi mpawu ziluncedo kuye, ukuzilahlela kwakhe emsebenzini ngesazela esikhulu, umoya wakhe opholileyo, nokunyaniseka kwinkonzo yakhe, zazingamsithele iziphene anazo.

UMaria wayemchase ngokungazenzisiyo, kangangokuba akukho nencinane inkolo yokuba wayenokucinga ukuba kukho nto iyiyo ingaze ivunwe kuye, kanti ke ngelinye icala xa yena Maria abonisa ukungabi nto kukaMalvolio akukho nesuntswana angelelifakile ekungathiwa ulilibe.

Ubukrwada bakhe bubalasele. Xa sikubeka bucala ukuzigasa kwakhe, kukho enye into engathandekiyo kuMalvolio, ubutshovu anabo. Bubonakala kuqala ebenza kuCesario kumnyango wendlu kaOlivia. Bubonakala kwakhona kulaa mboniso apho uMalvolio aphindisela (ngokucinga kwakhe) umsesane kuCesario, nobubhovubhovu abenza kwabo bangaphantsi kunaye. Sinokuthi sibone ke ngoko ukuba iziphene zethu ezidulusele kwabanye zinento eziyenzayo kuthi ekuhlalaneleni, zaye zibaluleke ngaphezu zakujongwa ngeliso loluntu kunezo ziphakathi kwethu nezazela zethu, kuba zingabachukumisi nganto abanye.

Kuko konke oku uMalvolio akadalelwanga buntlekisa, oko kuyintlekisa kuye kuza ngempazamo. Umfo lo akanaxesha likabani, uyaziqonda, ulukhuni, akathandwa ngabantu; UMaria uthi ngaye ungosulungekileyo. Akabuthandi ubuntshwaqane. Ikratshi lakhe lendele. Isimo sakhe asithandeki kodwa asinampoxo singacekiseki kanjalo. Uziphakamisile mhlawumbi ngaphezu kokuba kumfanele. Asiboni

sizathu esasinokubanga ukuba angakhaliphi ahlonipheke, agqibelele. Intetho yakhe ngawo onke amaxesha yileyo yolinene nomfo wemfundo. Masingamdibanisi kunye nolwaa hlobo ludala lwamagosa, luphantsi lweziyolisa. Ungumphathi wendlu yeTshawekazi ; iwonga ke alinikwe mhlawumbi ngenxa yeempawu ezizezinye kuneminyaka yobudala. UOlivia akuva ngathi uphambene, uthi ubengethandi ukumbo-na ephambana. Okunye yena Olivia umxelela ezimpondweni ukuba ukuzithanda kwakhe kususifo kuye. Noko ke kukho imitshontshi yexabiso kumfo lo.

ISiphoxo. UFeste uyimvumi. Makuqondakale ukuba akukho apha kuBusuku kuphela kodwa nakweminye imidlalo kaShakespeare, inkoliso yeengoma ezindala zivela kwisiphoxo emdlalweni. Isiphoxo somzi ibibangumfo obesakonwabisa abaphulaphuli bakhe ngengoma. UFeste unelizwi elimnandi ngokwencindi yobusi, waye ngalo enokucula ngobuchule obukwanjalo iingoma zothando neengoma ezingobom obumnandi. Usixelela ukuba uyakuthanda ukucula, aze abonakale phambi koViola ephethe intambula. Usisibhanxa esilumkileyo phakathi kwezilumko ezizibhanxa. Akazilibali ukuba ungophakamileyo, eziqonda ukuba akathanga wambu ubumfakamfele ebuchotsheni bakhe. Uyabubona ubukhwasilima bukaMalvolio kwaneTshawe 'eli, waye eneyeza labo. UViola uthinjwe ingqondo bubuciko bakhe nabubuchule bakhe bokwenza umsebenzi onzima.

Iintetho zakhe zobuciko azizizo izinto eziqwetywa ngomzuzwana okanye izimanga ezihlekisayo ezenziwa ziziphoxo ezingabhekephi. Zona zibonakala ngathi yinto ekhe yahla-lelwa phantsi yacingwa.

UMhlelazi uToby Belch.

Esinye seziphiso zobuchule bukaShakespeare kukukwazi kwakhe ukubazoba abo athetha ngabo ngohlobo lokuba sibathande. Ulolo hlobo ke uMhlelazi uToby lo ; ngudya-kalashi, okrwada, osileyo, umreletyi, nohlaba-ngophondo,

kanti asinakuzinceda ukuba singamthandi. Nazi izinto ezimthethelelayo, ubuciko, uburara nokukulungela ukulwa xa kukho imfuneko yoko, iinto ke ezo ezitsho zicime naziphi na iziphene anazo emehlweni ethu.

Linxila clinengxolo. Amazwi avula ngawo umlomo, **“Ndiqinisekile ukuziduba lutshaba lobom.”** asilungiselela ukuba simazi. Uhlala kude kube sezinzulwini zobusuku esitsho ngamakhulu amathamo eziselo kunye nesihiba segora abonisa kulo ubuciko bakhe abe kwangelo xesha elikhuthuza. Inkoliso yomdlalo lo unxilile okanye ubunxila, baye bonke abanye abantu ebabeka emyingeni ngokusela kwabo.

Usile enobuqhophololo. Uyijika indlu yomtshana wakhe ayenze inkanti, aze yena abonakale phambi kwakhe ephelile kukunxila. Akahlonele bani, umbiza uOlivia ngokuba yi-Cataian, amxelele uMalvolio ukuba angaya kuzixhoma. Uyamkhuthuza uMhlekezazi uAndrew ngokumkhohlisa, azuze nehashe lakhe uCapilet ongwevu, lixoki elingabethelwa nangu-a. Waye ezicingela ukuba uhlakaniphile kunokuba enjalo ngenene. Isiphoxo sithi ingqondo yakhe yinwebu aze uMaria amlukuhlele ekubeni amtshate, kanti ungaphantsi kuye ngokodidi.

Imfundwana yakhe irwalasiwe. Into ekhuliswe kakubi nekrwada, unakho noko ukucwanya kuMhlekezazi uAndrew, ojonge kuye njengento yokukotshwa. Uyayiqonda ingqondo entle nokukhuliswa kakuhle kukaCesario, ekuqonda kanjalo ukucel' umngeni kukaMhlekezazi uAndrew indlela okuya kuvakala ibubudenge ngayo kwimvekwana. Ubuciko bakhe bobodidi oluphakamileyo, yaye intswahla yolonwabo lwakhe isulela.

Akalilo igwala. Ukufika kukaAntonio ngexesha elihle ukuba alinqande idabi abejonge ukuzonwabisa ngalo, uMhlekezazi uToby ukulungele ukucweya nayo iKapteni le. Kuthe kamva akubonakala uSebastian emkhulela uMhlekezazi uAndrew, uMhlekezazi uToby wayamkela ngothakazelo indawo

yakhe. Akuba enikwe inkenkebula eyophayo akakhange akhwine anqwenele ukuba abe ebesekhaya njengoMhlekezazi uAndrew, ukuthabathe oko njengento ebilindelekile.

UMhlekezazi uAndrew Aguecheek.

Yena, ngabo ubudenge bakhe obude bunge bumphange ingqondo, ngoncomo lwakhe iimpawu zabany' abantu, nobutyutyusi bobugwala bakhe, wahluka mpela kumhlobo wakhe uMhlekezazi uToby. Iyilo, into engenamqolo yona ngokwayo, loo nto iboniswa nguMhlekezazi uToby yiyona iyiyo, azame ke ukubuqulunqa obakhe ubom ngaloo ndlela yalowo umenza intlekisa. Uyazazi ukuba akanabulumko. Akazi kodwa ukuba ubutyhifili bakhe buhamba buthi gaphi na. Igxeke ulibalela kwimfundo yakhe ukungafezeki kwayo, ethemba ke ngoko ukuba ukusondelelana kwakhe noMhlekezazi uToby kokunyanga oko.

Ukholelwa ngokungazenzisiyo ekubeni kukutya nokusela izinto ezifunekayo ebomini. Umboniso apho adudulelwa ekulweni noViola kuhle uwubukele udlalwa eqondeni ukuze ube nokububona ngokupheleleyo ubutyutyusi bobugwala bakhe. Inye kuphela intetho ekungathiwa yeyakhe, licebiso lakhe lokucela umngeni kuMalvolio, isithembiso eso abuye wasaphula. Njengenkoliso yawo onke amagwala ngumphithizelisi ozigasayo. Akanasikhalazo anaso kuMalvolio, kodwa nje ukulinganisa abanye uyangena cyclenqeni, aze esekhuselweni ahleke nabanye ezingca ngabenokukwenza.

UFabian. Lo kuphela, xa sisibeka ngaphandle isiphoxo, komntu onengqondo kule nkitha yesiwiliwili eyasuka ubusuku yabuphethula yabenza imini kwizindlu ezisezantsi zebhotwe likaOlivia. Xa athi uyawuthanda umdlalo uthetha inyaniso, engenayo nentwana encinane yozindlo okanye yokuvuyela impindezelo nje kodwa. Uyamncedisa uMhlekezazi uToby ekulahlekiseni uMhlekezazi uToby kumcimbi womngeni wakhe. Icebiso lakhe kuMhlekezazi uAndrew lendlela yokuzuza uthando lukaOlivia, lihle sakucing' ukuthi lalinikwa bani na bethu.

UAntonio. Ikhalipha leKapteni yenqanawa engeni sinomdla kakhulu kuyo ngenxa yokunxulumana kwalo noSebastian. Lingumfo osandla sikhululekileyo, olibhadubhadu, ngaloo ndlela kanye sibazi **omenaho** beyiyo. Linesimilo esizukileyo ngendalo. Lo mntu uyithululela yonke intliziyo yakhe kumhlobo wakhe omtsha angafuni mbuyekezo. Unovelwano naye ade abeke ubomi bakhe esichengeni sengozi engajonga nta ntlawulo. Nanko enikezela ngesipaji sakhe kumhlobo wakhe ngokungathi wenza eyona nto iqhelekileyo ehlabathini.

Abathabatha inxaxheba emdlalweni.

UOrsino, iTshawe laselliriya.

USebastian, uMnakwabo Viola.

UAntonio, iKapteni yenqanawa, umhlobo kaSebastian.

IKapteni yenqanawa, umhlobo kaViola.

**UValentine }
UCurio } amanene ajonge iTshawe.**

UMhlekezazi uToby Belch, uNinalume kaOlivia.

UMhlekezazi uAndrew Aguecheek,

UMalvolio, iGosa likaOlivia.

UFabian izicaka zikaOlivia.

UFeste, iSiphoxo

UOlivia, iNkosazana esisityebi.

UViola, udadeboSebastian.

UMaria, iMpelesi kaOlivia.

**Iinduna, umPriste, oMatiloshe, aMagosa, iiMvumi
neeMpelesi.**

**Umboniso : ISixeko eIliriya ; noNxxweme lolwandle
olukufuphi apho.**

UBUSUKU BESHUM' ELINAMBINI

Mhlawumbi Oko Ukholwa Kuko.

INDIMA I.

UMBONISO I. Igumbi kwibhotwe leTshawe.

Kungena iTshawe, noCurio, nezinye iZidwangube ; Abengoma bentyiloza.

ITshawe. Ukuba ingoma kukutya kothando, dlala ke ;
Ndinike yona ngokugqithileyo, ukuze ngokuzingxala,
Ide intliziyo ibe nesicefane, iphele inkanuko.

Loo ngoma kwakhona ! iye iphela ngokuthe zole :

Awu, idlule phezu kwendlebe yam ngokwesandi esiyolileyo
Esiphefumla phezu kwemfumba yeevayoleti,

Ezithi bubisa zinike ivumba ! Kwanele ; pheza :

Ayisemnandi ngoku njengokuba ibinjalo ngaphambili.

Athi ke wena moyandini wothando ! Ukuthakazeleka no-
kuphola kwakho,

Ngohlobo lokuba xa sibubeka nxamnye ubungakanani bakho
10

Obuginya ngokolwandle, akukho nto ingenayo apho,

Nokuba seyyeyexabiso, kanjalo nokuba seyiphakame kangaka-
kanani na,

Koko ithi iwe goxe ingabi naxabiso,

Nokomzuzwana : luziimbonakalo ngeembonakalo uthando

Ngokokude lona ngokwalo lube ngamaphinziphinzi.

UCurio. Akuyi kuzingela, mhlekazi ?

ITshawe. Intoni, Curio ?

UCurio. Ixhama.

ITshawe. Uthini na, ndenza oko, ndinelona lizukileyo :

Athi ke, mhla amehlo am amalama uOlivia,

Waba ngathi kum uhlambulula umoya wenyhikitya yokufa !

20

Ngaloo mzuzu ndaguqulwa ndalixhama,

Zaza iinkanuko zam ngokwezinja ezingamangesi ezoyikekayo
nezikhohlakeleyo,

Ukususela oko zandithi ngcembe.

Kungena uValentine.

Yintoni ngoku ! ziindaba zini ezivela kuye ?

UVal. Makukholeke kwinkosi yam ukuba andinakuvunye-
lwa ;

Nkqu sibhakabhaka ngokwaso, de kudlule amahlobo asixhe-
nxe,

Asisayi kububona ubuso bakhe kufutshane ngokwaneleyo ;

Kodwa, njengonongendi, uya kuhamba ezigqubuthele

Aze kanye ngemini alenze manzi igumbi lakhe

Ngaloo manzi amtyuwa akhathaza iliso : konke ukunonga 30

Uthando olufileyo lomnakwabo ; anga lungasoloko lulutsha

Luhlale luhleli kwiinkumbulo zakhe ezilusizi.

ITshawe. Awu, lowo unaloo ntliziyo, inesimo esinjalo ukuba
sihle,

Sokuhlawula eli tyala lothando ekwenza nje oko kumnakwabo,

Uya kuthanda njani, xa luthe olo tolo lutyebileyo lwegolide,

Lwabulala wonke loo mhlambi wazo zonke iintlobontlobo
zothando

Ezizezinye ezikuye ; xa isibindi, nobuchopho, nentliziyo,

Ezo trone zobungangamela, zithe zonke zabelwa zaza zanela

Zazalisa iingqibelelo zakhe ezimnandi ngokumkani enye ngo-
kwayo !

Shenxa phambi kwam, yiya kwimingqengqo emihle yeentya-
tyambo :

Iingcamango zothando zikhula ngokutyebileyo xa zigutyu-
ngelwe ngamaphempe.

40

Baphuma.

UMBONISO II. Unxweme lolwandle.

Kungena uViola, iKapteni, noMatiloshe.

UViola. Liliphi eli lizwe zihlobo ?

IKapteni. Yi-Iliriya le, nkosazana.

UViola. Ndiya kwenzani eIliriya ?

Umnakwethu use-Elisiyam.

Mhlawumbi akaraxwanga : nicinga ntoni nina bomatiloshe ?

IKapteni. Kwaba ngamacebetshu nawe ukusindiswa kwakho.

UViola. Athi ke usizana olungumnakwethu ! bekunga kungangaloo macebetshu nakuye.

IKapteni. Enyanisweni, nkosazana, ukukwaneza ngamacebetshu,

Ukukuqinisekisa, emva kokuba inqanawa yethu iqhekekile,
Xa wena kunye nenkitha yezo ndwayi zasinda kunye nawe, 10
Nibambelele kuloo maphenyane ethu aqhutywayo, ndambona
umnakwenu,

Eyilumkele ngendlela eyodwa ingozi, ezibophelela,

Ukhalipho nethemba zombini ezo nto zimfundisa indlela yokukwenza oko,

Kwimasi eyomeleleyo eyayilapho elwandle ;

Apho athe njengoArion ebeleke emqolweni wenguza,

Ndambona eya eqhelana namaza

Ngalo lonke ithuba endibe ndisenokumbona ngalo.

UViola. Ngokuthetha ngaloo ndlela, nantso igolide :

Indlela endasinda ngayo mna icombulula amathumba am,

Ethi ke intetho yakho itsho komelele ngaphezulu oko, 20

Ukuba naye angasinda kwangendlela enjalo. Uyalazi eli lizwe ?

IKapteni. Ewe, nkosazana, kakuhle ; kuba ndazalelwa ndakhulela apha.

Andizange ndimke nesithuba esinga ngeeyure ezintathu kule ndawo.

UViola. Ngubani olawulayo apha ?

IKapteni. Litshawe elizukileyo, ngesimo nangegama.

U Viola. Ngubani igama lalo ?

I Kapteni. Ngu Orsino.

U Viola. U Orsino ! Ndakha ndamva ubawo ethetha ngaye :
Wayelisoka ngoko.

I Kapteni. Ulilo ngoku, okanye ubelilo kutshanje ; 30
Kuba lithuba lenyanga kuphela ndingekho apha,
Ngelo thuba ke kwakukho ubuhumhum,—kuba njengoko
nawe usazi,
Into eyenziwa ngabaphakamileyo, umxukuxela uya kuthetha
ngayo,—
Bokuba uncwase inzwakazi engu Olivia.

U Viola. Oyintoni ?

I Kapteni. Intokazi enesonti, intombi yenduna
Eseyinonyaka ibhubhile, yaza yayishiya
Iyigcinise kunyana wayo, umnakwayo,
Obhubhe kamsinyane emva koko : nethe ngenxa yokumtha-
nda,
Kutshiwo, yafunga ukuba iya kuzikhwebula eziyungumeni 40
Nasekubonweni ngabantu abangamadoda.

U Viola. Akwaba bendinokuba sisicaka saloo nkosazana
Ndingaziwa lilizwe,
Ide ibe lithuba elifanelekileyo ukuba isimo sam saziwe !

I Kapteni. Kunganzima ukukwenza oko ;
Kuba ayivumeli naluphi na uhlobo lwesicelo,
Ndithi mna nkqu nesetshawe.

U Viola. Kukho nto ithandekayo apha kuwe, kapteni ;
Naxa ke loo ndalo inodonga oluhle
Iman' ukuvalela futhi ukungcola, ukanti ke noko kuwe
Ndothi ndikholelwe ukuba unengqondo efaneleneyo
Nesi simo sakho sihle sibonakala sinjalo ngaphandle.
Ndiyakubongoza, ndiya kukwamkelisa ngokuninzi,
Ndifihle oko ndikuko, ube ngumncedi wam
Kuba oko kuzibonakalisa kwam ndinto yimbi kothi

Mhlawumbi kube yimo yenjongo yam. Ndiya kukhonza itshawe :

Uya kundazisa wena kulo njengethenwa :

Mhlawumbi awungezigxeki ngakoko ; kuba ndinakho ukucula

Ndithethe nalo ngazo zonke iintlobontlobo zengoma

Ezotsho lindivume ukuba ndiyifanele inkonzo yalo.

Okukokunye ke okungathi kuhle, ndokuyekela kwelo thuba ;

60

Zimisele wena ukuthi tu ngokwaziyo ngam.

IKapteni. Yiba lithenwa lalo, nda e mna ndiya kuba sisi-mumu sakho :

Apho luthe ulwimi lwam lwalavuza khona, wenze ke amehlo am angaboni.

UViola. Ndiyakubulela : ndikhokele. **Baphuma.**

UMBONISO III. Igumbi kwindlu kaOlivia.

Kungena uMhleleki uToby Belch noMaria.

UMhleleki uToby. Egameni lesibetho uphezu kwantoni umtshana wam ukukuthabatha ukufa komnakwabo ngale ndlela ? Ndiqinisekile ukuziduba lutshaba lobomi.

UMaria. Ngokwenkolo yam, Mhleleki Toby, kufuneka uhle ufike kwangoratya : isizalwane sakho, inkosazana yam, ayivuthwa mpela ngala mathuba mabi akho.

UMhleleki uToby. Tyhini, yiyeke ingavuthwa, ayiyi kuba iyaqala.

UMaria. Ewe, kodwa ke kufuneka uzigcine ungaphumi kwiindlela ezizizo zohlani. 8

UMhleleki uToby. Gcine ! Ndiya kuzigcina ngokungekuhle kunokuba ndinjalo : ezi zinxibo zilunge ngokwaneleyo ukuba ndisele ndinxibe zona ; nezi zihlangu kanjalo : ukuba ke azinjalo, maziye kuzixhoma ngemitya yazo.

UMaria. Oko kuzinkcinkca ngotywala nolu selo lungaka luya kukwenzakalisa :

Ndive inenekazi lam lithetha ngako izolo ; nokuba wena ngabusuku buthile uze netshawe elisisihiba ukuba lize kuncokolisana nalo.

UMhlelekazi uToby. Ubani, uMhlelekazi uAguecheek ?

UMaria. Ewe, yena.

UMhlelekazi uToby. Ikhalipha lomfo njengalo naliphi na elinokufunyanwa elliriya.

UMaria. Ingenaphi loo nto emcimbini ?

UMhlelekazi uToby. Kutheni nje, yena unamawaka amathathu cemali ngonyaka.

UMaria. Ewe, kodwa wothabatha unyaka nje ukuyichitha loo mali : akanangqondo ngendlela eyodwa, abe elibhadubhadu.

UMhlelekazi uToby. Ra ! ungathini ukuthetha olo hlobo ! yena udlala ivio-de-gamboys, abe ethetha iilwimi ezisesithathwini nasesineni ebiza igama emva kwegama engajonganga newadini, abe enazo zonke iziphiwo ezihle zendalo.

UMaria. Unazo ngenene, singaphants' ukuthi' ngendalo; kodwa ke naxa kunjalonje intloko yona akanayo, into esoloko ithanda ukulwa ; ibe kodwa ke kwelo cala inesiphiwo sobugwala ukwethisa incasa enayo ekulweni, icingelwa ngabalumkileyo ukuba kamsinyane yoba nesiphiwo sengwaba. 30

UMhlelekazi uToby. Ndifung' esi sandla, ngamabhedengu nabahlebi abo bathetha olo hlobo ngayo. Ingobani bona ?

UMaria. Abo bathi bongeze ngelithi ngaphezulu, ninxila kunye yonk' imihla ngokuhlwa.

UMhlelekazi uToby. Ngokuphathelele ekuseleni iimpilo zomtshana wam : ndiya kuyisela impilo yakhe ngalo lonk' ixesha kusekho isithuba emqaleni wam, notywala elliriya : ligwala nendlavini lowo ungasayi kusela impilo yomtshana wam zide iingqondo zakhe zijike zijong' elunyaweni ngokwentloko enkulu ebethelwa ukufudumeza abalimi. Yini le nkazanandini ! Wakhangeleka undilekile ngokuka-

Castilian ! kuba nanku esiza uMhlekezazi uAndrew Agueface.
Kungena uMhlekezazi uAndrew Aguecheek.

UMhlekezazi uAndrew. Mhlekezazi Toby Belch ! kutheni ngoku,
Mhlekezazi Toby Belch !

UMhlekezazi. uToby. Ntandane Mhlekezazi Andrew !

UMhlekezazi uAndrew. Bhota nawe nogqwashundini uno-
mkhitha.

UMaria. Ngokunjalo nakuwe, mhlekezazi.

UMhlekezazi uToby. Sondela, Mhlekezazi Andrew, sondela.

UMhlekezazi uAndrew. Yintoni leyo ?

UMhlekezazi uToby. Sisicakakazi saphakathi somtshana wam.

UMhlekezazi uAndrew. Nkosazana ilungileyo, thetha kuqala,
ndinqwenel' ukwazi ngaphezulu.

UMaria. Igama lam nguMary, mhlekezazi. 50

UMhlekezazi uAndrew. Nkosazana Mary ulungileyo, qhuba,

UMhlekezazi uToby. Uyaphazama, tshawe, 'ukuqhuba'
kukuthi jongana naye, hlala kuye, zithethelele kuye, mhla-
sele.

UMhlekezazi uAndrew. Ngokwenkolo yam, andinakumzama
sinje ngokuba sinjenjenje. Eli gama lithi 'qhuba' lithetha
loo nto ?

UMaria. Salani kakuhle, zinkosi.

UMhlekezazi uToby. Ukuba unokumyeka, Mhlekezazi Andrew,
emke ngalaa ndlela, akungebuye ulisebenzise ikrele kwa-
khona.

UMhlekezazi uAndrew. Ukuba umka ngaloo ndlela, nkosaza-
na, ndinga andingebuye ndilisebenzise ikrele kwakhona.
Nzwakazindini, ucing' ukuthi uhleli neziphukuphuku apha ?

61

UMaria. Mhlekezazi, andikuthanga chu ngasandla.

UMhlekezazi uAndrew. Ndifung' uMary, uya kusithi chu ;
nasi ke isandla sam.

UMaria. Ke kaloku, mhlekezazi, ndisenokucinga endikholwa

kuko : ndiyakubongoza sisondeze isandla kwelo thala line-mithayi yotywala, usenze sisele.

UMhleleazi uAndrew. Ngani na, sithandwa ? Utheth' ukuthini umzekeliso wakho ?

UMaria. Somile, mhleleazi.

UMhleleazi uAndrew. Tyhini, ndicinga njalo nam ; andiyiyo imbongolo elolo hlobo, kodwa ndinakho ukusigcina isandla sam somile. Kodwa khawutsho yincokoni le yakho ?

UMaria. Incoko eyomileyo, mhleleazi. 7

UMhleleazi uAndrew. Unazo kakhulu ?

UMaria. Ewe, mhleleazi, zihleli ezintupheni zeminwe yam : ngenene, ndiya kusiyeka isandla sakho, ndimbatshile.

Waphuma.

UMhleleazi uToby. Awu tshawe, uswele intwana yotywala : ndakha ndakubona nini usoyisakala olu hlobo ?

UMhleleazi uAndrew. Andizange ebomini bakho, ndicinga njalo ; ngaphandle kokuba undibone ndingqulwa phantsi butywala. Kubonakala kum ngamanye amaxesha ngathi andinangqondo ingaphezulu kwaleyo yegqobhoka mhla-wumbi yomntu nje : kodwa ndisisidlakudla kwakufikwa kwinyama yenkomo, ke ndinenkolo yokuba loo nto iyayonakalisa ingqondo yam.

UMhleleazi uToby. Ngokungathandabuzekiyo. 80

UMhleleazi uAndrew. Ukuba bendinaloo ngcamango, bendiya kuyincama. Ndiya kubamb' ihashe ndibhekise ngasekhaya ngomso, Mhleleazi Toby.

UMhleleazi uToby. Pourquoi, tshawe lam liyintanda ?

UMhleleazi uAndrew. Yintoni 'ipourquoi' ? kukwenza nokuba kukungenzi ? Ndinga ndinge ndilnikele elo xesha ekufundeni iilwimi endaweni yokubiya, nokuxhentsa, nokunxwala iibhere ngezinja : Awu, akwaba ndandithe ndafunda iincwadi zobunkcuba-buchopho !

UMhleleazi uToby. Ube ke ubuza kuba nentloko encenwele ezintle.

- UMhleleazi uAndrew.** Tyhini, loo nto ibiya kuzihlaziya jinwele zam ?
- UMhleleazi uToby.** Akukho nambuzo kuloo nto ; nawe uyabona ngokwakho ukuba aziphothani ngokwendalo.
- UMhleleazi uAndrew.** Kodwa ke ziyandifanela kakuhle kanye, azindifaneli sini na ?
- UMhleleazi uToby.** Zintle kanye ; zilengalenga ngokwefflakisi kwintonga yokuluka.
- UMhleleazi uAndrew.** Qiniseka, ndiyagoduka ngomso, Mhleleazi Toby : umtshana wakho akanqwenele kubonwa ; okanye ukuba uyanqwena angamnye esineni, kodwa mna akanaxesha lam : netshawe ngokwalo apha kudala lizama ukuzithethelela.
- UMhleleazi uToby.** Akanaxesha lalo itshawe ; akanqwenele kuzigagamela ngokuthabatha ophakamileyo kunaye nge-wonga, nangeminyaka nangengqondo ; sendikhe ndamva efunga esitsho. Yini le, wahla wancama, ndoda.
- UMhleleazi uAndrew.** Ndokha ndihlale isithuba senyanga ke. Ndingumfo ongqondo iyingxubakaxaka kulo lonke ihlabathi. Ndiyazithanda izigqubuthelo-buso ndiziyolisa kanye ngamanye amaxesha. 101
- UMhleleazi uToby.** Uziqonda kakuhle bo ezi nkukwana, tshawe ?
- UMhleleazi uAndrew.** Njengayo nayiphi na indoda eIliriya, nokuba seyiyintoni na, engaphantsi kodidi lwabangaphezulu kunam ; kanti ke noko andinto ndakuthelekiswa nendoda ezukileyo.
- UMhleleazi uToby.** Uqhuba njani emdanisweni, tshawe ?
- UMhleleazi uAndrew.** Yeka loo nto, ndiza kakubi kwikapere.
- UMhleleazi uToby.** Mna ndingayibenga ngokwenyam' ebhokhwe.
- UMhleleazi uAndrew.** Ndaye ndicing' ukuthi ndiqhashambula lula nangamandla njengayo nayiphi na indoda eIliriya.

UMhlekezazi uToby. Kungani ukuba ezi zinto zifihlakale ? kungani ukuba ezi ziphiwo zifihlwe likhuselo ? zingaba zinganothuli bethu ngokomfanekiso weNkosazana uMall ? kungani ukuba ungayi ecaweni udanisa igoliyadi, ubuye udanisa ikoranto ? Nkqu kuhamba oku kwam beku-ngaba yijigi. Injongo yakho ingaba yintoni ? Ingaba lilizwe lokufihla izenzo zobulungisa eli. Ndikhe ndayic-inga into yokuba, ndakubona izitho zakho ukuba zihle kwazo, mazibe zenziwa phantsi kwenkwenkwezi yomdaniso oyigoliyadi,

UMhlekezazi uAndrew. Ewe, zomelele, zaye zifika zibe zihle ngokukodwa xa zinxitywe iikawusi ezimibala iqaqambileyo. Singakhe silinganise kwezinye zeziyolo ?

UMhlekezazi uToby. Besingenza ntoni eyiyenye ? Asizalwanga phantsi koTaurus sini na ?

UMhlekezazi uAndrew. UTaurus ! Ngamacala lawo nentliziyo.

UMhlekezazi uToby. Hayi, mhlekazi ; yimilenze namathanga. Khawenze ndibone ubeth' ikapere : ndahleka, khawungathi uyaphakamisa : yini ukundibulala ngentsini, ayisentle nje !

Baphuma

UMBONISO IV. Igumbi kwibhotwe letshawe.

Kungena uValentine, noViola enxibe isidoda.

UValentine. Ukuba itshawe lithe roqo likwenzela ezi zinto zintle, Cesario, akuyi kuba kudala ungenyuselwanga : untsukwana ntathu nje likwazi, kanti akusekho nto ithi ungumfiki.

UViola. Kukho ukuba ube woyika uburara bakhe mhlawumbi utyesho lwam, ukuba mawukuthandabuze ukuthi gqolo kothando lwakhe : kukho ubunjikenjike, mhlekazi, ekwenzeni kwakhe izisa ?

UValentine. Hayi, ndiyakuqinisekisa.

UViola. Ndiyakubulela. Nali lisiza itshawe.

Kungena iTshawe, noCurio nceMpelesi.

ITshawe. Ukhe wabonwa ngubani uCesario, hi ?

UViola. Ukulungele ukwenza okufunwa nguwe, mhlekazi ;
nguye lo. 10

ITshawe. Khawumele phaya wedwa. Cesario,
Akwazi kancinane, koko wazi konke ; ndivule
Kuwe incwadi ewe yecembilini zomphefumlo wam :
Ngoko ke, mvekwanandini ililunga, hamba uye kuye ;
Mawungathintelwa ekumboneni, yima emasangweni akhe,
Uwaxelele ukuba iinyawo zakho ezimi bhuxe ziya kumila
De ube ubonene naye.

UViola. Ngokuqinisekileyo, nkosi yam izukileyo,
Ukuba uzilahlele kuzo iintsizi zakhe
Njengoko intetho isitsho, akasayi kuze andivumele.

ITshawe. Uze ufundekele, zonke izenzo zembeko uzilibale
kunokuba ubuye nje ulambatha. 20

UViola. Uthi maze ndithethe naye, mhlekazi, ndithethe
ntoni ?

ITshawe. O, yaneka ukubindeka kwam ndibangwa luthando
Mhl'entloko ngentethw' ende yokholo lothando lwam :
Kuya kukulungela ukuba ude uncwine uvakalisa iintlungu
endikuzo ;

Uya kukuphulaphula bhetele wena usengumntu omncinane
Kunoko aya kwenjenjalo kuthunyashe obuso sebufun'
ukuba nzima.

UViola. Andicingi njalo, mhlekazi.

ITshawe. Mfananandini uthandekayo, kukholelwe oko ;
Kuba basaya kukuphika oku kwale minyaka yakho
yolonwabo,

Abo bathi uyindoda ; umlebe kaDiana 30

Awugudanga ungebomvu ngokwerubhi ngaphezulu ; ilizwana
lakho

Linjengelo lentwanazana, libukhali lingenamalolo,

Konke kufana kanye noko kwebhinqa.

Ndiyazi ke ukuba isicuku seenkwenkwezi zakho siwufanele
kanye

Lo mcimbi. Basesineni nasesihlanwini abamgcinileyo ;
Bonke, ukuba uyathanda, kube ke mna ndiziva ndindim kanye
Xa ndingongeni eqeleni. Unga ungaphumelela kulo mcimbi,
Waye uya kuhlala ngenkululeko ngokwenkosi yakho,
Uxhamle kangangayo kwizinto zayo.

UViola. Ndiya kuzama kangangoko ndinakho

Ukuncokolisa incenkazi lakho : (**Bucala**) kanti, umgudu one-
zithintelo ! 40

Nokuba ngubani na ndingathi ndimncokolise, ndim onga
angayinkosikazi yakhe. **Baphuma.**

UMBONISO V. Igumbi endlwini kaOlivia.

Kungena uMaria nesiphoxo.

UMaria. Hayi ke, kukho ukuba undixelele apho ubukhona,
okanye andisayi kuvula kwimilebe yam nentunjana enga-
ngena unwele, ekungxengxeziseni kwakho : inkosazana
endingumkhonzi wayo iya kukuxhoma ngenxa yokunga-
bikho kwakho.

ISiphoxo. Mayindixhome : lowo uxhonywe kakuhle kweli
lizwe akafanele koyika nantoni.

UMaria. Yilungise loo ntetho.

ISiphoxo. Akayi kubona nto angayoyikayo.

UMaria. Yantle yamfutshane kanjalo loo mpendulo : ndi-
ngakuxelela apho isuka khona loo mpendulo, ithi andoyiki
mibala.

ISiphoxo. Ivelaphi, Nkosazana ilungileyo Mary ? 10

UMaria. Ezimfazweni ; uze wena ube nobugagu bokuyise-
benzisa kubuphoxo bakho.

ISiphoxo. Kambe ke, uThixo makanikele ubulumko kwabo
banabo ; baze abo baziziphoxo, basebenzise iitalente zabo.

UMaria. Ukanti uza kuxhonywa ngokungabikho ithuba

elide kangaka ; kungenjalo ugxothwe, akulunganga oko kwanje ngokuxhonywa ?

ISiphoxo. Inkoliso yokuxhonywa okwenziwe kakuhle kuthintela imitshato emibi ; eyokugxothwa yona into ihlobo liya kuyilungisa.

UMaria. Uqinile ke ?

ISiphoxo. Akunjalo nakuyiphi na ; kodwa ndizimisele kwii-ngongoma ezimbini. 20

UMaria. Ukuze kuthi apho enye iwa khona, enye ibambelele ; okanye ukuba zombini ziyawa, nebhulukhwe zakho eziwakuwaku ziwe.

ISiphoxo. Watsho khona, ndiyakuqinisekisa, uyichane kakuhle. Kambe, hamba indlela yakho ; ukuba uMhlekezi uToby ubenokuyeka utywala obu, ngeleba unengqondo ekhawulezayo ekuyo inyama yakhe nawuphi na uEfa apha elliriyana.

UMaria. Thula, bhedengundini, yiyeke loo ntetho. Nantsi isiza inkosazana yam : uze uzingxengxezisele ngobulumko, kuya kukulungela wenjenjalo. **Waphuma.**

ISiphoxo. Bulumko, ukuba kukholekile kuwe, ndibeke kwimo yokuba ndibe nobuchule ekwenzeni izinto eziyintlekisa. Ezo ngqondo zikholisa ukucinga ukuba zinawe, zithi amaxa amaninzi zizibonakalise zizizihiba ; ndize mna ndiqinisekileyo ukuba ndikuswele, ndiphume phambili njengendoda esisilumko : kuba esithini yena uQuinapalus ? “ Kulunge ukuba sisiphukuphuku esinengqondo kunokuba sisilumko esisisihiba.”

Kungena iNkosazana uOlivia noMalvolio.

Ngamana uThixo angakusikelela, nkosazana !

UOlivia. Shenxisani esi siphoxo.

ISiphoxo. Aniva zinkewundini ? Shenxisani inenekazi eli.

UOlivia. Hamb' umke usisihiba esingenangqondo ; andiyi kubuya ndibe saba nanto yakwenza nawe. 37

ISiphoxo. Iziphoso zibini, nkosazana, abaselayo icebiso

elilungileyo liya kubalungisa : kuba sinike isihiba esingena-
ngqondo isiselo, siyeke isihiba ukuba singongenangqondo :
yalela indoda endlela zigwenxa izilungise ; xa ithe yazilu-
ngisa buyaphela ubugwenxa ; xa ingenakho, makathi u-
mxoli azixole. Nayiphina into engcityiweyo ixoliwe :
ubulungisa obunezigqitho buxolwe ngesono ; nesono esino-
ngxengxezo sixolwe ngobulungisa. Ukuba ke le ndlela
ilula yokucwangcisa ukuthetha iyasebenza, kunjalo ke ;
ukuba ayisebenzi, ingancedwa ngandlela ni ? Njengokuba
kungekho mcebisi unyanisekileyo koko iyintlekele yodwa,
ngoko ubuhle buyintyatyambo. Inenekazi liyalele ukuba
kushenxiswe isihiba ; ngoko ke, ndithi kwakhona, lishenxi-
seni lona ngokwalo. 47

UOlivia. Mhlekezi, ndibayalele ukuba bashenxise wena.

ISiphoxo. Uphambeke ngendlela ephakame ngokugqithi-
leyo ! Nkosazana, *cucullus non facit monachum* (asisosi-
ngxobo esenza imanki) ; oko kufana nokuthi njengokuba
ndinganxibanga bumfakamfele nje ebuchotsheni bam.
Nkosazana yam ililunga, khawundivumele ndikubonise
ukuba usisihiba. 52

UOlivia. Ungakwenza oko ?

ISiphoxo. Ngobuchule, lungandini liyinkosazana yam.

Olivia. Khawusenze ke eso siboniso sakho.

ISiphoxo. Ndiya kusiqhuba ke ngokuthi siphendulane,
nkosazana yam : lungandini liyintandane yam inesidima,
ndiphendule.

UOlivia. Kambe, nkosi, ngokuswela indlela eyiyenye yoku-
chitha ixesha, ndiya kusilinda isiboniso sakho.

ISiphoxo. Nkosazana yam ililunga, kungasizathu sini ukuba
ube nyembezana ? 60

UOlivia. Siyathandini silungileyo, kungenxa yokufa komna-
kwethu.

ISiphoxo. Ndicing' ukuthi umphefumlo wakhe usesihogwe-
ni, nkosazana yam.

UOlivia. Ndiyazi ukuba umphefumlo wakhe usezulwini, situnxandini.

ISiphoxo. Esikhulu isitunxa nguwe, nkosazana yam : ukulilela umphefumlo womnakwenu usezulwini nje. Shenxisani esi situnxa, manene.

UOlivia. Ucinga ntoni ngesi sihiba, Malvolio ? asibuyeli buntwini ?

UMalvolio. Ewe, saye siya kwenjenjalo zide iintlungu zokufa zisihexahexise : ubulwelwe obubanga ukonakala kwezilumko butsho izibhanxa ziqhubele phambili.

ISiphoxo. Ngamana uThixo, mhlekazi, angakuthumela ubulwelwe obukhawulezileyo, bokuqhubela phambili ububhanxa bakho ! UMhlekezazi uToby angafunga ukuba andinguye umaqhingana ; kodwa akanakho ukuluvakalisa uluvo lwakhe nangeepeni ezimbini lokuba akusiso sibhanxa.

UOlivia. Uthini kule ntetho, Malvolio ?

UMalvolio. Ndimangaliswa kukuba inkosazana ibonakalise umdla ongaka kwindlavini enje ukuswel' ukuqika : ndikhe ndayibona ngenye imini iphikisana nesinye isihiba esingqondo ingebhetele kuneyelitye. Jonga khona ngoku, selezilibele ; ngaphandle kwaxa uthe wamhlekelala, wamhoya, ufana nothung' umlomo. Andivuthwa mpela, ndaye ndiwathabatha ukuba la madoda alumkileyo agigitheka ehleka ezi zihiba, akabethele kunaloo maqela ahleka onwayiswe zizincoko zeziphoxo. 82

UOlivia. Awu, ukhathazwa kukuba ngugqal' umbombo, Malvolio, ungcamlala ngentliziyo enomnquma. Ukuba ngonesisa, ongenatyala, nomo ikhululekileyo, kukuzithabatha ezo zinto njengecentolo ezibuthuntu ezo wena uzenza iimbumbulu zeenkanunu : akukho kuhleba kwisitunxa esivunyiweyo, kungasekho nanto yimbi siyenzayo ngaphandle kokunyelisa ; kungekho nakunyeliseka kumntu onengqiqo, noko angenzi nto ngaphandle kokukhalima.

ISiphoxo. Ngoku ke uMercury makakwambathise ngobuxoki, kuba uthethe kakuhle ngeziphoxo ! 90

Kungena kwakhona uMaria.

UMaria. Nkosazana, kukho esangweni igatyana lenene elinqwena kakhulu ukuthetha nawe.

UOlivia. Livela kwiTshawe uOrsino, anditsho ?

UMaria. Andazi, nkosazana : lityendyana elijongekayo, nelicoccekileyo.

UOlivia. Libanjezelwe ngubani kubantu bam ?

UMaria. NguMhlekezazi uToby, nkosazana, isizalwane sakho.

UOlivia. Mshenxise, ndiyakubongoza, akukho nto yimbi athetha yona ngaphandle kwaleyo ithethwa liphambana : mtshikilele ! (**Waphuma uMaria**). Yiya wena, Malvolio ; ukuba luncethezelo oluvela etshaweni, andiphilanga, okanye andikho ekhaya ; oko unakho ukukwenza ukuligxotha. (**Waphuma uMalvolio.**) Ngoku unokubona ngokwakho nkosi uhlobo impoxo yakho ephelclwa ngalo lixesha ibe nomdintsi ebantwini. 102

ISiphoxo. Ukuthethile okulungele thina, nkosazana yam, ngokungathi unyana wakho omkhulu uya kuba sisiphoxo ; aya kuthi uJove ukakayi lwakhe alungxale ubuchopho ! kuba—nanku esiza,—omnye wezizalwane zakho unenwebu yobuchopho e-ethe-ethe kanye.

Kungena uMhlekezazi uToby.

UOlivia. Ngezwi lam lozuko, uyawabunxila. Ngubani oesangweni, sizalwane ?

UMhlekezazi uToby. Linene.

UOlivia. Linene ! inene lantoni ?

UMhlekezazi uToby. Linene eli—**isibetho sesi siselo ! yintoni ngoku, nxilandini !**

ISiphoxo. Lungandini Mhlekezazi Toby ?

UOlivia. Sizalwane, sizalwane, kwenzeka njani ukuba uhle ufike ngolu cubhuko ?

UMhlelezi uToby. Ucubhuko ! Ndiludelile ucubhuko.

Kukho olunye esangweni.

UOlivia. Ewe, ngenene, luyintoni ?

UMhlelezi uToby. Nokuba ngudwebile, ukuba uyathanda, andikhathali : ndikholelwe, nditsho mna. Kambe ke yinto enye. **Waphuma.**

UOlivia. Unjani umntu onxilileyo, situnxandini ?

ISiphoxo. Unje ngomntu oraxwayo, isiphukuphuku nephambana : urabulo olunye phezu kwelitha lumenza isiphukuphuku ; olwesibini lumphambanise ; olwesithathu lumraxe.

UOlivia. Hamba uye kundifunela umpicoti wababulali, akhe abeke endleleni isizalwane sam ; kuba sikwisiganga sesithathu sonxilo, siraxiwe : hamba, usonge.

ISiphoxo. Sisaphambene nje okwangoku, nkosazana yam ; saye isiphoxo siya kulonga iphambana elo. **Saphuma.**

Kungena kwakhona uMalvolio.

UMalvolio. Nkosazana, laa ntyewana iyafunga ukuba iza kuthetha nawe. Ndiyixelele ukuba akuphilanga ; izicingela ukuba yazi kangako, ngoko ke iza kuthetha nawe. Ndiyixelele ukuba ulele ; naleyo into yabonakala seyinolwazi ngayo, ngoko ke iza kuthetha nawe. Kungathiwani kuyo, nkosazana ? ibonakala seyinento yokuzihlanganisela naku-siphi na isilandulo. 134

UOlivia. Yixelele ukuba ayisayi kuthetha nam.

UMalvolio. Oko sekukade ikuxelelwa ; yaye isithi, iya kuma kumayango wakho ngokwesibonda somhluzi-matyala, ibe ngumxhasi wesihlalo somgwebi, kodwa kona ukuthetha nawe iza kukwenza.

UOlivia. Ungumntu oluhlobo luni ?

UMalvolio. Tyhini, woluntu.

UOlivia. Ngumntu oluhlobo lunjani ?

UMalvolio. Osimilo sibi kanye ; uzimisele ukuthetha nawe, uza kwenjenjalo na nokuba hayi. 143

UOlivia. Ungumntu waluphi udidi, buyintoni bona ubudala bakhe ?

UMalvolio. Akakafikisi kanye ebudodeni, engemncinane kangako ukuba kungathiwa yinkwenkwe, njengoko ica-bhele linjalo phambi kokuba libe lukhozo lwe-ertyisi, neapile engekavuthwa phambi kokuba igqibe ukuvuthwa. Unjengamanzi olwandle phakathi kokubheka phambili nokubuya umva, uphakathi kobukhwenkwe nobudoda. Uyathandeka ethetha ngelizwi elintyiloayo ; wumbi angade acinge ukuba akukudala elunyulwe.

UOlivia. Myeke angene : ndibizele impelesi yam. 151

UMalvolio. Mpelesi, inkosazana yam iyakufuna. **Waphuma.**
Kungena kwakhona uMaria.

UOlivia. Ndiphe isigqubuthelo sam : yiza, ugqume ubuso bam ngaso. Nanku kwakhona siza kuphulaphula isithunywa sikaOrsino.

Kungena uViola nceMpelesi.

UViola. Inenekazi elihlonelekileyo lendlu le, liliphi ?

UOlivia. Thetha ubhekise kum ; ndoba ngumlomo walo. Unga ungathini ke ?

UViola. Nzwakazindini ibengezela ngokukodwa, ibukeka kanye, iphume izandla ngokungenamlinganiso,—ndiyakubongoza, ndazise ukuba eli linenekazi lendlu, kuba andikazange ndalibona : ndimadol' anzima ukuba ndifumane ndiyiphalaze intetho yam, kwaye ngokungaphezulu izotywe kakuhle kanye ndaye ndizikhathazile ukuba ndibe nokuyicengeceleza ngentloko. Zinzwakazi zilungileyo, mandingathwaliswa sigxeko ; ndingumntu onolwavela ngendlela eyodwa, nokuba seyincinane kangakanani na into enebatha.

163

UOlivia. Uphumaphi, mhlekazi ?

UViola. Andinakuthetha kungakanani ngaphezu koko ndikufundileyo, ke loo mbuzo ungaphaya kwam. Silulamikazindini silungileyo, ndinike isiqinisekiso esiya kundaneza ukuba nguwe inenekazi lendlu le, ukuze ndibe nakho ukuhambela phambili nentetho yam.

UOlivia. Uligwija ?

UViola. Hayi, mbilini yentliziyo yam ; ukanti, ndifunga ngazo iingcambu zolunya, andiyiyo loo nto ndizibonakalisa ndiyiyo. Nguwe sini na inenekazi lendlu le ? 172

Olivia. Andizibonakalisi ndiyinto eyiyenye, ndililo.

UViola. Ngenene, ukuba ulilo, uzibonakalisa unto yimbi ; kuba loo nto iyeyakho ukuba unikise ngayo, asiyiyo yakho ukuba uyigcine kuwe. Kodwa ke loo nto ingaphandle kodaba lwam : ndiya kuqhuba intetho yam yokukuncoma, ndandule ukukuphakela umongo wodaba lwam.

UOlivia. Yida ufike kweyona nto ibalulekileyo kulo : ndingakuxcelela ngezibongo. 179

UViola. Athi ke, ndibe ndithabathe inkxamleko enkulu ukuzifunda, lwaye ulwimi lubetha kamnandi kuzo.

UOlivia. Zizona ke ezo zinokuba nokunganyaniseki : ndiyakubongoza, zigcine kuwe. Ndivile ukuba uzenze wanezotho emasangweni am, wenza okokuba obeze kuva kuwe alibale kukuncoma wena kunokuba aphulaphule ongako. Ukuba uphambene, khwelela ; ukuba unasizathu uza ngaso, yiba mfutshane kuso : andikho kwimo yokuba ndibe ndiphendula na nobuvilikitshana.

Phuma ngapha

UMaria. Khawuzilungiselele ukuhamba, nkosi ?

UViola. Andililo ichule lokusula inqanawa. Ndisaza kukhe ndibe nethutyana apha ndingazixhomanga iiseyile. Sisi-thambiso eso sengxilimbela yenenekazi lakho elinesonti.

UOlivia. Ndiphe ingqondo yakho. 190

UViola. Ndisijoli.

UOlivia. Ngenene, unento eyimbozisa oza kuyithetha, xa ifuna ubuhintsihintsi obungaka mayibe iyoyikeka. Luthethe udaba oza ngalo.

UViola. Maluviwe nguwe kuphela. Andizisi mcimbi wamfazwe, zirafu zambuso. Ndiphethe umnquma esandleni sam ; amazwi am afumbethe uxolo njengaloo nto isesandleni.

- UOlivia.** Ukanti uqalise ngendlela engenasimilo. Uyintoni? Unga ungayintoni?
- UViola.** Ubukrwada obuthe babonakala kum ndibufunde kuhlobo endamkeleke ngalo. Into endiyiyo, nendinga ndingayiyo, ziyimfihlo enjengeyobuntombi; kwezakho iindlebe ibubungwele, kwezabanye intlambelo. 202
- UOlivia.** Khanithi gu bucala sikhe sibe sodwa: siya kubuva obu bungwele. (Waphuma uMaria neeMpelesi.) He, mhlekazi, ithini itekisi yakho?
- UViola.** Imnandi ngokuhlwabisayo nkosazana—,
- UOlivia.** Imfundiso eyonwabisayo, kwaye kukuninzi okungathethekayo ngayo. Imayelaphi itekisi yakho?
- UViola.** Esifubeni sikaOrsino.
- UOlivia.** Esifubeni sakhe! Kwisahluko sini esifubeni sakhe? 210
- UViola.** Ukukuphendula ngaloo ndlela, kwesokuqala sentli-ziyo yakhe.
- UOlivia.** O! sendikhe ndasifunda: singuntlaba-zahlukane. Akukho nto iyenye unqwenela ukuyithetha?
- UViola.** Nkosazana ilungileyo, mandikhe ndibone ubuso bakho.
- UOlivia.** Unamyalezo unawo ovela enkosini yakho ukuba uthethathethane nobuso bam? Umkile etekisini yakho ngoku: kodwa siya kususisa isigqubuthelo, sikubonise umfanekiso lowo. Jonga ke, mhlekazi, oko bendinjalo ukundibona kwakhe uOrsino: awenziwanga kakuhle? (Ezityhila.
- UViola.** Wenziwe kakuhle ngendlela engathethekiyo, ukuba wenziwe nguThixo ewonke.
- UOlivia.** Awusuki umbala wawo, mhlekazi; unokumelana nomoya neemeko zezulu. 220
- UViola.** Bubuhle obuxutywaxutywe ngenene, obumbala umnyama nomhlophe. Ethe iNdalo ngesandla sayo esihle

nesinobuchule yabuzoba : Nkosazana, unguycna mntu
ukhohlakeleyo uphilayo kwababhinqileyo,

Xa unokuthi obu buhle bungaka uye kuts hona nabo engcwa-
beni

Ungalishiya nesithombe sawo ilizwe.

UOlivia. Awu, mhlekazi, andingeyenzi lukhuni: olo hlobo
intliziyo yam ; Ndiya kukhupha izintlu ngezintlu zobuhle
bam : buya kwenziwa uludwe, isuntswana ngalinye nempa-
hla ibotshelwe kwiwili yam : ngolu hlobo, inqanaba,
imilebe emibini, ebomvu kamnandi ; inqanaba, amehlo
amabini aluhlaza, neziciko zawo ; inqanaba, intamo enye,
isilevu esinye, njalo ke. ube uthunyelwe apha ukuza kunco-
ma mna ? 231

UViola. Ndiyayibona ngoku inkathazo yakho, uthiwe lwale
likratshi ; Kodwa, nokuba ube ungudwebile, umhle.

Itshawe lam eliyinkosi yam liyakuthanda : Athi ke,

Olo thando belungabuyekezwayo, nokuba ube use unesitsaba
sokuba

Uyiyona nzwakazi igqibeleleyo, ngohlobo olungena kudlulwa
nto !

UOlivia. Lindithanda ngayiphi indlela ?

UViola. Ngezidombozo nangemithombo yeenyembezi,
Ngezingqala ezigqekreza uthando, ngemigcumo yomlilo.

UOlivia. Inkosi yakho iyayazi ingqondo yam ; andinakho
ukuyithanda :

Ukanti ndiyicingela ukuba inesidima, ndiyazi inozuko, 240
Ikwimo ephakamileyo, ityendyana elisaqhathulayo lingena-
bala ;

Ekuthethwa kakuhle ngalo ngabantu, likhululekile, lifundile,
likhaliphile

Ngokomlinganiso nembonakalo yendalo

Ingumntu omhle : kodwa kuko konke oko andiyithandi ;

Yayifanele ukwanela yiloo mpendulo kuyo kwanini.

U Viola. Ukuba ndibe ndikuthanda ngobo bushushu benkosi yam,

Naloo ntswela-lonwabo, ngendlela engade yenze isidumbu,
Kulo ulandulo lwakho, bendingayi kubona nto yangqondo ;
Bendingayi kuluqonda mpela.

U Olivia. Kutheni nje, ubunganqwenela ntoni wena ?

U Viola. Ndenzele ityeya yomngcunube esangweni lakho, 250
Ubize umphefumlo wam ngaphakathi endlwini ;

Ubhale iingoma zonyaniseko ngothando olucekiswayo
Uzihlololoze nasezinzulwini zobusuku ; ulikhwaze igama lakho
Kwiinduli ezihlokomayo

Uwenze umoya onesincoko esipholozayo

Udanduluke uthi, ' Olivia ! ' Awu, mawungaphumli
Phakathi komoya opholozayo neenduli ezihlokomayo,
Ungathanga uvelane nam !

U Olivia. Ungaba wenze lukhulu.

Uzalwa ngubani ?

U Viola. Ngasentla kweemeko zam, ukanti imo yam intle :
Ndilinene. 260

U Olivia. Buyela enkosini yakho ;

Andinaluthando lwayo ! mayingabuye ibesathumela zijoli
zimbi ;

Ngaphandle, mhlawumbi, kokuba kuze wena kwakhona,
Ukuza kundazisa ukuba iyithabathe njani na. Hamba kakuhle :

Ndiyakubulela ngokuzikhathaza kwakho : yamkela oku kum

U Viola. Andisiso sijoli sihlawulwayo, nkosazana ; sigcine
kuwe isipaji sakho.

Yinkosi yam, ingendim, eswele imbuyekezo.

Sithandwa yenze intliziyo yayo yesinyithi ukuze uthande ;
Wenze ukuba ubushushu bakho, njengobenkosi yam, bube 269
Kwimeko yokudelwa ! Sala kakuhle, nkohlakalondini intle.

Waphuma.

U Olivia. ' Uzalwa ngubani ? '

“ Ngasentla kweemeko zam, ukanti imo yam intle .

Ndilinene.’ Ndingafunga ulilo ;

Ulwimi lwakho, ubuso bakho, amalungu omzimba akho,
izenzo nomoya,

Zikunika isanduleli esintlantlu ntlanu : ingakhawulezi
kangaka : phantsi, phantsi ! Ngaphandle kokuba inkosi
leyo ibe ibingulo mfo. Kutheni ngoku !

Kunokwenzeka ukuba ngokukhawuleza oku ngaka umntu
ahlaselwe sesi sibetho ?

Ngathi kum ndikuva ukugqibelela kweli tyendyana

Kungabonakali koko kusiza ngendledlana yobusela yobuqho-
phololo

Kucwatshuzela kuwe amehlo am. Akukho nto ke. 280

Heyi, Malvolio !

Kungena kwakhona uMalvolio.

UMalvolio. Ndilapha, nkosazana, ndilungele ofuna ndikwe-
nze.

UOlivia. Sukela esiya sijoli sindledlana zigwenxa,

Ibusa letshawe : sishiye loo msesane,

Ndikwenze ndingakwenzi : sixelele ukuba andifuni nokuwu-
bona.

Sicele singayinyhwalazi inkosi yaso.

Singayibeki mathembeni kanjalo ; andingowayo mna :

Naxa nje umfanana lowa ukuba unokubuya afike ngengomso,

Ndingamnikayo izinto ezibangela oko : khawuleza ke,
Malvolio.

UMalvolio. Nkosazana, ndiya kwenjenjalo. **Waphuma.**

UOlivia. Ndenza into endingayaziyo, ndoyike ukubona 290

Oko amehlo am athe ti kuko kunamandla ngokungaphaya
kokokuba

Ingqondo yam ibe nokumelana nako.

Shwangusha, bonisa amandla akho : thina okukokwethu
asinawo ;

Okumiselweyo akunakujikwa, oku ke makube njalo.

Waphuma.

INDIMA II.

UMBONISO I. Unxweme lolwandle.

Kungena uAntonio noSebastian.

UAntonio. Akuyi kuba sahlala ? kungenjalo akungi ndingahamba nawe ?

USebastian. Ngalo unyamezelo lwakho, hayi. Iinkwenkwezi zam zikhanya luzizi phezu kwam ; ubungozi besiphelo sam bungathi bukuzele nomzananda ; ngoko ke ndothi ndicel' indlela ukuze ndizithwale ndindedwa iinkohlakalo zam : ingayimbuyekezo embi yothando lwakho, ndakuthi ndikusingathise naziphi na kuzo.

UAntonio. Mandazi ke noko apho usinga khona.

USeb. Hayi bo, ngenene, mhlekazi uhambo lwam alunanjongo lubububhadubhadu nje. Kodwa ndiphawula apha kuwe kukho nto ithandeka kakhulu yobulali, yokuba ungacudisi apha kum oko ndinga ndingakugcina kum ; ngoko ndithi ndinyanzelwe yimbeko ukuba ndiziphalaze. Mawundazi ngoko, Antonio, igama lam nguSebastian, endithe linguRoderigo. Ubawo wayenguSebastian wase-Messaline, endaziyo ukuba mawube wakha weva ngaye. Washiya mna nodade wethu, esasizelwe sobabini kwisithuba seyure enye : ukuba kwakukholekile kuwo amazulu, yayikwangumnqweno wethu ukuba nesiphelo sethu sibe njalo ! kodwa wena mhlekazi, wakuguqula oko, kuba kwisithuba nje esingangeyure phambi kokuba undihlangule kumaza olwandle udade wethu wafa ngokuraxwa.

UAntonio. Athi ke wena minindini ! 20

USeb. Inenekazi mhlekazi, naxa nje kwakusithiwa lifana kakhulu nam, ukanti lalibabaswa ngokubanzi ngobuhle balo : kodwa naxa nje ndandingenakho ngoncomo olugqi-

thileyo ukukukholelwa oko, kodwa kangangoko ndinakho ukuthetha ngalo ; linengqondo awayengenakunceda nonobukhwele ukungayincomi. Latshona laraxwa ke, mhlekazi ngamanzi olwandle, naxa ndibonakala ndintywilisela inkumbulo yalo ngangaphezulu amanzi amtyuwa.

UAnt. Ndixolele, mhlekazi, ngencoko yakho embi.

USeb. Awu, lungandini Antonio, ndixolele ngenkathazo endikunika yona.

UAnt. Ukuba akuyi kundigebenga ngenxa yothando lwam, mandibe ngumkhonzi wakho. 31

USeb. Ukuba akuyi kukuguqula oko sewukwenzile, oko kukuthi, umbulale lowo umfumeneyo, mus' ukukucela oko. Sala kakuhle kwangoku : isifuba sam sizele bububele, kwaye okwangoku ndisasondele kwisimilo sikama, kangangokuba ithutyana nje elincinane ngaphezulu amehlo aya kubalisa ngam. Ndisinga kwinkundla yeTshawe uOrsinoa. Sala kakuhle. **Waphuma.**

UAnt. Ubulali bazo zonke izithixo mabube nawe !

Ndineentshaba ezininzi kwinkundla kaOrsino,

Ukuba bekungenjalo kwakamsinyane bendiya kuhle ndikubone apho. 40

Kodwa nokuba sekusihla ntoni na, ndikuncoma ngokungazenzisiyo,

Ngangokude ingozi ibonakale ilicekwa, ndiyeza. **Waphuma.**

UMBONISO II. Isitalato.

Kungena uViola, uMalvolio uyalandela.

UMalvolio. Asinguwe sini na osandul' ukuphuma kwindlu yeTshawekazi uOlivia ?

UViola. Khona ngoku, mhlekazi, ndibetha kancinane ndisandul' ukufika apha ukucela khona.

UMalvolio. Libuyisela lo msesane kuwe, mhlekazi : unge undisindise le nkxamleko ingaka ukuba ube uwuthabathe ngokwakho. Longeze lathi uze uyazise inkosi yakho nge-

siqinisekiso esinganiki themba ukuba alinaxesha layo : nantsi ke enye indawana, uze uziqaqadekise ngohlobo lokuba ungayiyeli kwakhona imicimbi yayo, ngaphandle kokuya kwazisa ukuba inkosi yakho iluthabatha njani na olu daba. Lwamkele ke ngaloo ngqondo. 10

UViola. Liwuthabathile kum umsesane : andizi kuwuthabatha.

UMalvolio. Yiza, mhlekazi, uthe ngendlela apha ekrwada wawugibisela kulo ; ke intando yalo, yeyokuba ubuyiselwe kwangaloo ndlela : ukuba ukufanele ukucholwa, nango ke ulele phambi kwamehlo akho ; ukuba awukufanele, woba ke ngowalowo uwucholayo. **Waphuma.**

UViola. Akukho msese ndikhe ndawushiya kulo : yintoni kanye efunwa leli nenekazi ?

Ithamsanqa malinqande ingathi kanti imbonakalo yam yangaphandle iliwisile !

Lindibukile lindikhangakhanga ; eneneni, kangangokuba Kubonakele kum ngokuqinisekileyo ukuba okubonwa ngamehlo

Kutsho ulwimi lwashwaqa olungakuqondiyo, Kuba lithethile ngezingqala buphithizela.

Liandithanda, ngokuqinisekileyo : iqhinga lokuthabatheka kwalo 20

Lindimema ngesi sijoli silitshijolo.

Awukhange ube msese wankosi yam lo ! tyhini, ayikhange lithumele nto.

Ndim le ndoda : ukuba kunjalo, njengoko kunjalo,

Usizana lwentokazi, bekulunge kanye luthande iphupha.

Kuzifihla-nto-uyiyo-ndini, ndiyabona usisikhohlakali,

Apho kuwe utshaba olungqondo ikhawulezayo lwenza lukhulu.

Athi ukuba lula kwabo bahle kodwa bekhohlisa

Kwiintliziyo zabafazi zomthwebeba ukumisa iimo zabo !

Athi ke, ubu-ethe-ethe bethu bubo obunguno bangela, asisithi

Kuba njengaloo nto senziwe ngayo, sinjalo. 30

Iya kwenzeka njani loo nto ? inkosi yam ilithanda ngokungazenzisiyo ;

Ndibe mna ludwayi lwegongqongqo, ndiyithanda kangakonayo ;

Libe lona, ngempazamo, libonakala lithabatheke ndim.

Le nto iza kuphelelaphi ? Njengoko ndiyindoda,

Imeko yam iyaluncama uthando lwenkosi yam ;

Njengoko ndingumntu oyinkazana,—ngoku athi ke loo mini !

Zizingqala zini oluya kuthi udwayi olunguOlivia luzenze !

Awu xeshandini ! nguwe oma wukucombulule oku, asindim ;

Liqine nkqi eli qhina ukuba libe nokukhululwa ndim !

Waphuma.

UMBONISO III. Igumbi kwindlu kaOlivia.

Kungena uMhleleli uToby noMhleleli uAndrew.

UMhleleli uToby. Sondela, Mhleleli Andrew : ukungabikho zingubeni emva kweenzulu zobusuku kukuba sewuvukile kwakusasa kakhulu, kwaye ke ‘diluculo surgere’ (ukuyuka kusasa kakhulu kunempilo ngenene), uyazi ke wena,—

UMhleleli uAndrew. Cha, ndikuxelel’ inene, andazi nto : kodwa ndiyazi khona ukuba ukuhlala kude kube sebusuku kukuhlala kude kube sebusuku.

UMhleleli uToby. Sisigqibo esiphosakeleyo eso : ndisicaphukela ngokwebhekile engazaliswanga. Ukuhlala emva kweenzulu zobusuku nokuya kulala ngelo xesha, sekusile : ngoko ke ukuya kulala emva kweenzulu zobusuku kukuya kulala sekusile. Ubomi bethu abusekekanga phezu kwezinqalo ezine (umhlaba, umoya, umlilo, namanzi) ?

UMhleleli uAndrew. Kholwa, batsho kambe ; kodwa mna ndicing’ ukuthi busekeke phezu kokutya nokusela. 11

UMhleleli uToby. Uyimfundi wena ; ngoko ke masitye sisele. Marian, yiv’ apha ! ingqayi yewayini !

Kungena isiphoxo.

UMhleleazi uAndrew. Nasi sisiza isiphoxo, kholelwa.

ISiphoxo. Kuhleni ngoku, zintliziyo zam ! anizange niwubone umfanekiso othi ' thina sobathathu ' ?

UMhleleazi uToby. Ngena, mbongolondini. Khawusiphe ke ingoma.

UMhleleazi uAndrew. Ndikufungis' inyaniso, isiphoxo sine-lizwi elimnandi okobusi ngenene. Bekulunge kanye endaweni yokuba ndibe namashumi amane eesheleni, ndibe nomlenze onjeya, nelizwi elimnandi lokucula, njengeliya lesiphoxo. Inenekaz' enkulu, ubungasahlekisi nje phezolo, okuya ubuthetha ngoPigrogromitus, ngamaVapiya, edlula ixesha lokulingana kwemini nobusuku likaQuebus : beku-mnandi qiniseka. Ndikuvave ngesikisipeni ukuze unike isithandwa sakho : uyifumene ?

ISiphoxo. Ndilifakile engxoweni ibhaso lakho ; kuba impumlo kaMalvolio asintonga yasiwephu : inkosazana yam inesandla esimhlophe, ke iiMirmayden asizozindlu zambo-dlela zatywala.

UMhleleazi uAndrew. Ath' ukuba kuhle ! tyhini, akukho mpoxo inokuba ngaphezu kwale yakugqitywa. Ngoku, makhe sive ingoma.

UMhleleazi uToby. Qhuba . nantsi nesikisipeni yakho : khawusiph' ingoma. 31

UMhleleazi uAndrew. Nantsi neyam isikisipeni : xa itshawe linikela i.....

ISiphoxo. Ningathanda ingoma engothando, umhlawumbi ingoma enemfundiso ethile ?

UMhleleazi uToby. Ingoma engothando, ingoma engothando.

UMhleleazi uAndrew. Ewe, ewe, mna andikhathalele ngoma inazimfundiso zitheni.

ISiphoxo. (Sacula)

Awu ntandanekazi yam, ubhadubhadulaphi na ?

Awu, hlala uphulaphule ; isithandwa sakho senene siyeza,

Esinokucula ngokuphakamileyo sibhekise ezantsi kanjalo :
Mus' ukuba saya kude, sithandwa sinesonti ;
Iihambo ziphelela kwindibano yabathandanayo, 40
Nawuphi na unyana wendoda elumkileyo uyazi.

UMhlelazi uAndrew. Ayisayole, ndikuxcelel' inene

UMhlelazi uToby. Kamnandi, kamnandi.

ISiphoxo. (Sacula)

Luyintoni uthando ? alulilo iphakade elizayo ;

Imihlali yanamhla inentsini yanamhla ;

Okusaza kubakho akukabi nasiqinisekiso :

Ekuzizilizeni akukho ndyebo ;

Yiza ke ngoko ndincamise, ezishushu zibe mashumi mabini,

Ubutsha yinto engenakunyamezela.

UMhlelazi uAndrew. Ilizwi eliphuphum' ubusi, njengokuba
ndilitshawe lenene. 50

UMhlelazi uToby. Ilizwi elisulelayo.

UMhlelazi uAndrew. Alimnandi nje, laye lisulela, ndiqini-
sekile.

UMhlelazi uToby. Ukuva ngempumlo, kumyoli elusulelweni.
Kodwa asiyi kuba nakho ukusenza isibhakabhaka sixhentse-
ngenene ? asiyi kusivusa isikhova sobusuku ngengoma
enokukhupha imiphfumlo emithathu kumluki omnye ?
asiyi kukwenza oko ?

UMhlelazi uAndrew. Ukuba uyandithanda, masikwenze :
ndimi kakuhle ekuculeni.

ISiphoxo. Ndifung' inkosazana yakho, mhlelazi, zibe ezinye
izinja zibamba kakuhle.

UMhlelazi uAndrew. Ngokungathandabuzekiyo. Masi-
fumane ingoma yethu, ' Tshijolondini.'

ISiphoxo. ' Yithi tu, tshijolondini,' tshawe ? ndimadolw'
anzima ukukubiza ngokuba ulitshijolo, tshawe. 61

UMhlelazi uAndrew. Asiloxesha lokuqala eli ndimenza
umntu azive emadolw' anzima ukundibiza ngokuba ndili-
tshijolo. Qalisa, sihibandini : iqala olu hlobo ' Yithi tu.'

ISiphoxo. Andinakuqala xa ndinokuthi tu.

UMhlelekazi uAndrew. Kakuhle ngenene. Qhuba, qalisa.
(Yaculwa ingoma.)

Kungena uMaria.

UMaria. Ngumkhulungwane weekati wantoni lo uqhubeka apha ! Ukuba inkosazana yam ayithanga ibize igosa layo uMalvolio iliyalele ukuba linikhuphele phandle, zeninga-buye nindithembe.

UMhlelekazi uToby. Inkosazana yam ngumKhatheyi, singabezombuso thina, uMalvolio yiPeg-a-Ramsey nje, 'Masibe ngamadoda amathathu onwabileyo thina.' Andizalani naye sini na ? andigazinye naye yini ? Unantoni kade. Nkosazana ! (Watsh' ingoma) Kwakukho mfo uthile e-Bhabhiloni, nkosazana, nkosazana ! '

ISiphoxo. Shwangusha yiba phezu kwam, itshawe likwimpoxo encomekayo.

UMhlelekazi uAndrew. Ewe loba liqhuba kakuhle kanye xa lithe lathanda nam ke ndinjalo : likwenza oko ngesidima esisiso, kodwa mna ndiqhuba nje ngemveli.

UMhlelekazi uToby. (Watsh' ingoma) 'Athi ke, loo mini yeshumi elinambini kuDisemba,'—

UMaria. Ngenxa yothando lukaThixo, yithi tu !

Kungena uMalvolio.

UMalvolio. Zinkosi zam niphambene ? kungenjalo niyintoni ? Aninangqondo, similo, namfaneleko, ukuba nibe nidebeleza ngokwabakhandi bezitya eli xesha ebusuku ? Indlu le yenkosazana yam niyenza inkanti, nibe nitswina iingonyana zenu zabathungi kungekho kuzibamba nakuzisola kwilizwi ? Akusekho ntlonelo yandawo, yabantu naxesha apha kuni ?

84

UMhlelekazi uToby. Sibe siligcinile ixesha, mhlekazi, kwii-
ngoma zethu. Hamb' uye kuzixhoma !

UMalvolio. Mhlelekazi Toby, mandiphume egusheni kuwe. Inkosazana yam indiyalele ukuba mandikuxelele ukuba

naxa nje ikugcinile njengesizalwane sayo, ayinabudlelana nawe neziphithiphithi zakho. Ukuba ubunokuzahlula wena kubuntshembenxa bakho, wamkelekile kuyo le ndlu ; xa ke kungenja' o, kukulungele ukuba uzichwethe kuyo, ivuma ngomxhelo wayo ukukukhulula. 91

UMhlekezzi uToby. Sala kakuhle, sithandwa, njengoko kufuneka ndihambile !

UMaria. Hayi, lungandini Mhlekezzi Toby.

ISiphoxo. Amehlo akhe abonakalisa ukuba imihla yakhe seyiphants' ukuba ibe ihambile.

UMalvolio. Kungaba sekunjalo ?

UMhlekezzi uToby. ' Kodwa ke andisokuze ndife. '

ISiphoxo. Mhlekezzi Toby, waxok' apho.

UMalvolio. Oku kuthetha lukhulu ngawe.

UMhlekezzi uToby. ' Ndingamxelela ahambe ? 100

ISiphoxo. ' Ukuze kwenzeke ntoni wakuba wenjenjalo ? '

UMhlekezzi uToby. Ndingamxelela ahambe na, ndingayeki ?

ISiphoxo. ' Cha, ncama akunakwenjenjalo. '

UMhlekezzi uToby. Waphum' emgceni, mhlekazi : uyaxoka. Ungaphezulu kwegosa ? Ucing' ukuthi kuba unesidima makungabisabikho maqebengwana nagrangqa ?

ISiphoxo. Ewe, ndifung' uAnne oNgewele, nejinjala iya kuthisa emlonyeni nayo.

UMhlekezzi uToby. Ukulo. Hamba, nkosi, mus' ukuzenza ugqadambekweni. Ingqayi yeveyine, Maria !

UMal. Nkosazana Mary, ukuba ube uluxabisile uthando lwenkosazana yam ngaphezu kokuludela ube ungayi kwenzana ndlela yokuba esi similo sibi siqhubele phambili : iya kwazi ngayo, ngesi sandla. (Waphuma.

UMar. Hamba uye kuvuthulula iindlebe zakho ngokukandlebende.

UMhlekezzi uAndrew. Sisenzo esiqhubeke kakuhle njengokusela xa indoda ibethekile, ukumcela umngeni eyedwa, uze waphule idinga naye, umbhanxe.

UMhleleki uToby. Khawenze tshawe : ndiza kubhala ndi-
kucelele umngeni ; mhlawumbi ndiyikhuphe ingqumbo
yakho kuye ngomlomo. 119

UMar. Mhleleki Toby unesonti, khawunyamezele okobu
busuku : njengokuba umfana osisijoli setshawe namhla-
nje ube enegumgedle nenkosazana yam, inokungazoli.
Ngokuphathelele kuMnumzana uMalvolio, khawumye-
kele kum ndedwa : ukuba andimkhohlisanga ekubeni abe
ngundabamlonyeni, ndimenze into yentlekisa, uzungandi-
cingeli ukuba ndinengqondo ekwanceleleyo ukuba ndizolule
ndithi tswili emandlalweni wam : ndiyazi ukuba ndinakho
ukukwenza oko.

UMhleleki uToby. Khawusazise, khawusazise ; sixelele nto
ngaye.

UMar. Ngenene, mhleleki, maxa wambi unginga-msulu-
ngeki.

UMhleleki uAndrew. Awu, ukuba bendikhe ndakucinga
oko ngendimbethe okwenja.

UMhleleki uToby. Intoni, ngokuba ngumsulungeki ? isiza-
thu sakho sinobuqhinga ntandane yetshawe ? 130

UMhleleki uAndrew. Andinasizathu sinabuqhinga ngaye,
kodwa ndinesizathu esilungileyo ngokwaneleyo.

UMaria. Usathana engosulungekileyo njalo, okanye nantoni
na ethe gqolo, kodwa ngumdlulisi nje wexesha ; imbongolo
ezenzinto engeyiyo, efunda ngentloko indlela yokuzilunga-
lungisa umzimba ngaphandle kwencwadi, aze ayicengecele-
ze ngokwezithungu zengca : abe njani ke ukuziqhenya,
kuba ezaliswe lulwazi olungako, ngokokubona kwakhe,
ngokokude abe nokuyikholelwa into yokuba bonke abathi
bamalame ngeliso bayamthanda ; ngeso sikhwasilima ke
anaso, impindezelo yam yofumana isizathu esiphathekayo
enokusebenza phezu kwaso.

UMhleleki uToby. Uza kuthini ? 140

UMaria. Ndiya kuphosa kule ndlela ahamba ngayo iileta

ezithetha into engenabutsolo banto, zothando ; ekuya kuthi kuzo, ngombala weendevu zakhe, ukumila kwezinto zakhe, uhlobo ahamba ngalo, inkangeleko yamehlo akhe, neyebunzi lakhe neyombala azifumanise ezotywe wamntu wumbi ngohlobo oluchukumis' umxhelo. Ndinakho ukubhala ngesandla esifana kanye nesenenekazi lam, umtshana wakhe : kumcimbi orewulibalekile kunzima ukwazi ukuba wawubhalwe ngubani na kanene.

UMhlelazi uToby. Athi ukuba kuhle ! ndisezela icebo.

UMhlelazi uAndrew. Nali nam ndiliva ezimpumlweni.

UMhlelazi uToby. Uya kucing' ukuthi ngemidana owothi umenzele yona mayibe ivela kumtshana wam, oma kabe ufile kukumthanda. 151

UMar. Injongo yam, ngenene, yimpoxo elolo hlobo.

UMhlelazi uAndrew. Ibe impoxo yakho ngoku iya kumenza abonakale eyimbongolo le.

UMar. Ubumbongolo bona andibuthandabuzi.

UMhlelazi uAndrew. Awu buya kuncomeka !

UMar. Impoxo engenantanga, ndiyaniqinisekisa : ndiyazi ukuba umchiza wam uya kumchana. Ndiya kunimisa nina nobabini, ukuze isiphoxo sibe ngowesithathu, apho aya kuthi ayifumane khona ileta : maze niqwalasele indlela ayitolika ngayo. Okobu busuku ke yiyani kulala niphuphe ngalo mcimbi. Salani kakuhle. **Waphuma.**

UMhlelazi uToby. Rolindara, Penthesilea. 161

UMhlelazi uAndrew. Phambi kwam, uyinkazana elungileyo.

UMhlelazi uToby. Uyingqeqana yokuzingela imivundla, ekhuliswe kakuhle, nomntu ondincomayo : uthini ngaloo ndawo ?

UMhlelazi uAndrew. Ndakha ndaconywa nam okunye.

UMhlelazi uToby. Masiye kulala, tshawe. Uswele biza enye imali.

UMhlelazi uAndrew. Ukuba andinakumzuza umtshana wakho, ndingaba ndiphazame ngenene.

UMhlelazi uToby. Yitsho uthunyelelwe imali, tshawe :
ukuba akumfumananga ekugqibeleni, uzundibize ngokuba
ndiyinja ephuntshwe umsila. 171

UMhlelazi uAndrew. Ukuba andenjanga njalo, uzungaze
undithembe, yithabathe ngolo hlobo ukholwa lulo.

UMhlelazi uToby. Yiza, yiza, ndiza kwenza incasa kulaa
veyine ; sebhambile kakhulu ubusuku ukuba angaba saya
kulala umntu : yiza, tshawe ; yiza tshawe. **Baphuma.**

UMBONISO IV. Igumbi kwibhotse leTshawe.

Kungena iTshawe, uViola, noCurio nabanye.

ITshawe. Khanindiphe ingoma. Ke kaloku ke bhotani
zihlobo.

Qhuba ke, lungandini Cesario, kodwa ibe yilaa ngoma,
Laa ngoma indala ithwalis' amehlo sithe sayiva phezolo :
Ibonakele kum ngathi indinika ikhefu kubindeko lwam olu-
khulu,

Ngaphezu kwezi ngonyana zingephi neendawana eziphinda-
phindwayo kuzo

Zala maxesha obudyududyudu nogxanyo olubang' isizungu-
zane :

Qhuba isixana sibe sinye.

UCur. Akakho apha, ukuba ayikukhathazeka inkosi, lowo
ufanel' ukuyicula.

ITshawe. Ibingubani ? 10

UCur. UFeste, iyolisa, mhlekazi ; isiphoxo awathi uyise
wenkazana uOlivia wabonakala enomdla kuso. Sikho
kwalapha endlwini.

ITshawe. Sifune, yibani nidlala ingoma lo gama.

(Waphuma uCurio. Yavakala ingoma.

Yiz' apha kwedini : kunokwenzeka ukuba uthande

Kwiintlungu ezimnandi zalo ndikhumbule ;

Kuba loo nto ndiyiyo bonke abathandayo ngenene banjalo,

Abazolanga bethanda ukudlobadloba kuzo zonke izimvo zabo
ezizezinye,

Ngaphandle kwaloo mfanekiso ungashukumiyi weso sidalwa
Sithandwayo. Uyithanda njani le ngoma ?

UViola. Inika kanye esandi sibuya sesivela kweso sihlalo
siyitrone yoThando. 20

ITshawe. Uthetha ngobugcisa :

Ndifung' ubomi bam, naxa umncinane kangakanje, iliso lakho
Likhe laphumla phezu kobuso elibuthandileyo :
Alenjanga njalo, kwedini ?

UViola. Kancinane, ngokuthanda kwakho.

ITshawe. Yinkazana eluhlobo luni ?

UViola. Enalo mbala wakho.

ITshawe. Ayikufanele ke, iminyaka mingaphi ngenene ?

UViola. Ibuntanganye nawe, mhlekazi...

ITshawe. Indala gqitha, ndifung' amazulu : umfazi usafanel'
ukuthabatha

Indoda endadlana kunaye, azilungalungise ukufanela yona,³⁰
Ayilawule intliziyo yendoda yakhe ngokuqinileyo :

Kuba, kwedini, nokuba seside sizincome kangakanani na,
lingcingane zethu zinesiyenzi nokungaqini,
Zincenkanuko, nokungazoli, zihle ziduke zikruquke,
Kunoko zinjalo ezamabhinqa.

UViola. Ndinga njalo, mhlekazi.

ITshawe. Masithi ke ngoko isithandwa sakho sibe sitsha
kunawe,

Kungenjalo uthando lwakho alunakho ukuthi mbo ;
Kuba abafazi banjengeerozi, ezintyatyambo zintle
Ethi ngokubekwa kanye esigcakasini, zibe sezisithi bhuma
ngaloo yure.

UViola. Banjalo kanye : athi ke, ukuba babenjalo ; 40
Ukufa, naxa befikelela kwimfezeko ngokukhula ?

Kungena kwakhona uCurio neSiphoxo.

ITshawe. Awu, nkewundini, qhuba, ingoma esibe nayo phezolo.

Yiphawule, Cesario, indala ilula ;

Iintombi ezisontayo nabaluki elangeni

Neentokazi ezingakhathaliyo eziphotha umsonto wazo ngamathambo

Zikholisa ngokuyicula : yinyaniso ephandle ke leyo,

Zidlalise ngokungabi nakumbi kothando

Ngokwezo mini zimnandi zamandulo.

ISiphoxo. Sewulungile mhlekazi ?

ITshawe. Ewe, nceda, cula.

Ingoma. 50

Ingoma.

ISiphoxo. Yiza, yiza, kufa.

Ndize ndiye kubekwa kwimithi elusizi yesipresi ;

Saba, saba, mphefumlo ;

Ndibulewe yintokazi entle ekhohlakeleyo.

Isithandelo sam esimhlophe, esidityaniswe neyu,

Nceda usilungise !

Inxaxheba yam ekufeni, akakho onyaniseke kangako

Owakha waxhamla kuyo.

Makungabikho ntyatyambo, makungabikho ntyatyambo inuka mnandi,

Ithi isasazwe phezu komkhumbi wam omnyama ; 60

Makungabikho mhlobo, makungabikho mhlobo ubulisa

Isidumbu sam esiluzisi, kuloo ndawo amathambo am aya kulahlwa kuyo :

Ukusindisa amawakawaka ezingqala,

Ndibekeni, athi ke, apho

Isithandwa esilusizi, sinyanisekile, singayi kuze silalame ingcwaba lam,

Ukuze silile apho !

ITshawe. Thabath' apha ngenxa yokuzikhathaza kwakho.

ISiphoxo. Akukho kuzikhathaza konke, mhlekazi ; iyandi-vuyisa into yokucula, mhlekazi.

ITshawe. Ndiya kuhlawulela uvuyo lwakho ke.

ISiphoxo. Ngenene, mhlekazi, uvuyo luya kuhlawuleka nokuba kunini na. 71

ITshawe. Ndivumele ndikushiye ngoku.

ISiphoxo. Ngoku ke, masithi isithixo esilusizi sikukhusele ; nomthungi ayenze ibhatyi yakho ngesilika eguquk' umbala, kuba ingqondo yakho ifana, nqwa nelitye eliyiopal. Ndingathanda abantu abanje ukuma entwen' enye bahambe ngolwandle, ukuze amashishini abo abe yinto yonke nenjongo yabo ibe kulo lonke ; kuba yiloo nto ebasoloko yavelisa uhambo olumnandi elizeni. Salani kakuhle.

Saphuma.

ITshawe. Mabathi bonke abanye bakhwelele.

/uCurio neempelesi baphuma.....

Kwakhona ke, Cesario,

Yiya kwakwesiya sikhohlakali sinobungangamela : 80

Sixelele ukuba uthando lwam, oluzuke ngaphezu kwelizwe,

Aluxabisanga bungakanani bemihlaba engcolileyo ;

Ezo ndawo lithe ithamsanqa lasinikela zona

Sixelele, ndizijonga ngokungakhathali njengoko esenjenjalo uthamsanqa ;

Kodwa nguloo mmangaliso wobuhle baso,

Ethe indalo yasigqubuthela ngabo, obunombizane kumphefumlo wam.

UViola. Kodwa ukuba asinakukuthanda, mhlekazi ?

ITshawe. Andinakuphendulwa ngaloo ndlela.

UVoila. Ngenyaniso, kodwa umelwe.

Masithi nenekazi lithile, njengokuba mhlawumbi likho,

Likuthanda ngentliziyo ebuhlungu kakhulu 90

Kanye ngaloo ndlela uthanda ngayo uOlivia : akunaluthando lwalo ;

Ulixelele njalo ; alimelwe kukuphendulwa ke ?

ITshawe. Akukho macala ebhinqa

Anakho ukumelana nokungongoza okushushu

Njengolo thando luthi lukunikele entliziyweni yam ; akukho Ntliziyo yabhinqa, ebanzi ngohlobo lokuba ibe nokuthwala okungaka ;

Iswele amandla okuzigcina izinto.

Athi ke, uthando lwayo lungabizwa ngokuba yinkanuko, Akukho kubindeka kwasibindi, kodwa amakhuhlangubo, Anesicefane, nokudikwa nokuhlanjelwa yintliziyo ;

Kodwa eyam iyonke ilambile ngokolwandle, 100

Inokwetyisa kangako : mus' ukuthelekisa

Phakathi kolo thando umfazi angathi abenalo kum

Nolo ndinalo kuOlivia.

U Viola. Ewe, kodwa ndiyazi—

ITshawe. Wazi ntoni ?

U Viola. Kangako ngothando abanokuthi ababhinqileyo babenalo emadodeni :

Ngenene, banyanisekile ezintliziyweni ngoko nathi sinjalo.

Ubawo wayenentombi eyayithanda indoda,

Njengokuba, mhlawumbi xa ndibe ndiyintombi

Bendingaba njalo kuwe mhlekazi.

ITshawe. Ke liqhuba lithini ibali layo ?

U Viola. Liliphepha ekungabhalwanga nto kulo, mhlekazi.

Ayizange iluxele uthando lwayo, 110

Koko yalufihla ngokombungu kumdumba

Ilondla ngesidlele esingumxube wobubomvu nobumhlophe :

iziduba ngeengcinga,

Yaza ngosizi oluluhlaza-mthubi

Yahlala ngokomonde phezu kwesithombe,

Iyincumela into elusizi. Yayingelulo thando ngenene sini na olu ?

Thina madoda singathetha kakhulu, sifunge ngaphezulu, kodwa yona inyaniso

Yile, esikwenza ukuze sibonwe kungaphezulu kwentando yethu ; kuba kukhulu

Esikubonisa ngezifungo zethu, kube kona kukuncinane okuthando lwethu.

ITshawe. Kodwa waba ke udadewenu ubulewe luthando, mfo wam ?

UViola. Ndizizo zonke iintombi zendlu kabawo, 120
Kwanabo bonke abanakwethu : ukanti andazi.

Mhlekezazi, mandiyekweli nenekazi ?

ITshawe. Ewe, nango owona mcimbi.

Khawuleza uye kulo ; linikele esi sambalo ; uthi,

Uthando lwam aluniki thuba, lungavumeli lulandulo.

Baphuma.

UMBONISO V. Kumyezo kaOlivia.

Kungena uMhlekezazi uToby, noMhlekezazi uAndrew, noFabian.

UMhlekezazi uToby. Hamba iindlela zakho, Mnumzana Fabian.

UFabian. Hayi, ndiya kuza : xa ndithe ndalahlekwa nalisuntswana lalo mdlalo, mandiphekwe ndide ndife ngosizi.

UMhlekezazi uToby. Ubungevuyi yini na xa le nkewu ilivimba iyindlavini, ibunja ibinokuthi ihlelwe lihlazo elibalaseleyo ?

UFabian. Bendingachulumachayo mfo : uyazi ukuba yatsho ndanyeliseka kwinkosazana yam kumdlalo wokuloba iibhere apha.

UMhlekezazi uToby. Ukumqumbisa kosizela n ebhere kwakhona ; siya kumbhanxa mnyama-luhlaza : asiyi kwenjenjalo, Mhlekezazi Andrew ?

UMhlekezazi uAndrew. Ukuba asinakwenjenjalo, yoba lusizi lobomi bethu. 10

UMhlekezazi uToby. Nants' isiza le ndlavinazana.

Kungena uMaria.

Yini ngoku, golide yam yaseIndiya !

UMaria. Ngenani nonke kweli tyholo : nank' uMalvolio esihla ngale ndlela : ubephaya elangeni ezibhencabhenc

isithunzi elinganisa indlela afancele ukubonakala ngayo, esi siqingatha seyure sidluleyo : mondeleni, ngenxa yothando lokuphoxisa ; kuba ndiyazi le leta iya kumenza isihiba esicamngcayo. Sondelani, egameni lempoxo ! Lala phantsi apho (**alahle phantsi ileta**) ; nantsi isiza intlanzi ema yibanjwe ingekazinzi. **Waphuma.**

Kungena uMalvolio.

UMalvolio. Lithamsanqa ke kambe ; konke kulithamsanqa. UMaria wakha wandixelela ukuba uyandithanda : ndaye sendikhe ndamva ephants' ukutsho ukuthi angathi ekhe wawa eluthandweni, angawela onjengam nje. Nangaphezulu ke, undiphatha ngembeko ephakamileyo nangaphezu kwekabani ongomnye omlandelayo. Mandicinge ntoni ngale nto ? 25

UMhlekezazi uToby. Nantsi indlavini ezibon' ubuni !

UFabian. Awu bethu, inzolo ! Imincili imenza afane nenkunzi yekwakwini enqabileyo : kuba uzivonyavonya phantsi kwezo ntsiba zifuvumeleyo !

UMhlekezazi uAndrew. Nothixo lo, ndingayibetha ndiyenjenje loo ndlavini.

UMhlekezazi uToby. Yithi tu, kutsho mna. 30

UMalvolio. Ukuba liTshawe uMalvolio !

UMhlekezazi uToby. Yeha, ndlavinindini !

UMhlekezazi uAndrew. Yifak' ipistoli, yifak' ipistoli.

UMhlekezazi uToby. Khawuzole, yithi tu !

UMalvolio. Kukho into ekhe yehla enje ; inkosazana yase-Straki yendela kumntu omsebenzi wakhe yayikukugcina izinxibo zekhaya.

UMhlekezazi uAndrew. Lihlazo lakhe, Jezebhele !

UFabian. Awu, khawuthi tu toro ! ngoku usemxholweni : khangela indlela amampunge amkhukhumalisa ngayo.

UMalvolio. Ndakuba ndinyanga—ntathu nditshatile naye, sendihleli etroneni yam—

UMhleleazi uToby. Awu, ungakhe ufumane isaphetha soku-tsawula ngelitye umthi cho elisweni !

UMalvolio. Ndibizabiza amagosa am akufuphi kum, ndize ndikwigawuni yam yevelvethi emasebesebe ; ndize ndakuba ndithe khwaphululu kwisingqengqelo sam sasemini, apho ndoba ndimshiya uOlivia elele,—

UMhleleazi uToby. Umlilo nesalfure !

UFabian. Awu, yini na le, khanithi cwaka toro !

UMalvolio. Ndize ke ndikwisimo sobuqoqhaqikili, ndakuba ndithe krwaqu ngapha nangapha ngobuso obushwacileyo, ndiwaxelela ukuba ndiyayazi indawo yam njengoko ndinga angazazi ezawo, ndithi mandibizelwe isizalwane uToby,—

50

UMhleleazi uToby. Izikhonkwane namakhamandela !

UFabian. Awu kodwa yintoni, inzwi toro.

UMalvolio. Isixhenxe sabantu bam, ngomothuko wentlonelo bamkhwelele : Ndithi shwaca okwethutyana ; ndihambise iwotshi yam mhlawumbi, okanye ndidlalise nge—litye lam elinqabileyo. UToby avele ; abonakalise iimbeko zakhe kum—,

UMhleleazi uToby. Nithi le ntyewu iya kuphila kodwa ?

UFabian. Yithini tu, nokuba seyiziikari ezizama ukuba nithethe.

UMalvolio. Ndolule isandla ndenjenje ndimbulisa, ndilufihle uncumo lwam oluqhelekileyo ngoshwaco olubonisa osemagunyeni,—

61

UMhleleazi uToby. Angakuthi ntlithi ngenqindi emlonyeni uToby ngelo xesha ?

UMalvolio. Ndisithi, ' Sizalwane Toby, akuba ke amathamsanqa am endibeke kumtshana wakho khawundiphe ke ilungelo lentetho',—

UMhleleazi uToby. Intoni, intoni ?

UMalvolio. ' Guquka kwiindlela zobunxila bakho.'

UMhleleazi uToby. Phuma, lukhwekhwendini !

UFabian. Hayi bethu, khaninyamezele, kungenjalo siya konakalisa ezona zinto uxhomekeke kuzo lo mdlalo.

UMalvolio. ‘Kanjako, udlala ngexesha lakho elixabisekileyo netshawe ezingalilanga kulo,’— 71

UMhlekezazi uAndrew. Ndim ke lowo, ndiyaniqinisekisa.

UMalvolio. ‘Mhlekezazi Andrew uthile,’—

UMhlekezazi uAndrew. Bendisazi ukuba ndim lowo ; kuba baninzi abandibiza ngokuba ndisisihiba.

UMalvolio. Ngumcimbi mni esinawo apha ?

/Echola ileta.

UFabian. Ngoku le ntaka isisihiba ikufuphi emgibeni.

UMhlekezazi uToby. Awu, inzwi ! ngamana isithixo sentlekisa singamenza ayifunde kakhulu !

UMalvolio. Ndifung’ ubomi bam, sisandla senkosazana yam esi : ngoC bayo kanye aba, oU bayo noT bayo ; ibenjenje kanye oP bayo abakhulu. Sisandla sayo esi ngaphandle kwamathandabuzo. 81

UMhlekezazi uAndrew. O-C bayo, noU bayo, noT bayo ; ngani ukuba ibe ngala ?

UMalvolio. (Uyafunda) ‘Kwisithandwa esingaziwayo, oku nemibuliso yam ’ :— amazwi ayo kanye ! Ngongxengxeziso kuwe, tywina. Lathamba ! Itywina layo lanomfanekiso wentloko kaLucretia, ekholisa ukutywina ngalo : yinkosazana yam. Mayibe ithunyelwa kubani bethu ?

UMalvolio. (Uyafunda).

UJove uyazi ukuba ndiyathanda :

Kodwa bani ?

Milebe, ningakhe nishukume ; 90

Makungabikho ndoda yaziyo.

‘Makungabikho ndoda yaziyo.’ Kulandela ntoni ? ukuwa kwezandi kuyaguquka !

‘Makungabikho ndoda yaziyo ’ : ukuba lo ingaba nguwe, Malvolio ?

UMhlekezazi uToby. Ngenene, zixhome, chelesindini !

UMalvolio. (Uyafunda)

Ndingayalela apho ndithanda khona ;
Kodwa ukuthi cwaka, ngokwemela kaLucrece,
Ngomvumbo ongachiziyo kuyayibhovula intliziyo yam :
M, O, A, I, alawula ubomi bam.

UFabian. Uqashiqashi oyimbudede ! 100

UMhlelekazi uToby. Ndithi yinkazana egqibeleleyo.

UMalvolio. ‘M, O. A. I, alawula ubomi bam.’ Hayi,
kodwa kuqala, mandikhe ndibone, mandikhe ndibone, ma-
ndikhe ndibone.

UFabian. Athi ke eso sitya setyhefu athe watya kuso !

UMhlelekazi uToby. Kungaphiko lini ethi intambanani igu-
quguqule umdlalo xa isukelwayo !

UMalvolio. ‘Ndingayalela apho ndithanda khona.’ Tyhi-
ni, ingandiyalela : ndikhonza yona ; yinkosazana yam.
Tyhini le nto icacile ingafuni nangqondo ibhekephi ; aku-
kho bunzima kule nto : size isiphelo—,ingaba yintoni yona
injongo yaba nobumba badweliswe olu hlobo ? Ukuba
bendinokwenza oko kufuzise nto ithile apha kum,—

Ngeliphantsi ! M, O., A, I,— 111

UMhlelekazi uToby. Awu, ewe kambe, yilungise loo nto :
ngoku ukumkhondo obandayo.

UFabian. Le nja ingakwazi kulanda yoba ikhonkotha lonk’
ixesha, noxa ivakala kakubi ngokwempungutye.

UMalvolio. M,—Malvolio ; uM,—tyhini eso sisiqalo segama
lam.

UFabian. Bendingatshongo yini ukuthi uya kuwalungalu-
ngisa ? inja iphumelela kanye xa umkhondo udukile.

UMalvolio. M.—kodwa ke akukho kungqinelana kulande-
lelano ; okulandelayo kuwa phantsi kwakubekwa emli-
ngweni : bekufanel’ ukuba kulandel’ uA, koko nanko
ingu-O.

UFabian. Ndithemb’ ukuthi uO uya kuqoshelisa.

UMhlekezazi uToby. Ewe, kungenjalo ndiya kumgqebha, nditsho akhale athi O !

UMalvolio. Kuze ke kulandele uI.

UFabian. Ewe, ukuba ube uncliso ngasemva, unge ubona intle bendwane kanye apha emva kwakho kuncenyweba eziphambi kwakho.

UMalvolio. M, O, A, I ; Oku kuzenza nto yimbi akufani nani engoko bekunjalo : ukanti, ukuba ebenokulungalungiswa kancinane ebengakwenzayo oko ndifuna kona, kuba bonke aba nobumba bakho kwigama lam. Ngeliphantsi ! nantsi intetho ilandela. (**Afunde**) ' Ukuba oku kuthe kwawela ezandleni zakho, kuphethuphethule engqondweni yakho. Ngokwenyweba endikuyo, ndingasentla kuwe ; kodwa mus' ukuboyika ubukhulu : abanye bazalwa bephakamile, abanye bayizuzisa impakamo ngemigudu, baze abanye bazifumane bethiwe wambu ngayo impakamo. Amathamsanqa akho azivulile izandla zawo ; mayithi inkalipho yakho nomoya wakho uwawole ; uze ukuziqhelanisa naloo nto kunokwenzeka ukuba ube yiyo, phosa phaya loo mobuzo wakho wobulali ubonakale unto ntsha. Yiba ngongavumelaniyo nesizalwane, ube muncu kwizicaka ; ulwimi malube soloko lukhenkceza izinto zasembusweni ; zenze ozele yimimoya : ukucebisa njalo ke onezingqala ngenxa yakho. Khumbula lowo wazincomayo iikawusi zakho ezimthubi, wanqwanela ukukubona usoloko ukwiigathazi zakho : ndithi ke, khumbula. Yiza ke, uyindoda eyenziweyo, ukuba unqwanela oko ; ukuba ke akunjalo, mandikubone uligosa kwakhona, inkewu yezicaka, engafanele ukuchukumisa iminwe yethamsanqa. Sala kakuhle. Lowo ungaba sisicaka sakho njengoko nawe usesakhe.

Ongonwabanga esenywebeni. 142

Iimeko ezikulungeleyo ukufumana umkhondo aziwufumani : le nto iphandle. Ndiya kuzigasa, ndifunde iincwadi zababhali bobuchule kwezombuso, ndiya kumnqabela

uMhleleki uToby, ndiya kukuhlamba ukuqheleka okuraba-
 xa, ndiya kuba yiloo ndoda ngokuthe gca. Andizibhanxi
 ke ngoku, ngokuvumela intelekelelo indixhamle ; kuba
 zonke izinto zibonisa ukuba inkosazana yam iyandithanda.
 Ikhe yazincoma iikawusi zam kutshanje, iwuncomile u-
 mlenze wam othandelwe ngeegathazi ; ngokwenjenje ke
 iyazityhila kulo uthando lwam, ke ngendlela ethile yomyalelo
 indiqhubela kule mikhwa yenkoliseko yayo. Ndiyayibu-
 lela inyhweba yam ukuba ndibe ndonwabile. Ndiya kuzi-
 chwetha, ndingatyhileki, ndifake iikawusi zam ezimthubi,
 ndithandele iigathazi zam, ngokukhawuleza okukhulu no-
 kuzindila. Wena Jove nani zinkwenkwezi zam manibo-
 ngwe ! Naku okubhalwe kamva gxebe. 154

(Efunza) 'Akunakukhetha, koko undazi lowo ndi-
 nguye. Ukuba uyalwamkela uthando lwam, malubonakale
 kulo uncumo lwakho ; uncumo lwakho lukufanela nge-
 ndlela eyodwa ; ngoko ke naphambi kwam ncuma kanjalo,
 ntandane yam emnandi, ndiyakubongoza.'

Jove, ndiyakubulela : ndiyakuncuma ; ndiya kwenza na-
 yiphi na into ongandingayenza. (Waphuma

UFabian. Andinakuphoswa ngulo mdlalo nokuba sendini-
 kwa ipenshoni yamawakawaka avela kwiShah yamaPeresi.
 162

UMhleleki uToby. Ndingayitshata le nkazana ngeli qhinga.

UMhleleki uAndrew. Ngokunjalo nam.

UMhleleki uToby. Ndingabi safuna khazi limbi ema yize
 nalo ngaphandle kwentlekisa ekwanje.

UMhleleki uAndrew. Kanti nam ngokunjalo.

UFabian. Nanku esiza umbambisi-mangabangaba wam ozu-
 kileyo.

Wangena kwakhona uMaria.

UMhleleki uToby. Ungalubeka unyawo lwakho entanyeni
 yam ?

UMhleleki uAndrew. Okanye kweyam ? 170

UMhleleazi uToby. Ndingayibonakalisa inkululeko yam ngokudlala amadayisi ndibe likhoboka lakho ?

UMhleleazi uAndrew. Enyanisweni nam ?

UMhleleazi uToby. Tyhini, umbeke kwimo yephupha, kangangokuba umfanekiso walo umshiya ekwisimo sokuba angasuka aphambane.

UMaria. Ukuba nje beninokubona iziqhamo zomdlalo lo, niphawule indlela azibonakalisa ngayo kuqala kwinkosazana yam : uya kuya kuyo enxibe iikawusi ezimthubi, lowo ke ngumbala onczothe kuyo, ethandele iigathazi, ifashoni ke leyo eliyithileyo ; uya kuyincumela, into ke leyo engenakuyilungela imo ekuyo, njengoko izinikele elusizini, aya kuthi ngoko ke azenze acekiseke kanye. Ukuba ninga ningakubona oku ndilandeleni. 182

UMhleleazi uToby. Kumasango eTartar, dwebilendini wobugqi uyingangamela !

UMhleleazi uAndrew. Ndiya kwenza enye nam. (Baphuma

INDIMA III.

UMBONISO I. Kumyezo kaOlivia.

Kungena uViola, noSiphoxo nentambula.

UViola. UThixo makakusindise, sihlobo, kunye nengoma yakho : uphila ngentambula leyo yakho sini na ?

ISiphoxo. Hayi mhlekazi ndihlala ngasecaweni.

UViola. Ungumntu wecawa ?

ISiphoxo. Akukho nto injalo, mhlekazi : ndihlala ngasecaweni ; kuba ndihlala endlwini yam, ibe indlu yam imi ngasecaweni.

UViola. Oko kukuthi ungathi ukumkani unqengqo ngakwingqwiniba, ukuba ingqwiniba lihlala kufuphi kuye ; okanye, icawa imi ngakwintambula, ukuba ithe intambula yakho yema ngasecaweni. 10

ISiphoxo. Kunjengokuba uthethile, mhlekazi. Athi ke eli xesha lokuthanda ukuxoxa ! Uluvo oluphalaziweyo lunjengesingxobo sesandla esitwebekayo kwingqondo ekhawulezayo : athi indlela ephosakeleyo ukukhawuleziswa kwayo ukuphendulelwa !

UViola. Hayi, oko kuqinisekile ; abo badlala kamnandi ngamagama banokuwaphethulela ebubini ngokukhawuleza.

ISiphoxo. Ngenene amagama aziindlavini ezi oko iibhondi zathi zawahlazisa.

UViola. Ukhala ngantoni, mfo ?

ISiphoxo. Ngenene, mhlekazi, andingesixeli ndingakwenzanga ngamazwi oko ; abe ke amazwi esuka alahlekise ngohlobo apha lokuba ndibe madolw' anzima ukuxela endikhala ngako ngawo.

U Viola. Ndingakuqinisekisa uliyolisa lomfo clingazidubi nganto.

ISiphoxo. Akunjalo, mhlekazi, ikho into endiziduba ngayo ; kodwa kwisazela sam, mhlekazi, andikukhathalele nganto : ukuba oko kukungazidubi nganto, mhlekazi, bendingathanda kukwenze ungabikho.

U Viola. Akusiso sihiba sikaNkosazana uOlivia sini na ?

ISiphoxo. Hayi, ngenyaniso, mhlekazi ; uNkosazana uOlivia akanabuhiba : akasayi kugcina sihiba, mhlekazi, de abe utshatile ; ke izihiba zinjengoko kubayeni, iintlanzi ezizipilkhadi zinjalo kweziziheringi ; abayeni ngabona babalaseleyo : enyanisweni andisiso sihiba sakhe, koko umovuyavuyi wakhe wamagama. 32

U Viola. Ndikhe ndakubona kutshanje emzini weTshawe uOrsino.

ISiphoxo. Ubuphoxo, mhlekazi, busijikeleza sonke isazinge ngokwelanga, bukhanya naphi na. Bendingalusizi, mhlekazi ukuba isihiba besingabonakala futhi kwankosi yakho kwanjengakwankosazana yam : ndicing' ukuthi ndibubonile ubulumko bakho kuloo ndawo.

U Viola. Hayi, ukuba uza kububonisa ngam ukuchule bakho andiyi kuba sahlala nawe. Bamba apha, nanko ukuzikhathaza kwakho.

ISiphoxo. Ke kaloku Jove, kumqela wakhe olandelayo weenwele, uze umphe iindevu !

U Viola. Enyanisweni, ndingakuxelela, ndiyazilangazelela ; (Bucala) naxa ndingethandi zikhule esilevini sam. Inkosazana yakho ikho ngaphakathi apha ?

ISiphoxo. Inkosazana yam ingaphakathi, mhlekazi, ndiya kubachazela apho uvela khona ; ukuba ungubani na, ufuna ntoni na zingaphandle kwemida yolundi lwam, ngendiba ndithi 'kwemida' koko eli gama selisetyenziswe ngokugqithileyo. (Saphuma

UViola. Le nkewu iphaphe ngokwaneleyo ukuba ibe nakho ukuzenza isihiba ;

Ke ukukwenza oko ngempumelelo kufuna uhlobo oluthile lwengqondo : 50

Kufuneka ibaqwalasele imo abakuyo abo enza intlekisa ngabo,

Uhlobo lwabantu, nexesha,

Kwaye, njengokhozi, isukele naliphi na ixhoba

Elithe tshe phambi kwayo. Le yinkqubo

Enomsebenzi njengobugqi bendoda elumkileyo :

Kuba ubuhiba ebubonisa ngobulumko bufanelekile ;

Kodwa zithi izilumko zakuthetha ubuhiba zonakalise igama lazo lobulumko.

Kungena uMhlekezazi uToby noMhlekezazi uAndrew.

UMhlekezazi uToby. UThixo makakusindise, nenendini.

UViola. Nawe, mhlekazi.

UMhlekezazi uAndrew. UThixo makakusindise, mhlekazi. 60

UViola. Nawe ngokunjalo ; mna sicaka sakho.

UMhlekezazi uAndrew. Ndiyathemba, mhlekazi, ukuba usiso; ndibe ndisesakho.

UMhlekezazi uToby. Ungangena endlwini ; umtshana wam unqwenela ukuba ungene xa umcimbi oze ngawo uphathelele kuye.

UViola. Ndize kumtshana wakho, mhlekazi ; nd theth' ukuthi usisiphelo sohambelo lwam.

UMhlekezazi uToby. Yilinge imilenze yakho, mhlekazi ; yishukumise.

UViola. Imi'enze yam indiqonda kakuhle, mhlekazi, kunko ndikuqonda njalo wena xa undiyalela ukuba ndingcamle imilenze yam.

UMhlekezazi uToby. Ndithetha ukuya, mhlekazi, ukungena. 70

UViola. Ukuhlangabeza umyalelo wakho ndiya kuya, ndingene. Kodwa sesandulelwe.

Kungena uOlivia noMaria.

Wena nkosazana ichubeke ngokungenambaliso, amazulu anisa imvula yamavumba phezu kwakho !

UMhlelezi uAndrew. Laa mfana libusa elingaqhelekanga : Anisa imvula yamavumba ; kambe ke.

UOlivia. Umcimbi wam awunalizwi, nkosazana, kwindlebe yakho eqonda kangako, nethobele ukuphulaphula.

UMhlelezi uAndrew. 'Amavumba ' 'eqonda ' 'nethobele ukuphulaphula.' Ndiya kuzifunda ezi ntetho ndize ndiziphalaze ngomzuzu wokuqala endiwufumanayo. 80

UOlivia. Isango lomyezo malivalwe, ndishiywe ndedwa ndiziphulaphulela.

(Kwaphunywa ngaBahlelezi uToby noAndrew, noMaria.)

Ndinike isa ndla sakho, mhlelezi.

UOlivia. Kuyimfanelo yam, nkosazana, nenkonzo yam yentobeko.

UOlivia. Ngubani igama lakho ?

UOlivia. NguCesario igama lesicaka sakho, tshawekazi lihle.

UOlivia. Sicaka sam, mhlelezi ! alizange libe lilizwe lolonwabo

Okoko ukuzithoba kokuzenzisa kwaba yinto yokunconywa : Usisicaka seTshawe uOrsino, mfana.

UOlivia. Yena ke usesakho, ngoko esakhe simelwe kukuba sesakho : 90

Isicaka sesicaka sakho sisicaka sakho, nkosazana.

UOlivia. Okukokwakhe, andicingi nto ngaye : okweengcamango zakhe, akwaba bezize kunokuba abe ezizalise ngam!

UOlivia. Nkosazana, ndize kulola iingcamango zakho ezinolulamo ndisenzela yena.

UOlivia. Awu, nceda mus' ukukwenza oko, Ndakuyalela ukuba ungabuye uphinde uthethe ngaye :

Kodwa, ukuba ube unaluncethezelo lulolunye,

Ndibe ndingakuphulaphula kanye uphethe olo

Kunale ngoma ivela kwindalo yonke.

UViola. Nkosazana ithandekayo,—

UOlivia. Khawundimele, ndiyakubongoza. Ndikhe nda-
thumela, 100

Emva konandiphiso lwakho lokugqibela apha,

Umsesane ukuba usukeliswe ngawo : ndazikhohlisa njalo,

Sicaka sam, ndaye ndinoloyiko lokuthi, nawe :

Mandihlale phantsi kokutolikeka okubi kwakho,

Ukukunyanzela ngawo, phantsi kobuqhophololo obulihlazo,

Obe usazi ukuba asinguwo wakho : ubunokucinga ntoni ?

Igama lam elihle kodwa akulibekanga esichengeni sengozi,

Ulovuyavuye ngeengcamango ezingenamida

Enokuthi intliziyo ethwel' ububi izicinge ? Konjengawe nje
ongqondo ikhawulezayo ukuqonda

Kwanele okubonisiweyo. Sisigqubuthelo esibonisa okungaphaya kwaso asisifuba esifihle intliziyo yam. Ngoko ke mandikhe ndikuve uthetha.

UViola. Ndikuvel' usizi.

UOlivia. Eso sisiganga esikhokelela eluthandweni.

UViola. Yinqaba, asilonyathelo ; kuba yinto eqhelekileyo ukuthi futhifuthi sizivel' usizi iintshaba.

UOlivia. Tyhini, ke, kubonakala kum kufanelekile ukuba ndincume kwakhona.

Awu, lizwendini, hay' ukufaneleka kwamahlwempu akuba nekratshi !

Xa umntu anokuba lixhoba, akulunge kanye ukuba awe

Phambi kwengonyama kunokuba enjenjalo engcukeni !

Yabetha ikloko.

Ikloko iyandingcikiva ngale nkcitha-xesha.

Mus' ukoyika tyendyanandini lilungileyo andiyi kukwamkela :

120

Ukanti xa ubukhali bengqondo nobutyendye bulungele ukuvunwa,

Umfazi unokuthi avune indoda eyinzwana :

Indlela yakho ingapha, ngqo entshona.

U Viola. Entshona ke ! ngamana isithozela nenkangeleko entle zinganawe nkosazana !

Akukho nto, nkosazana, ongandiphathisa yona ukusa enkosini yam ?

U Olivia. Khawenze kuhle :

Ndiyakubongoza, khawundiphe okucingayo ngam.

U Viola. Ukuba ucing' ukuba akuyiyo into oyiyoyi.

U Olivia. Ukuba ucinga njalo, nam ndicing' oko ngawe. 130

U Viola. Ungaba utsho khona : andiyiyo into endiyiyo.

Ndinqwenela ukuba ibinjalo, kuba ngoku ndisisihiba sakho.

U Viola Ibingalungayo nkosazana, kunento endiyiyo.

U Olivia. Ndinqwenela ukuba ube ubuyiloo nto bendingatanda uyiyoyi !

U Olivia. Awu, athi ke ukuba lukhulu kozindlo olubonakala luphuma kwimilebe yakhe, ukanti athi ukuba mihle kwayo !

Ubutyala bobugebenga abuzibonakalisi kamsinyane

Ngolo hlobo uthando lungathanda lufihlakele ngalo : uthando alunakho ukuzifihla kanye ngaloo ndlela imin' emaqanda ingenakho ngayo.

Cesario, ngeentyatyambo ezizinukamnandi zentwasahlobo, Ngobugqiyazana, uzuko, inyaniso, nayo nayiphi na into, 140 Ndikuthanda kangako, kangangokuba silibeka nxamnye lonke ikratshi lakho,

Akubuchule akungqondo inakho ukubufihla ubushushu bam, Mus' ukuziphanda iingqondo zakho kwesi sigqibo,

Kuba ndithe ndazithethelela kuwe, wena ke, akunasizathu ;

Kodwa camanga wenjenje nengcamango esemakhamandeleni,

Uthando olufunwayo lulungile, kodwa lwakunikelwa lungafunwa lulunge nangaphezulu.

U Viola. Ndifunga ngokunyaniseka, nangobutyendye bam,

Ndinentliziyo enye, nesifuba esinye, nenyano enye,

Ekungekho mfazi ndikhe ndazinikela kuye, engasayi kuze abekho,

Oya kuze athandane nayo, ngaphandle kwam.

150

Ngoko ke sala kakuhle, nkosazana ilungileyo : ndingasayi kuze

Ndize kuvakalisa ngosizi iinyembezi zenkosi yam.

UOlivia. Kambe uze ubuye ufike, kuba mhlawumbi ungayishukumisa

Loo ntliziyo, okwangoku ikuthiyileyo, ukulwamkela uthando lwayo. **Baphuma.**

UMBONISO II. Igumbi endlwini kaOlivia.

Kungena uMhlekezazi uToby, uMhlekezazi uAndrew noFabian.

UMhlekezazi uAndrew. Cha, kholelwa, andiyi kuba sahlala nakancinane.

UMhlekezazi uToby. Siphc isizathu sakho, buhlungu buthandekayo, nika isizathu onaso.

UFabian. Kuyimfanelo ukuba unike isizathu onaso, Mhlekezazi Andrew.

UMhlekezazi uAndrew. Qiniseka, ndimbonile umtshana wakho esenzelelela isicaka setshawe kunoko wandenzelelela ngako ndikubone oku ebhomeni.

UMhlekezazi uToby. Angaba ebekubona ngelo xesha mfo wakuthi ? ndixelele oko.

UMhlekezazi uAndrew. Kakuhle nje njengokuba undibona nje ngoku.

UFabian. Lo ibingumqondiso omkhulu wendlela akuthanda ngayo.

UMhlekezazi uAndrew. Nothixo lo, niza kuphoxisa ngam ? 10

UFabian. Ndiza kukubonisa, mhlekazi, ukuba kusemxholweni, phantsi kwezifungo zokugweba nophonongo.

UMhlekezazi uToby. Kwaye baba ngamalungu alungileyo e-juri kwangaphambi konogumbe.

UFabian. Ubonise uthando kulo mfana phambi kwakho kuphela ngokufun' ukukucaphukisa, ukuvusa ukhalipho lwakho olusebuthongweni, ukuphamba umlilo entliziyweni yakho, ukukukhwezelela. Ibilithuba ke elo lokuba utshi-

se ; uze ngoburara obukhulu, ubengezela ngokungathi usandul' ukwenziwa, ube ufanel' ukuyithi swahla nge-mpama loo mvekwana ibe sisimumu. Kube kufunwa loo nto kuwe, waliyeka elo thuba lemka : wakuba ulinikiwe ithuba waliyeka lemka ngokuziziliza, ngoku uzibeke esichengeni sokungasiwa so yinkosazana yam ; apho uya kulengalenga ngokwethontsi lomkhenkce elijinga kwintshebe yeBhulu, ngaphandle kokuba uzihlangule ngesiganeko esincomekayo sokhalipho nokuba sesobuqili. 25

UMhlekezazi uAndrew. Ukuba kukho ndlela yokukwenza oko, iya kuba yeyokhalipho ; kuba ubuqili ndibuthiyile : bendingathanda kanye ukuba ngoweqela likaBrown kunokuba ngumenzi wobuqili.

UmMhlekezazi uToby. Yini le, ndifihla into endiyiyo ke kwiindyebo zakho phezu kwesi siseko sokhalipho. Ndibizel' umngeni kulaa mvekwana yetshawe ndilwe nayo ; ndiyilimaze kwiindawo ezilishumi elinanye : umtshana wam uya kukuphawula oku ; ube ngoqinisekileyo ke ukuba akukho mncethezeli kwimicimbi yothando kulo lonke ihlabathi onokosamela ekubukweni kwendoda libhinqa ngaphezu kokhalipho. 33

UFabian. Akukho ndlela yimbi ngaphandle kwale, Mhlekezazi Andrew.

UAndrew. Ngubani kuni ongathumela umngeni wam kuyo ?

UMhlekezazi uToby. Hamba uwubhale ngokwesoldati ; ukrazule kodwa ungantyuntyi ; ubuciko abufuneki nganto nokuba akucikozanga, ukuba uyavakala uzele bubuxoki : yinxwale ngobuchule beinki : ukuba umbiza ngokuthi wena bani wena kathathu, akuyi kuba kuphosakele ; ufake ke nobuxoki obungangokuba iphepha linokubuginya nokuba iphepha elo beliselikhulu ngokwebhedi yaseWare* e-Ingilani, zibhale : hamba uye kwenjenjalo. Uzutsho

*IWare yayiyidolophu eyayinehotele eIngilani. Kwakukho kuyo ibhedi eenyawo zilishumi elinanye kuwo amacala ayo, into ke le eyabe ingazimangalisi kancinci iindwendwe.

ngobukrakra obulumezayo kwinto oyibhalayo, ngokokude
ube ngathi ububhala ngosiba lweranisi, akukho nto : yiya
kuyo. 43

UMhlelezi uAndrew. Ndonifumanaphi ?

UMhlelezi uToby. Siya kuza kuwe kumzi wengqesho :
hamba. (Waphuma uMhlelezi uAndrew.

UFabian. Libakwana elinendleko eli kuwe, Mhlelezi Toby.

UMhlelezi uToby. Ndim obe ziindleko kuye, mfo wam,
imali ekumawaka amabini, kwezo zithuba.

UFabian. Sokha sifumane ileta esisimanga kuye : kodwa
akuyi kuyidlulisa ? 50

UMhlelezi uToby. Uzungaze undithembe ke ; zama ke nga-
zo zonk' iindlela ukuba imvekwana leyo iphendule. Ndi-
cing' ukuba iinkabi zeenkomo neentambo zekari azinaku-
batsala zibadibanise. OkukaAndrew ukuba ubenokuqa-
ngqululwa ufumane igazi elininzi kwisibindi sakhe elinga-
tsho livale intunja kwinqina lentakumba, ndiya kuyitya
intsalela yomzimba.

UFabian. Ke lona utshaba lwakhe, imvekwana leya, alubo-
nakalisi ebusweni balo iimpawu zenkohlakalo. 70

Kungena uMaria.

UMhlelezi uToby. Jonga xa oyena ntondo kweli thoba lee-
ncede azayo.

UMaria. Ukuba ninqwanela into eya kunihlekisa nibe nofa,
naye niya kuhleka nizibulale, ndilandeleni. Esiya situnxa
uMalvolio sisuke sangumhedeni umnxaxhi ; kuba akukho
mKristu, ozimisele ukusindiswa ngokukholelwa ngokufa-
nelekileyo, unakho ukuze akholelwe kwizenzo zobuyatha
ezinjeya. Ufake iikawusi zakhe ezimthubi.

UMhlelezi uToby. Neegathazi ezithandelweyo ?

UMaria. Butshivela baphi ; njengetitshala eqhuba isikolo
kwindlu yecawa. Ndibek' ekhondweni kuye ngokwesige-
benga sakhe. Uyenza yonke into ekulaa leta ndayiwisayo
ndimkhohlisa : uncuma abutweze ubuso bakhe butsho

ngamanya angaphezulu nakule maphu intsha, kongezwe ngeIndisi. Aniyiboni into njengokuba injalo ; kunzima kum ukuba ndingamgibiseli ngento. Ndiyazi ukuba inkosazana yam iya kumbetha : xa ithe yakwenza oko, uya kuncuma, acing' ukuba wenziwa inceke.

UMhlekezazi uToby. Hamba, siye, siye kuloo ndawo akuyo. 90
(Baphuma.

UMBONISO III. Isitrato.

Kungena uSebastian noAntonio.

USebastian. Bendingethandi, ngokweyam intando, ukukhathaza ; kodwa njengoko ufumana imihlali koko kuyintlungu yakho, andiyikuba sakuthothisa.

UAntonio. Bendingenakusala ngasemva kuwe ; umnqweno wam

Obukhali ngaphezu kwentsimbi ebaziweyo, undidudulele apha ; Ibingelulo thando lodwa olundidudulele apha ukuza kubona wena,—

Noxa nalo lube lukhulu ngohlobo lokuba lolule uhambo lwam, Kodwa amathandabuzo ento engehlayo kuhambo lwakho, Njengoko ungazi nto ngezi ndawo ; ezingathi kowasemzini, Ongakhokelwe bani, engenamhlobo zizibonakalise amaxesha amaninzi 10

Zikrwada ziswel' ubuntu : uthando lwam olungaqhoboshekanga,

Luthe ngokungaphezulu ngenxa yezi zizathu zoloyiko, Lwabekeka emva kwakho.

USebastian. Antonio wam uyindlezana,

Akukho mpendulo iyenye ndingathi ndiyenze ngaphandle kokuthi, ' nangamso '

Nangamso, kude kusephi nangamso.' Amaxesha amaninzi izenzo zobuntu

Zithi zishenxiselwe phaya ngondiyabulela, imali ke leyo ongenakuthenga ngayo

Kodwa ukuba ubuni bam bebomelele njengesazela sokuyi-
mfanelo yam,

Ubuya kuzuzana unaniselwano olubhetele. Kuza kuthiwani ?

Singaya kubona izithombe zale dolophu ?

UAntonio. Ngomso, mhlekazi : kuhle ukuba uye kubona
kuqala indawo oza kuhlala kuyo. 20

USebastian. Andidinwanga, kuselithuba phambi kokuba
kuhlwe :

Ndiyakubongoza, masaneze amehlo ethu

Ngezithombe zezikhumbuzo nezinto zodumo

Ezenze ukuba esi sixeko sidume.

UAntonio. Ubungendixoleli ke ;

Andihambi nje kwezi zitalato ngaphandle kokubeka ubomi
bam esichengeni sengozi :

Okunye, kwidabi elaliselwandle, sisilwa namaphenyane e-
tshawe

Ndayenza into ; ndisenza izinto zamehlo ngenene,

Kangangokuba ndingathi ndikhe ndathinjwa apha andingebi
nakho ukuhlangabeza umonakalo.

USabastian. Mhlawumbi wabulala inkitha kubantu balo.

UAntonio. Umonakalo asinguwo owophalazo-gazi kangako ;
30

Kodwa ke iimeko nengxabano zazikwimo yokuba ziphelele
ekophisaneni.

Kunokwenzeka ukuba ukuthabathela oko ube sewahlawulwa
ngokubuyisela

Oko sasikuthimbe kubo, eyathi ngenxa yorwebo,

Inkoliso yesixeko sethu yakwenza : ndim kuphela owatenxa-
yo ;

Endingathi ndikhe ndabhaqwa kule ndawo,

Ndiyazi into ebendiqale ngayo.

USebastian. Mus' ukuhamba ke elubala.

UAntonio. Akundilungele. Bamba, mhlekazi, nasi isipaji
sam.

Kwiinyele zedolophu ezisesude, kwihotele eyiNdlovu,
Kulunge kanye ukuba ulale apho : ndiya kwenza amalungise-
lelo ngokutya kwethu, 40

Lo gama wena usachitha kamnandi ixesha usandisa ulwazi
lwakho

Ngokubuka idolophu le : wondifumana apho ke.

USebastian. Kungani ukuba isipaji sakho sinikwe mna ?

UAntonio. Mhlawumbi iliso lakho lingathi lalame buviliki-
tshane

Onokuthi uthande ukubuthenga ; ke imali leyo ikuwe,
Ndicing' ukuthi, asiyiyo yokuhlala nje ingenzi nto, mhlekazi.

USebastian. Ndoxa ngumthwali-sikhwama sakho ke, ndikhe
ndithi tshalala okwesithuba seyure.

UAntonio. Ndisaya kwiNdlovu.

USebastian. Ndiyakhumbula.

Baphuma

UMBONISO IV. Kumyezo kaOlivia.

Kungena uOlivia noMaria.

UOlivia. Ndithumele ukuba abizwe : uthi uza kuza ;
Ndiya kumtyisa ntoni ? Sisipho sini endingamnika sona ?
Kuba amaxesha amaninzi iimvekwana ziyathengwa kunoku-
bongozwa mhlawumbi zibolekwe.

Ndiyaphakamisa ukuthetha.

Uphi uMalvolio ? usezingqondweni akanxilanga enesimilo,
Ubufanele ubucaka kwezi nyhweba ndikuzo :

Uphi uMalvolio ?

UMaria. Uyeza, nkosazama ; kodwa ngohlobo olungaqhe-
lekanga.

Qiniseka uphethwe, nkosazana.

UOlivia. Ngokuba, konakele ntoni ? uyapoqa ? 10

UMaria. Hayi, nkosazana, akukho nto ayenzayo, ngapha-
ndle kokuncuma : Bekungakuhle, nkosazana, kukho oku-
khuseleyo, ukuba uyeza ; kuba qiniseka umfo lo
aziqhwabanga kuye.

UOlivia. Hamba umbize eze apha. (**Waphuma uMaria**).

Ndikwabhanxeke njengaye,

Ukuba uphambano losizi novuyo luntw' inye.

Kungena kwakhona uMaria noMalvolio.

Yintoni ngoku, Malvolio !

UMalvolio. Nkosazana inencasa, shehe.

UOlivia. Wancuma ?

Ndithumele ukuba ubizwe ngomcimbi olusizi.

UMalvolio. Lusizi, nkosazana ! Bendingaba lusizi ; oku kuyalithintela igazi, oku kuthandelwa kweegathazi ; kodwa kunani nani oku ? xa kulikholisa iliso lomnt' othile, ndifana kanye neso sibongo sinyanise ngeyona ndlela,

“ Kholisa abe mnye, ukholise bonke, ”

UOlivia. Yini le, uya kuthini ukwenjenjalo, mfo ? konakele ntoni kuwe ?

UMalvolio. Andilusizi engqondweni, naxa ndimthubi nje ezintungweni. Ifikile ezandleni zakhe, ke imigqaliselo iya kuphunyezwa :

Ndicing' ukuthi siyasazi isandla esihle samaRoma.

UOlivia. Akuyi kuhamba uye kulala Malvolio ?

UMalvolio. Ndiye kulala ! ewe, sithandwa.

UOlivia. UThixo akonwabise ! Kungani ukuba uncume olu hlobo, usiphuzaphuze isandla sakho kangaka ?

UMaria. Uqhuba njani, Malvolio ?

UMalvolio. Ndingaphendula umbuzo ovela konjengawe nje! ewe, iinathingeli ziyabaphendula onomyayi.

UMaria. Kungani ukuba ubonakale unobu bugagu buyintlekisa phambi kwenkosazana yam ?

UMalvolio. ' Mus' ukuboyika ubukhulu ' : oko kwakubhalelwe kakuhle. 37

UOlivia. Utheth' ukuthini xa utshoyo, Malvolio ?

UMalvolio. ' Abanye bazalwa bephakamile, '—

UOlivia. Ndahleka.

UMalvolio. ' Abanye bayizuza impakamo ngemigudu, '—

UOlivia. Uthi kutheni na ?

UMalvolio. ‘ Baze abanye bazifumane bethiwe wambu ngayo impakamo.’

UOlivia. Amazulu makabe nawe !

UMalvolio. Khumbula ukuba ngubani na owancoma iikawusi zakho ezimthubi,

UOlivia. Iikawusi zakho ezimthubi !

UMalvolio. ‘ Waza wanqwenela ukukubona ukwiigathazi ezithandelweyo.’

UOlivia. Iigathazi ezithandelweyo !

UMalvolio. ‘ Yiza ke, wenziwe, ukuba unqwenela oko ’ ;—

UOlivia. Ndenziwe ?

UMalvolio. Ukuba akunjalo, mandikubone ke usesisicaka njalo.’

UOlivia. Tyhini, luphambano lwesazulu sehlobo olu.

Kungena isicaka.

Isicaka. Nkosazana, igatyana lenene leTshawe uOrsino libuyile : kube nzima ukulibuyis’ umva : linqwenela ubukho benkosazana.

UOlivia. Ndiyeza kulo. (**Saphuma isicaka**) Lungandini Maria, le nkewu mayiphosw’ iso. Sipi isizalwane sam uToby ? Makubekho iqela kwimpi yam eliya kuyilondo-loza ngendlela eyodwa : Andingeze ndathanda ukuba yenzakale nangesiqingatha sekhazi lam. 59

(Baphuma uOlivia noMaria.

UMalvolio. Wena ke ! uyandiqonda ngoku endinguye noku-ba ndiyintoni na ? Andimbi ngaphezu koMhlekezazi uToby ukuba andingejongeki ! Oku kungqinelana kanye noko kuseleteni : imthuma ngabom, ukuze ndibonakale ndilukhuni kuye ; kuba indityhalela kuloo nto iseleteni. ‘ Phosa phaya loo mobuzo wakho wobulali,’ itsho ; ‘ yiba ngongavumelaniyo nezizalwane, ube muncu kwizicaka ; ulwimi malube soloko lukhenkceza izinto zasembusweni ; zenze ozele yimimoya ; ’ ithi ke emva koko ibonakalise indlela

engenzeka ngayo ; ngale ndlela, ubuso obulusizi, ukuwuthwala umzimba ngendlela enendili, ulwimi oluzekelelayo, ngohlobo kanye lomnumzana othile wodumo, njalo ke. Ndiyibambisile ; kodwa kukwenza kukaJove, ke uJove undizalise ngombulelo ! Ke kaloku ekundulukeni kwayo ngoku, ' Le nkewu mayiphosw' iso : ' nkewu ! ayisengo-Malvolio, nasiganga ndikuso, koko inkewu. Tyhini, zasuka zonk' izinto zasebenza ngokuthe gingci, ngohlobo lokuba kungabikho nesuntswana lentandabuzo, akukho mathandabuzo amathandabuzo, sithintelo, meko ithandabuzekayo nengaqinisekanga—Yintoni eyiyenye engathethwayo ? Akukho nto enokubakho enokuthi khatha phakathi kwam nokuzaliseka kwamathemba am. Kambe ke, nguJove asindim, umenzi woku, ke uJove undenze ndanombulelo. 77

Kungena kwakhona uMaria noMhlekezazi uToby noFsbian.

UMhlekezazi uToby. Ukuliphi icala, egameni lobungewele ? Ukuba bonke odwebile besihogo bebesangene kancinane, noSihlwele ngokwakhe angade amenze abe nentwaso, kanti noko ndiya kuthetha naye. 80

UFabian. Nguye lo, nguye lo ngapha. Unjani, mhlekazi ? unjani, mfondini ?

UMalvolio. Shenxa ; ndinityhalela phaya : khanindishenxele ndive ubumnandi bokuba ndedwa : shenxa.

UMar. Khawubone, ukungabi nto kwale demoni. Bendingatshongo yini kuni ? Mhlekezazi Toby, inkosazana yam iyakubongoza ukuba ube neliso kuye.

UMal. Yo, ndahleka ! itsho njalo ?

UMhlekezazi uTo. Hamba, suka ; inzolo, inzwi ; masimphathe ngobunono : makangakhathazwa. Unjani, Malvolio ? Kunjani kuwe ? Tyhini, mfondini ! mnyantsulele udwebile : qonda kakuhle, ulutshaba loluntu. 42

UMal. Uyiqonda kakuhle into oyithethayo ?

UMar. Jonga xa uthetha kakubi ngodwebile, uyakhathaze-

ka ! Ngamana Thixo, akangethi kanti uphethwe ! Inkosazana yam ayingethandi ukuphulukana naye nokuba seyiyintoni na endinokuyixela.

UMal. Njani ngoku, nkosazana !

UMar. Awu, Nkosi !

UMhlekezazi uTob. Ndiyanibongoza, yithini tu ; asiyondlela le : anibon' ukuba niyamkhathaza ? Myekeleni kum. 100

UFabian. Akukho ndlela yimbi ingebubo ubulali, ngobulali ngobulali : udwebile ukrwada, waye engayi kuvuma ukuba aphathwe rabaxa.

UMhlekezazi uToby. Kutheni, yintoni ngoku, nzwanandini yam ! uqhuba njani, nci ?

UMal. Mhlekezazi !

UMhlekezazi uToby. Ewe, Bidy, masihambe. Intoni, mfo ! akwenzelwa ndili ukudlala ngecepte zothongothi noSathana : mxhome, ntshembenxandini yomtyholi !

UMar. Yitsho enze isikhungo sakhe, lungandini Mhlekezazi Toby, menze athandaze. 110

UMal. Isikhungo sam, ntwazanandini isileyo !

UMar. Cha, ndiyaniqinisekisa, akafuni kuva nento le ngezasebuthixweni.

UMal. Hambani, niye kuzixhoma nonke ! ningamanqenera namakhamte ezinto : Andinguye owodidi lwenu : nobuya nive ngaphezulu emva koku. **Waphuma.**

UMhlekezazi uToby. Kungenzeka oku ?

UFabian. Ukuba oku bekunokuboniswa njengomdlalo eqongeni ngoku, bendiya kukunyemba njengento eqwetyiweyo engenakwenzeka.

UMhlekezazi uToby. Nkqu ngelosi le yakhe imalusileyo isulelekile leli qhinga, mfondini.

UMar. Cha, msukeleni ngoku, hleze iqhinga eli lide laziwe, lonakale ke. 121

UFab. Tyhini, siya kumphambanisa ngenene.

UMar. Kuya kukhe kubekho ukuzola okuthile apha endlwini.

UMhlelezi uToby. Yizani, siye naye kwindlu emnyama, ebotshelelwe. Umtshana wam selekholelwa kwinto yokuba uphambene: singayiqhuba olu hlobo, ukuzonwabisa nesohlwayo sakhe sesono, de lo mdlalo wethu ngokwawo, udinwe ukhefuze, usidudulele ekubeni sibe nenceba ngakuye: ekothi ke ngelo xesha, silivelise eli cebo ekuhleni sikuthwese isitsaba ngokuvelisa amaphambana. Kodwa jong'apha, kodwa jong'apha.

Kungena uMhlelezi uAndrew.

UFabian. Nants' intw' entsha yale ntsasa kaMeyi. 130

UMhlelezi uAndrew. Nang' umngeni, wufunde: ndiyakuqinisekisa kukho iviniga nepepile kuwo.

UFabian. Ungaba ubukhali olo hlobo?

UMhlelezi uAndrew. Ewe, unjalo, ndiyamqinisekisa: kha-wufunde nje.

UMhlelezi uToby. Ethe apha. (Afunde) 'Mfana, nokuba sewuyintoni na, uyintyewana enomtshetsha.'

UFabian. Ulungile, ekhaliphile.

UMhlelezi uToby. (Afunde) 'Ungamangaliswa, ungancomi kanjalo ngengqondo, ukuba kungasizathu sini na ukuba ndikubize olu hlobo, kuba andisayi kukunika sizathu sokuva ndenjenjalo.'

UFabian. Yileta entle, ekukhululayo kwigalelo lomthetho.

UMhlelezi uToby. (Afunde) "Wena uza kwiNkosazana u-Olivia; ize yona phambi kwamehlo am ikuphathe: kodwa uyaxoka kuloo mqala wakho; umngeni andiwuceleli loo nto." 140

UFabian. Washunqula, watsho ngento evakala kamnandi kushiyekele.

UMhlelezi uToby. (Afunde) "Ndiya kukulalela xa ugodukayo; ekothi ke ukuba lithuba lakho ukuba undibulale,"

UFabian. Kamnandi.

UMhleleazi uToby. (Afunde) “Undibulala ngokwendlavini netshijolo.” 150

UFabian. Usathe chu ngakwicala elivela umoya ngokwase-mthethweni : kusekuhle.

UMhleleazi uToby. (Afunde) ‘Sala kakuhle ; ngamana u-Thixo anganenceba komnye wemiphfumlo yethu ! Anganenceba kowam ; kodwa ndinethemba elikhulu ngoko ke zibonele. Umhlobo wakho, njengoko umsebenzisa, notshaba lwakho olufungisiweyo, uAndrew Aguecheck.’ Ukuba le leta ayimchukumisi, imilenze yakhe ayinakho ; ndiya kuyinikela kuye. 157

UMar. Unganethuba elihle lako oko : ngoku usenencoko nenkosazana yam, waye cya kunduluka emzuzwini.

UMhleleazi uToby. Hamba, Mhleleazi Andrew ; ndalusele yena ekoneni yomyezo ngokukanothimba : kangakonje ukuba umbone, uroxé ; uze ekuroxeni kwakho ; uthukise ngezoyikekayo ; kuba kudla ngokuthi isifungo esoyikekayo esinendawo yedliselo ethi iphume kabukhali emilebeni, ubunikele ubudoda imfaneleko engaphezulu kunokuba nasiphi na isiqinisekiso besinokumfumanela. Hamba ke !

UMhleleazi uAndrew. Hayi, khawundiyeke ngezifungo.

(Waphuma)

UMhleleazi uToby. Ngoku ke mandingayinikezeli le leta : kuba isimo sale ndodana siyibonisa ukuba ngumfo onengqondo nokhuliswe kakuhle ; umsebenzi wayo phakathi kwenkosi yayo nomtshana wam awubonisi nto iyenye : ngoko ke le leta, ebubudenge obungathethekiyo, ayikubanga vuso kule mvekwana : iya kuqonda ukuba ivela kwisixinani. Kodwa ke, mhleleazi, ndiya kuwunikezela lo mngeni ngomlomo ; ndibeke kuAguecheck ingxelo encomekayo yokhalipho ; ndilidudule eli nene, njengoko ndaziyo ukuba le mvekwana yakhe iya kuyamkela ngemfaneleko, kulivo eliyimbozisa ngokukodwa ngomsindo wakho, nobugcisa, noburalarume, nobungxamo. Oku kuya kuboyi-

kisa bobabini ngendlela yokuba babulalane ngokujongana ngokweengwenya. 178

Kungena kwakhona uOlivia noViola.

UFabian. Nantsi isiza nomtshana wakho : bavulele indlela ade emke, umlandele kwangoko. 180

UMhlekezazi uToby. Ndiza kukhe ndicinge okomzuzwana udaba olumasikizi lokucela umngeni.

(Baphuma uMhlekezazi uToby, noFabian noMaria.

UOlivia. Ndiziphalaz' iimbilini kwintliziyo eyenziwe ngelitye,

Ndasaneka isidima sam ngendlela engafihlisiyo :

Kukho nto ikhoyo kum ibukhalimelayo ubutyala bam ;

Kodwa bubutyala obuqin' intloko nobunamandla ngohlobo lokuba

Busuka bukwenz' into yentlekisa ukukhalinyelwa.

UVio. Kanye ngaloo ndlela imbilini yakho ikhathazeka ngayo

Lunjalo usizi lwenkosi yam.

UOlivia. Jong' apha, nxiba esi sivatho sexabiso, singumfanekiso wam. 190

Mus' ukusala ; asinalulwimi lwakukuqumbisa ;

Ke ndiyakubongoza yiza kwakhona ngomso.

Kuba iyintoni ongayicelayo kum ndize mna ndikulandulele ? Ekungathi ngokusindisa uzuko, uthi ngokucela uyifumane.

UVio. Ayikho ngaphandle kwale ; uthando lwakho olungazenzisiyo enkosini yam.

UOlivia. Ndingathini ukuthi ngaso isidima sam ndinikele kuye oko sendikunike wena ?

UVio. Ndiya kukukhulula.

UOlivia. Kambe ke, yiza kwakhona ngomso : hamba kakuhle :

Idemoni enje ngawe nje ingawukhokelela esihogweni umphefumlo wam. **(Waphuma**

Kungena uMhlekezazi uToby noFabian.

UMhleleazi uToby. Manene, ngamana uThixo anganisindisa.
UVio. Nawe, mhlekazi. 200

UMhleleazi uToby. Eso sikhuselo unaso, sithabathe ngoku : ukuba ziluhlobo luni na izinto omone ngazo, andingezazi ; kodwa ke umthinteli wakho, ethiwe lwale yinzondo, enxanel' igazi ngokomzingeli, ukulalele enyeleni phaya yebhoma eli : likhuphe ikrele lakho : kukhawulezise okwenzayo ; kuba umhlaseli wakho, wenz' iinto zamatshe, enobuchule, waye elahl' ugodu.

UViola. Uyaphazama, nkosi ; andixabene namntu mna : iinkumbulo zam zimsulwa nakusiphi na isenzo sokukhathaza umntu.

UMhleleazi uToby. Uya kuzifumana izinto zimi ngeny' indlela, ndiyakuqinisekisa : ngoko ke, ukuba ubuxabisile ubomi bakho, hlal' uzilumkele ; kuba ochasene nawe usenaloo nto ubugatyana, namandla, nobuchule nengqumbo zinkuthi zimxhobise ngayo umntu. 213

UViola. Ndiyakubongoza, mhlekazi, uyintoni ?

UMhleleazi uToby. Akalilo gora lasempini, engelilo gora linabunganga, lizifumanel' igama edabini, koko lolo hlobo luguqiswa kwikapeti, nolwezisusa, mhlawumbi ngamaxesha oxolo, ezithi iintshatsheli zifunyaniswe iimbeko zazo ziguqile kungekuko emhlabeni, njengasemfazweni, koko phezu kwekapeti ; kodwa ngusathana lo kuxhwithwano lwangasese : selahlukanise imiphfumlo yamithathu kwimizimba yayo ; ke ubushushu akubo ngalo mzuzu bobungaxolisekiyo, ngohlobo lokuba bunokuthonyalaliswa kuphela zii-newina zokufa nengwaba. Makuhl' okuhlayo, itsho intetho yakhe ; yosela okanye woselwe.

UViola. Ndiya kubuyela kwasendlwini, ndicele ukuba ndikhatshwe yinkosazana. Andinguye umlwi. Ndikhe ndive ngabantu abathile abathandayo ukuxhokonxa abanye ngabom, bebavavanya ubukhalipha babo : kusenokwenzeka ukuba lo mntu ngowolo hlobo.

UMhlekezazi uToby. Mhlekezazi, akunjalo ; ingqumbo yakhe indululwa sisizathu esiphathekayo esenzakalisayo : ngoko ke zilungiselele ukumaneza kumnqweno wakhe. Kona ukubuyela endlwini akunakwenzeka, ngaphandle kokuba ube ukwenza nam oko, ongathi ke ngaphandle kwengozi, umphendule : ngoko ke qhubela phambili, kungenjalo ulihlube ikrele libe ze ; kuba ukufanel' ukubonisa inxaxheba kulo mcimbi, oko kuphandle, okanye ukuncame ukugaxela izixhobo zentsimbi. 231

UViola. Ubukrwada besi senzo bufana nokungaqheleki kwaso. Ndiyabongoza, ndenzele obu bulungisa bokuba ndive kulo itshawe eli ukuba ndifa ngantoni na : ingaba lutyesho lwam kwebendifanelwe kukukwenza, ingeyiyo into ephathelele kwinjongo yam.

UMhlekezazi uToby. Ndiya kukwenza oko. Mhlekezazi Fabian, hlala ngakulo mfo ndide ndibuye. (Waphuma.

UViola. Nceda, nkosi, ungaba unalwazi unalo ngalo mcimbi ?

UFabian. Ndiyazi ukuba itshawe likuqumbele kanye, ngohlobo lokuba kungade kufe ofayo phakathi kwenu, ngaphaya koko andazi nto.

UViola. Ndiyakubongoza, lingumntu oluhlobo luni ? 241

UFabian. Akukho nto ibhekephi njengalo mnqophiso umngalisayo, xa umthabatha ngokwembonakalo yakhe, ngenoko unokuthi umfumane enjalo xa abonakalisa ubukhalipha bakhe. Ngenene, mhlekazi, unobuchule obungathekiyo, utshaba oluphalaza igazi nolwanezwa kukubulala onokuthi ulufumane naphi na apha elliriya. Akuzi kumhlangabeza ? Ndiya kukucelela uxolo kuye ukuba ndinakho.

UViola. Ndiya kubopheleleka kuwe ngakoko : ndingulowo ukhetha kanye ukuhamba nomhlekezazi umfundisi kunomhlekezazi igora : andikhathali nokuba ngubani na onolwazi ngokhalipho lwam. (Baphuma. 250

Kungena kwakhona uMhlekezazi uToby, noMhlekezazi uAndrew.

UMhleleazi uToby. Tyhini, ndoda, yinkqu kasathana lo ; andikazange ndimbone umntu onje ukuba nenkangeleko yomfazi namandla endoda. Sikhe sacweya sobabini, ngekrele, isingxobo nako konke, watsho ngegalelo elinamandla lokulahl' okweneni, ngohlobo lokuba kucace ukuba lonke igalelo lilandelwa sisithonga segalelo, ukubuyekeza ngokuqinisekileyo kanye ngaloo ndlela iinyawo zakho zinyathela umhlaba ezihamba kuwo. Bathi ubekh' acweye neShah yamaPeresi.

UMhleleazi uAndrew. Isibetho masibe phezu kwakhe, andiyi kulwa naye.

UMhleleazi uToby. Ewe, kodwa akusekho nto inokumzolisa ngoku : kunzima nokuba uFabian amgcine phaya. 259

UMhleleazi uAndrew. Isibetho masibe phezu kwakhe, ukuba bendazile ukuba ukhaliphile waye enobuchule obungaka ekulweni, ngendenze ukuba atshatyalaliswe ndingekaceli mngeni kuye. Makasel' ewuyeka lo mcimbi ungabi nto, ndaye ndiya kumpha ihashe lam, uKapileti ongwevu.

UMhleleazi uToby. Ndiya kuwuphalaza lo mcamango : yima apha, ume kakuhle, le nto iya kuphela kungadanga kutshabalale imiphefumlo.

(Bucala) Incene, ndiza kulikhwela elo hashe lakho, kwanjengokuba ndiphoxisa ngawe.

Kungena kwakhona uFabian noViola.

(KuFabian) Ndifumene ihashe lokucima lo mlilo. Ndizame ukumbonisa ukuba le ntyewana ngusathana lo.

UFabian. Naye unoloyiko olungengaphantsi ngaye : ukhefuza ambatshe umbala, ngokungathi uleqwa yibhere. 270

UMhleleazi uToby. (KuViola) Akukho ndlela mbini kule nto, mhleleazi : uza kulwa nawe ngenxa yesifungo asenzileyo : inene, bekulunge kanye ayicinge ngokutsha le nto yolu dushe, ke ngoku ufumana kungasekho ndlela yakuthetha ngaloo nto : ngoko ke zilungiselele ukulwa, ukumnceda

ukuba aphumeze isifungo sakhe ; uyaqononondisa ukuba akayi kukwenzakalisa.

UViola. (**Bucala**) Nceda Thixo undikhusele ! Intwana encinane inokundenza ndibazise indlela endikude ngayo eku-beni ndibe yindoda.

UFabian. Uze uhlehle wakuqond' ukuba unoburalarume.

UMhleleki uToby. Yiza, Mhleleki Andrew, akukho ndlela mbini ; eli nene ngenxa yegama lalo, lifun' ukukhe licweye nawe ; alinakho ngokwemithetho yomngeni ukuba sabuya mva : kodwa lindithembisile, njengenene nesoldati ukuba aliyi kukwenzakalisa. Yiza ; yitsh' usiya. 283

UMhleleki uAndrew. Nceda Thixo, lisigcine isifungo salo !

UViola. Ndiyakuqinisekisa, le nto ichasene noluvo lwam.

(**Bagagana.**

Kungena uAntonio.

UAntonio. Phakamisa ikrele lakho. Ukuba eli nene liligatya likonile, eso siphoso ndisithabathela kum ;

Ukuba nguwe olonileyo, mna ke endaweni yalo ndibiz' umngeni kuwe.

UMhleleki uToby. Wena, nkosindini ! yini le, xa uyintoni ?

UAntonio. Lowo, nkosi, unokuthi ngothando analo kulo enze nangaphezu kokuba umve eqhayisa kuwe ukuba uya kwenjenjalo.

UMhleleki uToby. Cha, ukuba uza kuba ngolwela lona, mandijongane nawe. (**Bagagana.**

Kungena iiNduna.

UFabian. Awu lungandini Mhleleki Toby, yenza kuhle ! nanku kusiza iiNduna.

UMhleleki uToby. Ndiya kuba nani kamsinyane.

UViola. Nceda, mhleleki, liphakamise ikrele lakho ukuba oko kukholekile kuwe.

UMhleleki uAndrew. Ngenene, ndiya kwenjenjalo, mhleleki ; kwaye bendikuthembisile oko, andiyi kuwa phantsi ke

kulo izwi lam : liya kukuthwala kakuhle laye liwuva kakuhle umkhala.

Induna yokuqala. Yiyo le le ndoda ; yenza umsebenzi wakho.

Induna yesibini. Antonio, ndiyakubamba ngomyalelo we-Tshawe uOrsino. 301

UAntonio. Uphazamela kum, mhlekazi.

Induna yokuqala. Hayi, nkosi, akukho nencinane ; ndibazi kakuhle ubuso bakho,

Naxa nje ngoku ungathwalanga mnqwazi waselwandle kuyo intloko yakho.

Mbambe, uyazi ukuba ndimazi kakuhle.

UAntonio. Mandithobele. **(KuViola)** Oku kuhla ngokufunwa kwakho :

Kodwa akukho kuthini ; ndiya kuphendula.

Uza kuthini, ngoku imeko endikuyo

Indenza ukuba ndicele uncedo lwemali kuwe ? Indivisa buhlungu

Nangaphezulu into yokuba ndingakwenzeli nto 310

Koko kundihlelayo. Wema uthe khumanqa ; Kodwa yonwaba.

Induna yesibini. Yiza, nkosi.

UAntonio. Mandikucele inxenye yaleyo mali.

UViola. Imali ebitheni, nkosi ?

Ngenxa yobu bububele buhle undenzele bona apha,

Nakanjalo, ngokubangwa yile nkathazo ukuyo,

Kobo butsuphelelana bam bungephi

Ndiya kukuboleka intwana : andinanto ibhekephi ;

Siya kwahlulelana ngesi siphosam : 320

Bamba ke, naso isiqingatha semali yam.

UAntonio. Uza kundikhanyela ngoku ?

Kunokwenzeka ukuba iimfanelo zam kuwe

Ziswel' inkwezelelo ? Mus' ukuhenda ubudwayi bam,

Hleze oko kundenze umntu oswel' ingqiqo.

Ngokokude ndikungcikive ngenxa yezo zenzo zobubele

Ndithe ndakwenzela zona.

U Viola. Akukho ndizaziyo :

Nawe ndingakwazi ngelizwi okanye nangayiphi na eyiyenye indlela.

Ndiyithiyile intswela-mbulelo emntwini

Nangaphezu kogaso olunobubhedengu, nonxilo olunobulopholopho,

Mhlawumbi naliphi na ichaphaza lobubi elikubola kwalo kunamandla

Kuhleli ngaphakathi kwelo gazi lethu li-ethe-ethe. 330

U Antonio. Athi ke nina mazulu !

Induna yesibini. Yiza, nkosi, ndiyakubongoza, hamba.

U Antonio. Makhe ndithi lam libe linye. Le mvekwana niyibona apha

Ndiyophule isiqingatha emlonyeni wokufa,

Ndayikhulula ngobungewele bothando,

Ndazilahlela kuyo ngokukholelwa kwimbonakalo yayo

Ebonakele kum inesithembiso sesimo sexabiso elingenganganto.

Induna yokuqala. Loo nto inento yokwenzani nathi ? Ixesha liyahamba : hamba !

U Antonio. Kodwa ke, awu athi ukuba kubi ukuzibonakalisa kwaso esi sinqulwa sisesi sithixo !

Ke, Sebastian, imbonakalo ebonakala kakuhle uyihlazisile. 340

Endalweni akukho siphene ngaphandle kweso siyingqondo ; Akukho bangabizwa ngokuba balimele ngaphandle kwabo batyeshileyo kokwendalo :

Isidima bubuhle kodwa ububi obenziwa buhle

Ngamagobhogobho cenkonkxa ayokozeliswa ngongendawo.

Induna yokuqala. Lo mntu uyaphambana : makahambe !
Yiza, yiza, nkosindini.

U Antonio. Ndikhokeleni.

(Waphuma necNduna.

U Viola. Ngathi kum amazwi akhe aphuma ekubindekeni okukhulu,

Kangangokuba uqinisekile koko akuthethayo : kwangokunjalo andikholelwa mna.

Bonisa ubunyaniso, ntelekelelo, Awu, bonisa ubunyaniso, Bokuba mna, mntakwethu uthandekayo, ndibe ndithatya-thwa ukuba ndinguwe ! 350

UMhlelezi uToby. Yiza ngapha, tshawe ; yiza ngapha, Fabian : sokha sisebezelane ngemiqolo emibini yawona mazwi obulumko.

U Viola. Ukhankanye uSebastian : mna umntwakwethu ndimazi

Ndizibona ndinguye roqo ndakuzikhangela esipilini ; nangale ndawo

Naleya ebusweni ndisuka ndibe ngumntakwethu, wemka

Esoloko elolu hlobo, lo mbala, enesi sinxibo,

Ndilinganise yena kanye : ukuba, Awu kunganjalo.

Iinkqwithelo zinobubele namaza amtyuwa amnandi eluthandweni. (Waphuma.

UMhlelezi uToby. Intwana engenanyaniso, nelinyoluka, nenobugwala obudlula nobomvundla : ukungabi nanyaniso bubonakala ngokushiya umhlobo wayo apha ngexesha lenkxwaleko nangokumkhanyela ; ke ngokobugwala bayo buzani kuFabian. 362

UFabian. Igwala, ityutyusi legwala, elibubhedeshayo.

UMhlelezi uAndrew. Ndiza kumleqa kwakhona ndimthwaxe.

UMhlelezi uToby. Yenjenjalo ; mbethisise, kodwa ungalikhuphi ikrele lakho.

UMhlelezi uAndrew. Ukuba andenjenga njalo,—Waphuma

UFabian. Yiza, size kubukela isiphumo.

UMhlelezi uToby. Ndingabeka namalini na, akukabikho nto siza kuba yiyo. (Baphuma.

INDIMA IV

UMBONISO 1. Phambi kwendlu kaOlivia.

Kungena uSebastian neSiphoxo.

ISiphoxo. Unga ungandenza ndikholelwe ukuba andithunywanga kuza kuphuthuma wena ?

USebastian. Shenx' apha, shenx' apha, usisiyatha senkewu: Shenxa phambi kwam.

ISiphoxo. Uxhathisa kakuhle, ngenene ! Hayi andikwazi ; ndingathunywanga kuwe kanjalo yinkosazana yam, ukuza kukuyalela ukuba uthethe nayo ; nokokuba igama lakho alinguye uMnumzana uCesario ; nokokuba le asiyiyo mpumlo yam. Akukho nto iyiloo nto injalo.

USebastian. Ndiyakubongoza, hamba ubuphalaze ubuyatha bakho kwenye indawo : 10

Akundazi.

ISiphoxo. Ndiphalaze ubuyatha bam ! ulive elo gama kwisikhulu esithile, ngoku uze kulisebenzisa kwisiphoxo. Phalaze ubuyatha bam ! Ndinoloyiko oku kuzenzisa nale nkohliso kuya kuligubungela ihlabathi. Ndiyakubongoza ngoku, khawuyeke obu bunyewu, undixelele ukuba ndiya kuphalaza ntoni na kwinkosazana yam : zendiphalaze kuyo ukuba uyeza ?

USebastian. Ndiyakubongoza, siyathandini somGrike, khwelela kum. Thabatha nantsi imali : ukuba unokuthi uzizilize ngaphezu koku,

Ndiya kukunika intlawulo embi kunaleyo.

ISiphoxo. Ndifung' inyaniso, uyapha. Aba bantu balumkileyo bathi baziphe iziphoxo imali bazifumanela iingxelo ezintle—emva kwentengo yeminyaka elishumi elinesine. 20
Kungena uMhlelezi uAndrew, uMhlelezi uToby, no**Fabian.**

UMhleleazi uAndrew. Ke kaloku, mhleleazi, sesibuye sagagana ? thabatha apha.

USebastian. Yini le, yamkela nawe, kwakhona, nakanjalo. Kutheni, abantu baphambene bonke ?

UMhleleazi uToby. Yenza kuhle, nkosi, kungenjalo ndiya kuliphosa ikrwana lakho phezu kwendlu.

ISiphoxo. Ndiya kuya ngqo kwinkosazana yam, ndiyixelele oku : bendingethandi ukuba kwezo zinxibo zenu nokuba sendinikwa iipeni ezimbini. (Saphuma.

UMhleleazi uToby. Shenxa, mhleleazi ; yenza kuhle.

UMhleleazi uAndrew. Hayi, myeke : ndiza kusebenzana naye ngeny' indlela ;
Ndiza kummangalela ngokundibetha, ukuba kukho mthetho nto elliriyi :

Naxa indim nje oqalileyo ukubetha kuye, noko loo nto ayinamsebenzi.

USebastian. Susa isandla sakho.

UMhleleazi uToby. Yiza, mhleleazi, andizi kukuyeka uhambe. Yiza, gatyana lam lesoldati, yixhome intsimbi yakho : igazi lakho lihlobile ; yiza.

USebastian. Mus' ukundibamba. Yintoni eyiyenye oyifunayo ngoku ?
Ukuba unga ungandinxwala kwakhona, likhuphe ikrele lakho.

UMhleleazi uToby. Intoni, intoni ? Hayi, mandikhe ndifumane ithontsana nokuba mabini kweli gazi lakho linezotho.

Kungena uOlivia.

UOlivia. Yenza kuhle, Toby, ngobomi bakho ndikubek' ityala, kuhle !

UMhleleazi uToby. Nkosazana.

UOlivia. Kuya kuba soloko kunjenge ? Tshijolondini lingenam-bulelo,
Lifanel' ukuba sezintabeni nakwimiqolomba eyenileyo,
Apho isimilo singazanga safundiswa ! khwelela phambi kwam !
Ungaxakaniseki, ntandanendini Cesario.

Ndlavinindini, hamb' umke !

(Baphuma uMhlekezazi uToby, uMhlekezazi uAndrew noFabian.

Ndiyakubongoza, mhlobondini umbuna.

Mawukhokelwe bubulumko bakho obulungileyo, ingabi ngumsindo

Ngenxa yolu hlaselo lobukrwada bekungekho mfuneko yalo Ekuzihlaleleni kwakho ngoxolo. Hamba nam siye endlwini yam,

Uve apho ukuba kukangakanani na le ndlavini isenza amaqhetseba aphuthileyo ongathi wakuweva ukuhleke oku : akuzi kukhetha ke kodwa uza kuhamba ; 50

Ungali. Uze ushwabulelele mna ngomphefumlo wakhe, Uyikhathazile loo ntliziyo yam iludwayi ikuwe.

USebastian. Yintoni injongo yalo mcimbi uthwalis' amehlo kanti noko wamkelekayo ? ubaleka luhlobo luni umsinga ?

Mandibe ndiphambene mhlawumbi eli liphupha :

Iingcinga maziyizolise ingqondo yam kumlambo wokulibala ; Ukuba oku kukuphupha, nalapho ke mandilale !

UOlivia. Hayi, yiza, ndiyakubongoza ; unga ungalawulwa ndim !

USebastian. Nkosazana, ndinga kunganjalo.

UOlivia. Awu, yitsho, kube njalo ke ! **(Baphuma.**

UMBONISO II. Indlu kaOlivia.

Kungena uMaria neSiphoxo.

UMaria. Hayi, ndiyakubongoza, yambatha lo mnweba, unxibe le ntshebe ; menze akholwe ukuba unguMhlekezazi uTopas umfundisi ; kwenze kamsinyane ndoba ndibiza uMhlekezazi uToby lo gama. **(Waphuma.**

ISiphoxo. Ndiya kuwambatha kambe, ndiya kuzifihla kuwo ; kwaye akwaba bendingowokuqala ukudlala kumnweba onje. Andimde olo hlobo lokuba ndibe nokusifanela isisusa kakuhle, ndingabhityanga nakangako ukuba ndici-

ngelwe ukuba ndiyimfundi. Abasukuzani bangena.

Kungena uMhlekezazi uToby noMaria.

UMhlekezazi uToby. Ngamana uJove angakusikelela, nkosandini Mfundisi.

ISiphoxo. Bhota, Mhlekezazi Toby : kuba njengoko ilolo elidala lasePrague elingazange layibona i-inki nosiba, lathi ngobuciko obukhulu kumthana weKumkani uGorbodue, ' Oko kuyiloo nto kuyiloo. nto : ' ngoko ke mna ndiyinkosana Mfundisi nje, ndiyinkosana Mfundisi ke ; kuba kuyini na oko kuyi ' loo nto ' ngaphandle kokuba yi ' loo nto,' nokuba ' yiyo ' ngaphandle kokuba ' yiyo ? '

UMhlekezazi uToby. Kuye, Mhlekezazi Topas.

ISiphoxo. Yintoni, hi, ndiyabuza ! makuzolwe kule ntolongo !

UMhlekezazi uToby. Le ndlavini iyiqhuba kakuhle indima yayo ; indlavini elungileyo.

UMalvolio. (Ngaphakathi) Ngubani lowo ? 20

ISiphoxo. UMhlekezazi uTopas umfundisi, oze kubona uMalvolio, iphambana.

UMalvolio. Mhlekezazi Topas, Mhlekezazi Topas, lungandini Mhlekezazi Topas, yiya kwinkosazana yam.

ISiphoxo. Phandle, dwebilendini ukhohlakele ngokukodwa ungathini ukuqumbisa le ndoda ! Akukho nto yimbi unokuncokola ngayo ingengawo amanenekaazi ?

UMhlekezazi uToby. Uthetha kakuhle, Nkosana Mfundisi.

UMalvolio. Mhlekezazi Topas, akukazange kubekho mntu woniwa ngale ndlela :

Mhlekezazi Topas olungileyo, uzungandithabathi njengophambeneyo : bandibeke apha kobu bunnyama bubi.

ISiphoxo. Ra, Sathanandini uliqothaqikili ! Ndikubiza ngawona magama athambileyo ; kuba ndingomnye wabo bano-bulali abathi basebenzise nkqu dwebile ngentlonelo : uthi loo ndlu imnyama ?

UMalvolio. Injengesihogo, Mhlekezazi Topas.

ISiphoxo. Ngani, incefestile ezisiphongozi ezikrelekrele okwenqaba zibe iifestile eziphezulu ekubhekiseleleni ezantsi nasentla zikhazimla okwe-ebhoni ; ukanti ukhalaza ngesithintelo ?

UMalvolio. Andiphambene, Mhlekezi Topas : ndithi kuwe le ndlu imnyama.

ISiphoxo. Phambanandini, uyaphosisa : ndithi akukho bumnyama koko bubudenge ; obutsho wadideka nangaphezu kokuba amaYiputa enjalo enkungwini yawo.

UMalvolio. Ndithi le ndlu imnyama okobudenge, nokuba ubudenge bebumnyama okwesihogo ; ke ndithi akakho umntu owakha waphatheka kakubi olu hlobo. Andiphambene ngaphezu kokuba unjalo : khawukuvavanye oko nangawuphi na umbuzo osengqondweni.

ISiphoxo. Luthini uluvo lukaPythagoras ngokubhekiselele kwintaka yasendle.

UMalvolio. Luthi umphefumlo kamakhulu kusenokwenzeka ukuba ube ukuloo ntaka. 50

ISiphoxo. Ucinga ntoni ngoluvo lwakhe ?

UMalvolio. Ndineengcamango eziphakamileyo kakhulu ngomphefumlo, ndibe ndingavumelani nakancinane noluvo lwakhe.

ISiphoxo. Sala kakuhle. Hlala njalo kobo bumnyama : uya kude uvumelane noluvo lukaPythagoras phambi kokuba ndivume ukuba usezingqondweni zakho, ndaye ndisoyika ukubulala iphambana, hleze umphefumlo wephambana ududulele ngaphandle okanyokokhulu. Sala kakuhle.

UMalvolio. Mhlekezi Topas, Mhlekezi Topas !

UMhlekezi uToby. Mhlekezi Topas wam omhle ngokugqibeleleyo !

ISiphoxo. Cha, ndingalinganisa nabani na. 60

UMaria. Ubusenokukuqhuba oku ungenayo loo ntshebe yakho naloo mnweba : akakuboni.

UMhlekezzi uToby. Yiya kuye uthethe ngelizwi lakho, ubuye uze kundixelela ukuba umfumana enjani na : bendingavuyayo sahlukene mpela nobu bundlavini. Ukuba ubenokuba ngokhululekileyo, bendingavuya enjalo, kuba mna ngokwam ngoku sixabene nomtshana wam ngohlobo lokuba andisenakho ukuwuqhuba lo mdlalo ngenkululeko de use esiphelweni sawo. Wobuye uze egumbini lam.

(Baphuma uMhlekezzi uToby noMaria.)

ISiphoxo. (Sicula) Hi, Robin, Robin owonwabileyo, Ndazise ukuba inkosazana yakho iqhuba njani na. 70

UMalvolio. Siyatha !

ISiphoxo. Inkosazana yam inolunya, nothixo lo.

UMalvolio. Siyatha !

ISiphoxo. ' Yeha ! kungasizathu sini ukuba ibe njalo ? '

UMalvolio. Siyathandini, nditsho !

ISiphoxo. Ithanda omnye '—Ngubani lowo uthethayo, ndahleka ?

UMalvolio. Lungandini lesiyatha, ukuba unokuba luncedo kum, ndincele ngesikhanyiso, ngosiba, ngeinki, nephepha : njengokuba ndilinene, ndiya kuhlala ndinombulelo kuwe ngakoko.

ISiphoxo. Ungumnumzana uMalvolio ? 80

UMalvolio. Ewe, lungandini lesiyatha.

ISiphoxo. Athi ke, mhlekazi, ulahlekene njani neengqondo zakho ezintlanu ?

UMalvolio. Siyatha, akukabikho mntu wakha waphatheka kakubi olu hlobo : ndikuzo iingqondo zam, siyathandini, njengokuba nawe ukwezakho.

ISiphoxo. Kodwa njengokuba ? mawube ke uphambene ngenene, xa iingqondo zakho zingemanga kakuhle kuncesiyatha.

UMalvolio. Bandithabathile ; bandigcina ebumnyameni, bathumela abafundisi kum, ezi ziphukuphuku, benza konke abanakho, bezama ukubonisa ukuba andikho zingqondweni zam. 89

ISiphoxo. Kulumkele okuthethayo ulapha umfundisi. Malvolio, Malvolio, amazulu makakubuyiselele iingqondo zakho, zama ukulala, uyeke le ntshwaqane uyenzayo iphuthileyo.

UMalvolio. Mhlekezzi Topas !

ISiphoxo. Mus' ulobololana ngamazwi naye, nkewundini ilungileyo. Ubani, mna, mhlekazi ? ingendim, nkosi. UThixo makabe nawe, Mhlekezzi Topas ulilunga. Ngenene, Amen. Ndiya kwenjenjalo, mhlekazi, ndiya kwenjenjalo.

UMalvolio. Siyatha, siyatha, siyathandini, nditsho !

ISiphoxo. Yini na le, nkosindini, zola. Uthi intoni, nkosi ? Ndikhutshelw' amehlo ngokusuka ndithethe nawe. 99

UMalvolio. Lungandini lesiyatha, ndincede undibeke eku-khanyeni undincede nangephepha : ndiyakuxelela, andinanto ndinayo ezingqondweni zam ; ndinje ngaye nawuphi na umntu elliriya.

ISiphoxo. Athi ke, ukuba ubukhe wanjalo, nkosindini !

UMalvolio. Ndikumisel' isibhozo, ndinjalo. Lungandini lesiyatha, i-inki nephepha nesikhanyiso ; uze use oko ndothi ndikubhale kwinkosazana yam : iya kukunceda nangaphezu kokuba ube ubukhe wathwala le newadi.

ISiphoxo. Ndiya kukunceda ngakoko. Kodwa ndixelele inyaniso, ungaba uphambene ngenene ? nokuba uyazenzisa nje ?

UMalvolio. Ndiyakuqinisekisa, andiphambene ; ndikuxelela inyaniso.

ISiphoxo. Cha, andisayi kuze ndilikholelwe iphambana ndide ndibe ndikhe ndabona ubuchopho balo. Ndiya kukuthabathela isikhanyiso nephepha ne-inki. 110

UMalvolio. Siyathandini, ndiya kukubuyekeza ngexabiso elingenambaliso : ndiyakubongoza, hamb' uhambe.

ISiphoxo. (Sicula) Ndimkile, nkosi,
Ndaye kamsinya, mhlekazi,

Ndobuya ndibe nawe,
 Ngephanyazo,
 Njengoza kuBubi wakudala,
 Ukuza kuzimasa intswelo yakho.
 Othi yena, enesinkempe soluthi,
 Emsindweni wakhe nasengqumbeni yakhe, 120
 Avakale esithi kudwebile, Kowu, ndahleka !
 Ngokwenkewana eliphambana,
 Chuba iinzipho zakho, tata ;
 Sala kakuhle, lungandini likandwebile. (Waphuma

UMBONISO III. Emyezweni kaOlivia.

Kungena uSebastian.

USebastian. Lo ngumoya ; eliya lilanga elinobuqaqawuli ;
 Le perule ndiyinikwa nguyc, ndiyayiva, ndiyibona ;
 Naxa nje ingumnqa ondithandele wandenjenje,
 Kodwa ke noko asilulo ugezo. Uphi na ke uAntonio ?
 Andibanga nakumfumana eNdlovini :
 Ukanti wayelapho ; kwaye kulapho ndifumene khona le
 ngxelo,
 Yokuba wenyuka esihla edolophini ekhangela mna,
 Icebiso lakhe ngoku ngelindinceda ngokungathethekiyo ;
 Kuba naxa nje umphefumlo wam usedabini elithe nkqi ne-
 ngqondo yam,
 Ukuba oku makube kubangwa mpazamo ithile, kodwa inge-
 kuko ukuphambana,
 Ukanti esi siganeko nalo msinga wenyhweba
 Okwangoku sidlula nawuphi na umzekelo, nayiphi na intetho
 Ngohlobo lokuba ndikulungele ukungawathembi amehlo am
 Ndilwe nengqondo yam endikhwezelela
 Nakuyiphi na eyiyenye inkolo ; kanti andiphambene
 Mhlawumbi ke yinkosazana le ephambeneyo ; kanti ke ukuba
 bekunjalo,
 Ibingenakho ukuqhuba iinto zomzi wayo, ilawule abantu bayo

Iqhube imicimbi yayo iyiphumeze

Ngaphandle kobugingxigingxi koko ngengqiqo nangesidima
Njengoko ndiqond' ukuthi yenjenjalo : kukho nto ikhoyo
koko, 20

Kufihl' intloko. Kodwa ke nantsi inkosazana isiza.

Kungena uOlivia noMpriste.

UOlivia. Ungalubek' ityala olu ngxamo lwam. Ukuba u-
phethe okuhle,

Hamba ngoku nam nale ndoda ingewele

Siye kwindlwana yecawa ebucala ; size apho phambi kwayo,
Naphantsi kwaloo ntungo ingewalisekileyo,

Undinikele isinyaniso soqiniseko oluzeleyo sokholo lwakho ;
Ukuze loo mphefumlo wam unobukhwele ngokungazenzisiyo
noseluthandabuzweni

Olulodwa, uzole. Iya kukufihla oko,

De kube lelo thuba wothi uvume ngalo ukuba kubhengezwe,
Elo xesha sothi sivuyisane ngomtshato oya kuba kumgangatho
Ofanele indawo endikuyo ngokuzalwa. Uthini ke ?

USebastian. Ndiya kuyilandela le ndoda ilungileyo, ndi-
hambe nawe,

Ndithi ke, ndakuba ndifunge ngenyaniso, ndinyanise kude
kuyephi.

UOlivia. Khokela ke, bawo ulilunga ; ngamana amazulu
angabengezela

Ngohlobo lokuba asijonge ngothando esi senzo sam !

(Baphuma.

INDIMA V.

UMBONISO I. Phambi kwendlu kaOlivia.

Kungena iSiphoxo noFabian.

UFabian. Ke kaloku, njengokuba ndithandwa nguwe, kha-wundibonise ileta yakhe.

ISiphoxo. Nkosindini ilungileyo Fabian, ndicele nto yimbi.

UFabian. Nantoni na.

ISiphoxo. Mus' ukunqwenela ukuyibona le leta.

UFabian. Oku kukuphisa ngenja, ize imbuyekezo ibe kuku-nqwenelainja yam kwakhona.

Kungena iTshawe, noViola, noCurio neeNduna.

ITshawe. Ningabantu beNkosazana uOlivia, zihlobo ?

ISiphoxo. Ewe, mhlekazi, siyinxenye yababopheleleke kuyo.

ITshawe. Ndikwazi kakuhle : uphila njani mhlobo wam u-lungileyo ?

ISiphoxo. Enyanisweni, mhlekazi, ngendlela ekholekileyo kwiintshaba zam, nembi kanye kwizihlobo zam. 11

ITshawe. Wayibhidanisa ke ; ngokukholekileyo kwizihlo-bo zakho.

ISiphoxo. Hayi, nkosi, ngokubi kanye.

ITshawe. Inokuhla njani into enjalo ?

ISiphoxo. Tyhini, mhlekazi, bandincoma bandenze isiphu-kuphuku ; ke zona iintshaba zam zindixelela phandle ukuba ndisisiphukuphuku : ndibe ke ngoncedo lweentshaba zam, nkosi, ndizifumanela ukuzazi into endiyiyo, ndibe ndikho-hliswa zizo izihlobo zam : iziphumo zoko ke zifane nophu-zwano, ukuba izilandulo zakho ezine zenza izivumo zakho ezibini, akuboni ke, ukuba kokubi kanye okwezihlobo zam, nokukholekileyo okweentshaba zam. 20

ITshawe. Yini le, kuyanandipheka oku.

- ISiphoxo.** Ndikuxelel' inyaniso, mhlekazi, akunjalo ; naxa nje kukukholisa wena ukuba ngomnye wezihlobo zam.
- ITshawe.** Akuyi kuba ngombi kanye kum ; bamba nants' igolide.
- ISiphoxo.** Kodwa njengokuba oko kobonisa ukunganyaniseki, mhlekazi, bendingathanda ukwenzelelele ngeny' indlela.
- ITshawe.** Awu, wandicebisa ngokungekho ndleleni.
- ISiphoxo.** Lufake ufefe lwakho engxoweni yakho, mhlekazi, okwale nto namhlanje, uvumele inyama yakho negazi zililulamele icebo.
- ITshawe.** Kambe ke, lendoda ngumoni ongako, ongumkohlisi, nants' enye. 31
- ISiphoxo.** Okokuqala, okwesibini, okwesithathu, ngumdlalo olungileyo ; ke isithetho esidala sithi, eyesithathu ihlawulela zonke : eyesithathu, mhlekazi, yiyona kumnandi ukuxhentsa ngayo ; mhlawumbi iintsimbi zaseSt. Bennet, mhlekazi, zingakukhumbuza ; inye, zimbini, zintathu.
- ITshawe.** Akunakubuye utsale mali kum ngale ndlela : ukuba unokwazisa inkosazana yakho ukuba ndilapha ndinga ndinganazwi nayo, uze uze nayo, oko kungavuselela ububele bam ngaphezulu.
- ISiphoxo.** Tyhini, mhlekazi, zithuthuzele ngabo ububele bakho de ndibuye. Ndiyahamba nkosi, kodwa andingethandi ukuba ucinge ukuba umnqweno wam wokuzusa usisono somnqweno : kodwa njengoko uyibeka, mhlekazi, ububele bakho mabukhe buthi ngqwa, ndiya kubuvusa kamsinyane. (Saphuma.
- UViola.** Nants' isiza, mhlekazi, laa ndoda yandisindisayo.
Kungena uAntonio naMagosa.
- ITshawe.** Obuya buso bayo ndibukhumbula kakuhle ; Kanti ke, ukugqibela kwam ukububona, babutyikileke Bumnyama ngokwesithixo somlilo kumsi wemfazwe : Wayengumphathi wenqanawa engento yanto.

Ngokwamandla okutsala nangesiqu intw' engento ;
Awathi ngayo wenza uhlaselo olububutyobo
Kweyona nqanawa yethu idumileyo kumkhosi weenqanawa
zethu,
Ngohlobo lokuba nabo babccaphuka yimpumelelo yakhe, na-
mazwi abo baboyisiwe
Ahlahlamba enikezela udumo nembeko kuye. Yintoni ?

IGosa lokuqala. Orsino, lo ngulowa Antonio
Wathimba iPhoenix nomthwalo wayo eKrete ;
Ikwanguye lo wangena kwiNgwe,
Ngethuba awathi umtshana wakho omncinane uTitus wala-
hlekana nomlenze wakhe.
Apha ezitrateni, engalikhathalele ihlazo nengozi,
Simbamba esenza izixholoxholo.

UViola. Wandenzela ububele, mhlekazi, wandikhusela ; 60
Kodwa wagqibela ngokuthetha intetho endingayiqondiyo ;
Andikwazi okwakukuko, ngaphandle kokuba yayizizinto zo-
kuphambana.

ITshawe. Mphangindini wodumo oluselwandle ; wena sela
lamanz' amtyuwa !
Bubugagu buni bobudenge obukubeke ezincebeni zabo,
Othe wena ngendlela enegazi nenendleko olu hlobo,
Wabenza iintshaba zakho ?

UAntonio. Orsino, nkosi izukileyo,
Makukholeke kuwe ukuba ndiwavuthulule la magama undi-
nika wona :

UAntonio akakazange abe lisela namphangi waselwandle,
Naxa ndivuma khona, ngesizathu nemihlaba eyaneleyo,
Utshaba lukaOrsino. Ngumoya womlingo ondiqhubele apha :
Loo nkwenkwe iswel' umbulelo ngendlel' eyodwa, imi nga-
kuwe,
Kulwandle olunoburalarume olumlomo ubonis' ingqumbo
namagwebu

Ndayihlangula ; ubivana olungaphaya kokuba lube nokuncedwa :

Ndalubuyiselela ubomi balo, ndaza kuloo nto ndongeza

Uthando lwam, ckuhleni ndingagushe nto,

Ndizilahlele kulo ; ngenxa yalo

Ndazityhila, kuphela nje ngenxa yokuthanda lona,

Ndazibek' esichengeni sale dolophu inobutshaba ;

Ndasondela ukuba ndilukhusele, xa lwaluhlaselwa :

Apho luthe ngokoyika, ubuqhophololo balo bobuxoki, 8

Ngokungafuni ukungena nam engozini,

Balufundisa ukuba lukhanyele ukuba lwakha lwandibona,

Lwaza lwanga lolwasemzini kum isithuba seminyaka emashumi mabini

Konke kwenzeka ngephanyazo ; lwala ngoku nesipaji sam,

Endandisinike lona ngokuluthemba ukuba lusisebenzise

Kungesiso nesiqingatha seyure phambi koku.

UViola. Kunokuhla njani oku ?

ITshawe. ' Ufike nini kule dolophu ?

UAntonio. Namhlanje, nkosi yam ; kwaye isithuba seenyanga ezintathu ngaphambili.

Akukhange kubekho sithuba, nesomzuzu omnye,

Ubusuku nemini sisoloko sikunye. 90

ITshawe. Nantsi isiza inkosazana : ngoku ke izulu linyathela umhlaba.

Ke ukuba bekungengasizathu sakho nkewundini ; nkewundini amazwi akho ngawophambano :

linyanga zintathu le nkewu indigcinile ;

Kodwa ke sova ngaphezulu ngale nto kamsinyane. Mkhu-pheleni phandle.

Kungena uOlivia **neeMpelesi.**

UOlivia. Yintoni enqwenelwa yinkosi yam, enokuthi ingayifumani,

Apho angathi uOlivia abe noncedo alunikayo ?

Cesario, akuligcini idinga nam.

UViola. Nkosazana !

ITshawe. Olivia onomsa,—

UOlivia. Uthini, Cesario ? Nkosi yam ililunga,— 100

UViola. Inkosi yam inga inganelizwi ; imfanelo yam iyandi-
thulisa.

UOlivia. Ukuba yinto ephathelele kulaa ngoma indala,
mhlekazi,

Iphuthile yaye inyeliseka ezindlebeni zam

Njengemikhwazo emva komculo.

ITshawe. Usakhohlakele olu hlobo !

UOlivia. Osemi kwizwi lakhe, mhlekazi.

ITshawe. Intoni, kubugwenxa ? nenekazindini linolunya,

Elizibingelelo zingenambulelo zingafanelekanga kanjalo

Othe umphefumlo wam waphefumla awona madini anyanise-
kileyo

Awakha anikelwa ngozilahleleyo ! Ndiya kwenza ntoni ?

UOlivia. Nantoni na engathi iyikholise inkosi yam, enoku-
thi ifanelwe yiyo.

ITshawe. Kube kungasizathu sini ukuba ndingenjenjalo, xa
bendinesibindi sokukwenza oko, 111

Ndixele isela laseYiputa emgciphekweni wokufa,

Ndibulale lowo uthandwayo ndim ? ubukhwele bobukrwada

Obuthi maxa wambi bube nezinto zozuko kubo. Kodwa
khawundive kule nto :

Okoko uthe wakudela wakulahla ukuzinikela kwam kokutho-
bela,

Kwanokuba ndisazi ngenxenye isixhobo

Esindinyanzela kweyona ndawo yam cluthandweni lwakho,

Uhlale wena useyiloo ngqwangangqwili isifuba senziwe nge-
mabhile ;

Kodwa le nceke yakho, ndaziyo ukuba uyayithanda,

Nendifunga amazulu ndiyithanda ncakasana, 120

Ndiya kuyiqwenga ndiyikhwelelise kwelo liso likhohlakeleyo,
Apho ihleli khona iganyile ngokutshabhisa inkosi yayo.

Hamba sihambe kwedini ; iingcamango zam zikulungele ukwenza okubi :

Ndiza kwenza idini ngelo xhwane ndilithandayo,
Ukutshabhisa le ntliziyo yehlungulu ifakwe ngaphakathi ehobeni.

U Viola. Ndize mna, ndonwabe, ndikulungele, ndivuma ngenhlela eyodwa,

Ukuqinisekisa ulonwabo lwakho ndife amawaka okufa.

U Olivia. Uyaphi Cesario ?

U Viola. Ndilandela lowo uthandwa ndim

Nangaphezu kokuba ndithanda la mehlo, nangaphezu kobomi bam,

Ngaphezu, kwabo bonke ongaphezu, kokuba ndinokumthanda umkam. 130

Ukuba ndiyazenzisa, nina mangqina aphezulu

Bohlwayeni ubomi bam ngokonakalisa uthando lwam !

U Olivia. Athi ke mna, uthiyekileyo ! athi ukukhohliseka kwam !

U Viola. Ukhohliswa ngubani ? ngubani okonayo ?

U Olivia. Sewuzilibele ? sekukudala kangako ?

Biza ubawo ongcwele eze apha.

ITshawe. Hamba.!

U Olivia. Ayephi, mhlekazi ? Cesario, ndod' am hlala.

ITshawe. Ndod' am !

U Olivia. Ewe, ndod' am : angayiphika sini na loo nto ?

ITshawe. Ndod' akhe, nkosindini !

U Viola. Hayi bo, ingendim, mhlekazi.

U Olivia. Yeha ke, bubuphantsi boloyiko lwakho 140

Obukwenza ukuba uzifihle ukuba ungubani na :

Mus' ukoyika, Cesario ; wathabathe amathamsanqa akho ;

Akwaba ube usazi ukuba ungubani na, ube ke umkhulu

Njengalowo umoyikayo.

Kungena umpriste.

Awu, ngena, bawo !

Bawo, ndikuyalela, njengohlōniphekileyo,
Ukuba ucombulule apha, naxa kutshanje besizimisele
Ukukugcina oku kulihlebo, oko ngoku iimeko
Zikutyhila phambi kokuba kulunge—oko ukwaziyo
Kuthe kutshanje kwaqhubeka phakathi kwale mvekwana nam.
UMpriste. Ikontraki yembophelelo yaphakade yothando,

150

Eqinisekiswe kukubambana kwenu ngezandla ngokuthanda
kwenu,

Yaqinisekiswa lulwangano lwenu olungcwele,

Yomelezwa, lulwananiselwano ngemisesane yenu ;

Yonke ke le nkqubo yale ndibano

Itywinwe bubukho bam njengomfundisi, ndingqinisisa :

Ukususela oko, ixesha lam lindixelela loo nto, ukusinga e-
ngwabeni lam

Ndisahambe iiyure ezimbini kuphela.

ITshawe. Awu, mpungutyanandini inenkohliso ! sewuya
kuba yintoni

Ngethuba clothi ixesha likunike izimvi kweso sikhumba sakho ?

Abuyi kuthi ubugqi bakho bube sebuqhubele phambili ngo-
kukhawuleza,

160

Ngohlobo lokuba ubuqhophololo bakho bube ngunobangela
wokuwa kwakho ?

Sala kakuhle, uze uyithabathe ; kodwa uzijongise iinyawo
zakho

Zikuse apho wena nam singayi kuze sidibane.

UViola. Nkosi yam, ndiyakuphika oku—

UOlivia. Awu, mus' ukufunga !

Yiba nokholwana naxa nje unoloyiko olungaka.

Kungena uMhlekezazi uAndrew.

UMhlekezazi uAndrew. Ngothando lukaThixo, igqira !

Thumelani elinye kuMhlekezazi uToby, kwangoku.

UOlivia. Kuhle ntoni ?

UMhlekezazi uAndrew. Undiqhekeze ukakayi, wamtsho u-

Mhlekezzi uToby ngenkenkebula eyophayo naye : ngothando lukaThixo, uncedo lwenu !

Sendinga nangaphezu kwamashumi amane ceponti ngendizihlalele ekhaya.

UOlivia. Ngubani lo wenze oku, Mhlekezzi Andrew ? 171

UMhlekezzi uAndrew. Inene eliya letshawe, elinguCesario : sicinge ukuthi liligwala, kanti ngusathana lo ongaphakathi enyameni.

ITshawe. Inene lam, uCesario ?

UMhlekezzi uAndrew. Ubonyana bukaThixo, nguye lo ! uluqhekezele ilize ukakayi lwam, ndibe oko ndithe ndakwenza ndikwenze ngokufunzwa nguMhlekezzi uToby.

UViola. Kungasizathu sini ukuba ubhekise kum ? Andikhange ndikwenzakalise : undirolele intshuntshe yakho ngaphandle kwesizathu ; 180

Koko ndithethe kakuhle nawe, andakwenzakalisa.

UMhlekezzi uAndrew. Ukuba inkenkebula eyophisayo isisenzakalo, undenzakalisile :

Ndicing' ukuthi akuyazele nto inkenkebula eyophisayo.

Kungena uMhlekezzi uToby neSiphoxo.

Nank' esiza uMhlekezzi uToby ejingxela ; kwaye useza kuva ngaphezulu : kodwa ukuba ibingeyiyo into yokuba ebevela etywaleni, ngelekhe wakushukumisa ngaphezulwana kokukuba enjenjalo.

ITshawe. Yintoni ngoku, kuhle ntoni kuni ?

UMhlekezzi uToby. Akukhathaleki nokuba yintoni na : undenzakalisile, kuphela ke. Nxilandini, sewukhe wabonana nogqira uDick, dakwandini ?

ISiphoxo. Awu, unxilile, Mhlekezzi Toby, kwisithuba seyure edlulileyo ; amehlo akhe ebevalekile bubuthongo bonxilo ngentsimbi yesibhozo kusasa. 191

UMhlekezzi uToby. Uyindlavini, umxhentso ozekelelayo : ndiyithiyile indlavini enxilayo.

UOlivia. Mshenxiseni ! Ngubani owenze le mbubho ingaka kubo ?

UMhlelezi uAndrew. Ndiza kukunceda, Mhlelezi Toby, kuba siza kubotshwa kunye.

UMhlelezi uToby. Uya kunceda ? intlōko yembongolo, nesiphukuphuku, nendlavini, indlavini ebuso bucekethekileyo intshontshwana !

UOlivia. Mfakeni ezingubeni anyangwe amanxeba akhe.200
(Saphuma iSiphoxo, noFabian, noMhlelezi uToby no-
Mhlelezi uAndrew.

Kungena uSebastian.

USebastian. Ndilusizi, nkosazana, ukuba ndibe ndizenzakalisile izizalwane zakho ;

Kodwa ke nokuba ibisisizalwane sam segazi,
Bendingayi kwenza ngakumbi, ngengqondo yokuzikhusela.
Undijonga ngokungathandekiyo, endithi ke ngoko
Ndiqonde ukuba mawube wonakele :

Camagu, ntandanendini, nangenxa yezifungo
Ekungekudala sizenzile omnye komnye.

ITshawe. Ubuso obunye, ilizwi elinye, umkhwa omnye, nabantu ababini. Siboniswa ukukhohliseka kwamehlo, kungeziwa bubuchule bamntu koko yindalo !

USebastian. Antonio, awu, Antonio wam oyintanda ! 210
Athi ukubekwa kwam exhayini nditshutshiseke ziiyure,
Oko ndathi ndalahlekana nawe !

UAntonio. UnguSebastian ?

USebastian. Uyakoyika oko, Antonio ?

UAntonio. Utheni ukuzicanda kwakho phakathi ?

Iapile ecandwe kubini, ayimawele

Angaphezulu kwezi zidalwa zibini. Nguwuphi onguSebastian ?

UOlivia. Umhlola wemihlola !

USebastian. Ndim sini na omi phaya ? Andizange ndibe namkhuluwa namninawa ;

Ndingenakho nokuba nesiphiwo samazulu sokuba kwiindawo

ezininzi ngaxeshanye. Ndandinodade wethu, 220
Awathi amaza acimeleyo namalatyuza amtshabalalisa.
Ndazise ngobubele, unabuzalwana buni nam ?
Ungowaliphi ilizwe ? ngubani igama lakho ? uzelwe ngubani ?
U Viola. WaseMessaline : ubawo wayenguSebastian ;
Kwangokunjalo umnakwethu wayenguSebastian,
Yena waya kutshona kwingcwaba lakhe lamanzi ekwizinxibo
zakhe :

Ukuba imishologu inakho ukuthabatha isibili nesinxibo
Uze kusoyikisa.

U Sebastian. Umshologu ndinguwo ngenene ;
Koko ndikuloo mzimba ndinxibe kakubi
Endathi kwasekuzalweni ndakuwo.

Ukuba ubulibhinqa, njengokuba zonke ezinye izinto zingqi-
nelana, 230

Bendiya kuziphalazela iinyembezi zam phezu kwesidlele sakho
Ndithi, ' Kathathu wamkelekile, Viola waraxwayo ! '

U Viola. Ubawo wayenomkhango ebunzi.

U Sebastian. Ngokunjalo nowam.

U Viola. Wafa mhla u Viola wayeneshumi elinantathu lemi-
nyaka ezelwe.

U Sebastian. Awu, inkumbulo yoko iza nolonwabo emphe-
fumlweni wam !

Wabufeza ubomi bakhe ngenene

Ngaloo mhla udade wethu wagqiba ishumi elinantathu lemi-
nyaka. 240

U Viola. Ukuba akukho nto isithintelayo ukuba sonwabe
sobabini,

Ngaphandle kwesi sinxibo sam sobudoda singekho lungelweni
loko,

Mus' ukundiwola, de imeko nganye

Yendawo, yexesha, nenyhweba zithi gingci zivumelane kanye

Ukuba ndingu Viola : endiya kuthi ukukuqinisekisa oko,

Ndikuse kumlawuli wale dolophu,

Ezikuye izinxibo zam zobuntombi ; ekwathi ngoncedo lwakhe lobulali

Ndasindiswa ukuba ndikhonze eli tshawe lozuko.

Kuko konke okuthe kwandihlela ukuthabathela ngoko Soloko ndiphantsi kweliso lale nkosazana nelale nkosi.

USebastian. (KuViola) Nantso ke, nkosazana, ube uphazama ;

Kodwa ke njengokuba izinto ezifanayo zinomtsalane enye kwenye

Ulahlekiswe koko.

Unqwenele ukunga ungaqanyangelwa nentombazana, Waza kwakhona wakhohliseka bubomi bam.

Ucinge ukuthi uziganele lowo uthe kanti yintombi, Kanti enyanisweni uziganele lowo uyindoda.

ITshawe. Ungamangaliswa ; igazi lakhe lelomntwana wegazi. Ukuba kunjalo ke, ngathi igilasi inyanisile, Ndiya kuba nenxaxheba kolu tyoboza lolonwabo olungathe-thekiyo.

KuViola) Kwedini, aliwaka amaxesha usithi kum Akunakuze uthande nkazana njengokuba undithanda. 260

UViola. Ke zonke ezi ntetho ndingazifungela kwakhona ; Luze lonke olo fungo lugcinakale lunyanisekile emphefumleni

Njengokuba sinjalo esiya sibhakabhaka, laa mlilo Wahlula imini ebusuku.

ITshawe. Ethe isandla sakho ; Ke mandikubone ukuso isinxibo sakho sobubhinqa ;

UViola. Umphathi owaba ngowokuqala ukundikhupha emanzini

Nguye onezinxibo zam zobuntombi : yena ngenxa yesenzo esithile

Ngoku usentolongweni, ngokutshutshiswa nguMalvolio, Inene nephakathi lenkosazana yam.

UOlivia. Uya kumyeka abe ngokhululekileyo : yizani naye
apha uMalvolio : 270

Ukanti, gxebe, ndiyakhumbula ngoku,
Bathi olo dwayi lomfo, luphambene tu.

Kungena kwakhona iSiphoxo neleta, noFabian.

Ukuthi phithi ingqondo kwam okunditsale kuyo yonke enye
into

Enkumbulweni yam kutsho kwathi siba ngaye.

Uqhuba njani, nkosindini ?

ISiphoxo. Eneneni, nkosazana, umtyhalele phaya uBhelezi-
bhubhe kangangoko umntu okwindawo akuyo anokwe-
njenjalo : nantsi incwadi akubhalele yona ; bendimelwe
kukuba ndibe ndiyinikezele kuwe kwakusasanje, kodwa ke
njengokuba iincwadi zamaphambana zingeyiyo igospeli,
azenzi mahluko nokuba zihanjiswe nini na.

UOlivia. Yivule uyifunde.

ISiphoxo. Khangela uzimaseke xa isiphoxo sifunda amazwi
ephambana. (Sifunde

‘ Egameni leNkosi, nkosazana, ’—

UOlivia. Yintoni ngoku ! uphambene ?

ISiphoxo. Hayi, nkosazana, nto nje ndifunda intetho yepha-
mbana : ukuba inkosazana inqwenela ukuyiva njengoko
injalo mayindivumele ndiyithethe kanye ngokwelizwi lalo
iphambana.

UOlivia. Nceda, yifunde ngokweengqondo zakho ezizizo.

ISiphoxo. Ndenjenjalo, nkosazana ; kodwa ukufunda ii-
ngqondo zalo ezizizo kukuyifunda ngolu hlobo : ngoko ke,
qondisisa kakuhle tshawekazi lam, ubek’ indlebe. 289

UOlivia. Mayifundwe nguwe, nkosindini. (Esingisa kuFabian.

UFabian. (Afunde) Egameni leNkosi, nkosazana, uyando-
na, kwaye oko kuya kwaziwa lihlabathi : naxa nje undibeke
kobu bumnyama wanikela amagunya kwinxila elisisizalwa-
ne sakho ukuba lindilawule, kanti ke zona iingqondo ezi
zam zisebenza kakuhle njengezakho nkosazana. Ndine-

ncwadi yakho endenze ukuba ndibonise inkohliso endiyenzileyo ; endithe ke ngayo, andithandabuzi nakancinane, ndenza oko kuyimfanelo yam mhlawumbi okuziintloni kuwe. Cinga ngam njengoko kukholekile kuwe. Ndikubeka nxamnye oko kuyimfanelo yam, kungasiwanga so kangakanani ndithethe kuphela ngoko kuyintlungu kum.

UMalvolio ophethwe ngokwephambana.'

UOlivia. Kubhalwe nguye oku? 300

ISiphoxo. Ewe, nkosazana.

ITshawe. Akukho nto ibonisa kuphambana apha.

UOlivia. Yenza akhululeke, Fabian ; yiza naye apha.

(Waphuma uFabian.

Nkosi yam, makukholeke kuwe, xa uthe wazinik' ithuba lokucinga ngezi zinto kwakhona,

Ucinge ngam njengodadewenu ngaloo ndlela kanye ubunga ungacinga ngam njengomfazi,

Ngoko ke mayithile mitshato mibini obungathi ngayo bakhiwe obu buhlobo,

Iphunyezwe apha endlwini yam ngeendleko zam.

ITshawe. Nkosazana, ndikulungele kanye ukulamkela icebiso lakho.

(**KuViola**) Inkosi yakho iya kukhulula ; ke ngenkonzo othe wayenza kuyo,

Ngokwahluke kangaka kuhlobo lobuni bakho, 310

Ngokwahluke kangaka kuhlobo oluthambileyo noluethe-ethe okhuliswe ngalo,

Ke nanjengokuba undibize ngokuba ndiyinkosi ithuba elingaka,

Ndikunika isandla sam : ukuthabathela ngoku uya kuba

Yinkosikazi yenkosi yakho.

UOlivia. Udade ! unguye.

Kungena kwakhona uFabian noMalvolio.

ITshawe. Ngulo mfo uphambeneyo lo ?

UOlivia. Ewe, mhlekazi, kanye lowo.

Kunjani ngoku, Malvolio !

UMalvolio. Nkosazana, undonile,
Ngomonakalo ombi kanye.

UOlivia. Ndingaba ndikwenzile oko, Malvolio ? yinqaba.

UMalvolio. Nkosazana, ukwenzile oko. Ndiyakubongoza
khawufunde apho loo leta.

Akuthethi kuthi uza kukhanyela ngoku ukuba sisandla sakho
eso :

Bhala ngokwahlukileyo kuso, ukuba unakho, ngesandla
mhlawumbi nangayiphi indlela onokuzibonisa ngayo ; 320

Okanye akunakho ukuthi asililo tywina lakho eli, mhlawumbi
akunabutyala ngalo :

Akunakuthetha nayiphi na kwezi zinto : kambe ke, masiku-
vumele

Khawundazise, kangangoko uhloni lwakho lukuvumela,

Ukuba kungasizathu sini na ukuba undinike iimpawu ezicace
olu hlobo zothando,

Undiyalele ukuba ndize ndincumancumeza kuwe, ndithandele
iigathazi,

Ndinxibe iikawusi ezimthubi, ndishwace kuMhleleki uToby
neentw' ezingento :

Ke kaloku, ekukwenzeni oku ngentobeko enethemba,

Kungasizathu sini ukuba uyalele ukuba ndivalelwe entolo-
ngweni,

Ndigcinwe kwindlu emnyama, ndityelelwe ngumpriste, 330

Ndenziwe esona sihamba nelona rathanga ekwakha kwahleki-
swa ngalo ? ndixelele ukuba kungasizathu sini na.

UOlivia. Awu, Malvolio, asisiso sandla sam esi,

Naxa nje, kambe mandivume khona, sifana kakhulu naso :

Kodwa ke ngokungathandabuzekiyo sisandla sikaMaria.

Ke kaloku, ndiyakhumbula ngoku, yabe inguye

Owokuqala ukuza kundixelela ukuba wena uphambene ; we-
za ke uncuma

Usenza kanye ezo zinto zibe zikhankanyiwe ngawe eleteni.

Nceda zola : le mfeketho ikubhide ngendlela eyodwa ; 340
Kodwa xa sizazi iimeko nabayili bayo,
Wena uya kuba ngummangali nomgwebi
Wetyala lakho.

UFabian. Nkosazana ililunga, khawundiphe indlebe,
Makungabikho kukrwempana naluxhwithano luza
Kubek' ibala kule yure,
Esafumane yatsho ndakhamisa. Ngethemba ke lokuba akuyi
kubakho nto,
Ndiyavuma ngenkululeko eyodwa ukuba ndim noToby
Abenze eli yelenqe kuMalvolio lo,
Ngokuphawula mpawu zithile kuye apha zokuzigagamela
nezokungachubeki. UMaria uyibhale incwadi le ngokujo-
kwa ngamandla nguMhlelezi uToby ;
Athe ukumhlawula ngakoko wantshata.
Indlela ethe le mfeketho yokuphoxisa yalandelwa ngayo,
Inokuthi ibange intsini kunokuba ize nempindezelo ;
Ukuba ke umonakalo ubunokuthi ugodagocwe ngokusendle-
leni
Othe wehla macala omabini.

UOlivia. Athi ke, siyathandini, indlela abakukhohlise nga-
yo !

ISiphoxo. Tyhini “ Abanye bazalwa bephakamile, abanye
bayizuza impakamo ngemigudu, baze abanye bazifumane
bethiwe wambu ngayo impakamo. Bendingomnye,
mhlekazi, kule ntlekisa ; lowo ube enguMhlelezi uTopas,
nkosi ; kodwa yonke loo nto inye. ‘ Egameni leNkosi, siya-
thandini, andiphambene. ‘ Kodwa usakhumbula ? ’
Nkosazana, kungasizathu sini ukuba ulihleke ikhamte
elinje lendlavini ? ukuba akuncumi, ithungwe umlomo : ”
yaye ivili yokukhawulezisa ixesha isiza neempindezelo zakhe.

364

UMalvolio. Ndiza kuziphindezela kuyo yonke loo mfumba
yenu. (Waphuma.)

UOlivia. Uphatheke kakubi ngendlela engathethekiyo.

ITshawe. Msukeleni, nimbongoze axole :

Akakasixeleli ngomphathi okwangoku :

Xa oko kuthe kwaziwa, nomzuzu wafaneleka ukuba ubekho,

Udibaniso olunesidima lothi lwenziwe 370

Lwemiphefumlo yethu ethandekayo. Okwangoku, dade-
wethu onesonti,

Asiyi kumka apha. Cesario, yiza ;

Kuba uya kubizwa njalo, eli xesha useyindoda ;

Kodwa xa ubonwa sewukwezinye izinxibo,

Inkosikazi kaOrsino nekumkanikazi esenyongweni kuye.

(**Baphuma bonke ngaphandle kwesiphoxo.**)

ISiphoxo. (Siyacula)

Ngelo xesha ndandikho ndiyinkwenkwanana,

Wenna, wenna, umoya nemvula,

Into ebubudenge yabe iyinto yokudlala,

Kuba imvula ina mihla le.

Kodwa ndithe ndakufika kwisimo sobudoda, 380

Nowenna, wenna, njl.

Ukuthintela iindlavini namasela abantu bavala amasango abo,

Kuba imvula, njl.

Kodwa ndithe ndakufikelela, kwithuba lokuzeka,

Nowenna, wenna, njl.

Ukuziqhenya akwandihambisela ndawo,

Kuba imvula, njl.

Kodwa ndithe ndakufikelela ezingqengqelweni zam.

Nowenna, wenna, njl.

Namanxila iintloko zisaphithizeliswa butywala, 390

Kuba imvula, njl.

Kwithuba elide eladlulayo ilizwe laqala,

Nowenna, wenna, njl.

Kodwa yonke loo nto inye, umdlalo wethu uphelile,

Saye siya kuzama ukukukholisa yonke imihla. (**Waphuma.**)

AMAGAMA ANENTSINGISELO KUMAGRIKE NAMA- ROMA NEENDAWO ASINGISELE KUZO.

UActaeon (Waguqulwa wenziwa ixhama). Oku kubhekiselele kwibali likaActaeon acinga ukuthi uShakespeare ngalo abantu bayalunyukiswa ukuba bangaqhelani gqitha nezo zinto zintle, kodwa zichasekileyo. UActaeon, akuba embonile uDiana ehlamba umzimba, waguqulwa imo yakhe walixhama, eliqwengaqwengwe zizinja, isenzo ke eso esibonisa umntu, onentliziyo edutyadutywe yiminqweno engaphele ndawo, enqwenela oko ingenakho ukukufumana. Le ntsingiselo ifike ibe yinyaniso sakubona ukubanda abanda ngako uOlivia kulo iTshawe, ukubanda okumtsho ayelele kakhulu kuDiana onyulu. Eli bali likaDiana lifunyanwa kuOvid.

ITshawe lithi :—

Ngaloo mzuzu ndaguqulwa ndalixhama,
Zaza iinkanuko zam ngokwezinja ezingamangesi ezoyikekayo nezikhohlakeleyo,
Ukususela oko zandithi ngcembe. l.i.20.

UArion, iMbongi yomGrike yaseLesbos eyayiphila kwithuba eliyiminyaka engama-700 phambi kokuzalwa kukaYesu, yaye idume njengendlali yohadi. Ngokwembali, uthe uArion xa abuya kukhuphiswano lomculo olwaluseSicily ebuya nembasa yoloyiso, waphoswa elwandle ngomatiloshe koko wasindiswa wafunqulwa wasiwa kuTaenarus ziinguza ezaziphahle inqanawa leyo, zize kuphulaphula iingoma zakhe.

IKapteni, xa ichaza imigudu kaSebastian ezama ukuzisindisa, ithi—

Apho athe njengoArion ebeleke emqolweni wenguza,
Ndambona eya eqhelana namaza. l.i.15.

UDiana, ofaniswa nomGrike uArtemisi ; intombi kaZeus noLatona, noliwele noApollo. Njengesithixokazi esinyulu wayehlonelwe ngendlela eyodwa ngamagqiyazana, owaba soloko engumkhuseli wawo de afikelele kwithuba lokutshata kwawo, nathe kuwo wangumfuziselo wobunyulu.

UOrsino, xa achaza imbonakalo yobutsha bukaViola, uthi :
Umlebe kaDiana awugudanga ungebomvu ngokwerubhi
ngaphezulu. I.i.32.

Elysium, iParadisi, ikhaya lemiphefumlo esikelelekileyo.

UViola, ethetha ngomntakwabo ekucingeleka ukuba ufile uthi edlalisa ngamagama :—

Ndiya kwenzani elliriyi ?

Umnakwethu use-Elisiyam. I.i.4

Fates. Izithixokazi zeZiphelo zizo ezazigqiba ngesiphelo somntu. Zazizithathu zizonke—**uKlotho**, umsoni womsonto wobomi ; uLachesis, umniki wenxenye yobomi ; noAtropos ongenakutaruzelwa othumela ukufa.

UMaria ubhala kwileta eyenziwa ngokungathi ivela kuOlivia isiya kuMalvolio—

Amathamsanqa akho azivulile izandla zawo, mayithi inkalipho nomoya wakho uwawole. II.v.131.

Fortune, okanye **Fortuna**, isithixokazi, esasinqulwa kwelamaGrike nakwelamaTaliyane. Wayeluphawu lwezipho eziphuphumayo zamathamsanqa.

Kwincwadi kaMaria eya kuMalvolio sifunde—

Mandikubone uligosa kwakhona, inkewu yezicaka, engafanele ukuchukumisa iminwe yeThamsanqa.

II.v.139

Jove, okanye **Jupiter**, obizwa ngokuba nguZeus ngamaGrike. Uyise mhlawumbi inkosi yezulu ogama belikhungwa ngamaRoma xa kuza kusungulwa nasiphi na isenzo.

ISiphoxo, xa sithetha ngokukhuselwa kobuhiba nguOlivia, sithi :—

Ukuthethile okulungele thina nkosazana yam, ngokunga-

thi unyana wakho uya kuba sisipho xo,—aya kuthi u-Jove ukakayi lwakhe alungxale ubuchopho. II.v.104.

UMalvolio uvakalisa umbulelo kuJove amaxesha amaninzi:

Wena Jove nani zinkwenkwezi zam manibongwe.II.v.153.

Kambe ke, nguJove asindim, umenzi woku, ke uJove undenze ndanombulelo. III.iv.77

ISiphoxo, xa sithetha ngembonakalo kaViola yobugatyana simbika kuJove:—

Ke kaloku Jove, kumqela wakhe olandelayo weenwele, uze umphe iindevu ! III.i.41.

Lethe, umlambo wephakade elisczantsi. Imiphcfumlo ya basishiyileyo yayisela kulo mlambo ize ke ngoko ikulibale konke ebithe yakuthetha yakwenza kweli phakade liphezulu.

USEbastian, emangaliswe kukuzithethelela kukaOlivia kuye, uthi:—

Iingcinga maziyizolise ingqondo yam kumlambo wokulibala ;

Ukuba ke oku kukuphupha nalapho ke mandilale. IV.i.56.

Lucrece, okanye Lucretia. Inkosikazi kaLucius Tarquinius Collatinus. Ibali lokudlwengulwa kwakhe nguSextus Tarquinius, nendlela awazigwaza ngayo ngenxa yale nto phambi koyise nendoda yakhe, akuba ebaxcelele eli sikizi, laziwa kakhulu kwanento yokuba lilo elabanga ugxotho lwa-maTakwini eRoma, nokusekwa kweRepablik. Kukholiswa ukuthethwa ngaye njengomele ubunyulu.

UMalvolio uyaliphawula itywina lenkosazana kwileta kaMaria:—

Lathamba ! Itywina layo lanomfanekiso wentloko ka-Lucretia, ekholisa ukutywina ngalo. II.v.85.

UMaria ubhekiselela kuye naye ekuphetheni kwakhe ileta:—

Kodwa ukuthi cwaka ngokwemela kaLucrece,

Ngomvumbo ongachiziyo kuyayibhovula intliziyo yam.
II.v.98.

UMercury kwindlela endala yeeNtsomi umele ubulumko obuqondakalayo belizwe. Ubuqhophololo nobuchule yayizizona ngongoma ziyintloko kwisimilo sakhe. Wabathwesa abarwebi ngobuqili ukuze babaqhathe abanye wawavumela amasela namatshijolo ukuba acamagushe kuye awakhusele phambi kokuba aqalise izenzo zawo zobubhojabhoja. Nakule mihla abaphangi nezigebenga eltali ababoni nto iphosakeleyo ekuceleni umkhuseleli wawo ongewele ukuba abeke ezandleni zabo ixhoba elityebileyo.

ISiphoxo sithi kuOlivia, sibhekisa kuncomo lwakhe lobuhiba :—

Ngoku ke uMercury makakwambathise ngobuxoki, kuba uthethe kakuhle ngeziphoxo. I.v.90.

UMyrmidos, Abantu ababekhokelwe nguAchilles kwiMfazwe yamaTroyi babesebenzisa eli gama xa bathetha “ ngamagosana omthetho.”

ISiphoxo, ngokucacileyo ukuba siyashwaqa, sithi :—

Inkosazana yam inesandla esimhlophe, ke iiMirmaydon asizozindlu zambodlela zatywala.

Penthesilea, ikumkanikazi yeeAmazoni.

UMhlelazi uToby, ezindla isithomo esingephi sikaMaria uthi :—

Rolindara, Penthesilea. II.ii.161.

Phrygia, ilizwe elise Asiya Minori, elibukhulu bahlukahlukayo ngamaxeshathile.

Pythagoras, Umphalazi omkhulu wamaGrike wemfundiso yokuphethukela kwisimo simbi semiphefumlo. Imiphefumlo ebekufuneka ihlanjululwe kwakukho ukuba ingene emizimbeni yezilwanyana, okanye, ukuba ayinyangeki, iphoswe ezantsi eTartarus. Abahlambulukileyo babephakanyiselwa kwiziganga eziphakamileyo zobomi, bade ekuqibeleni bafikelele kwimo yokuphila bengenamizimba.

ISiphoxo, sizenza uMhlekezazi uTopas sibuzisa uMalvolio :
Luthini uluvo lukaPythagoras ngokubhekiselele kwintaka yasendle ? IV.ii.50.

Aze akuba esiphendule, “ Umphefumlo kamakhulu kusenokwenzeka ukuba ube kuloo ntaka,” sithi :—
Uya kude uvumelane noluvo lukaPythagoras phambi kokuba ndivume ukuba usezingqondweni zakho.
IV.ii.54.

Tartar, okanye Tartarus, kwilliad, yindawo engaphantsi komhlaba, esezantsi kuneHadesi njengokuba iZulu lingaphezu komhlaba, yaye ivalwe ngemivalo yentsimbi.

UMhlekezazi uToby, encoma uMaria ngempumelelo yakhe kwincwadi azenze omnye umntu, uthi :—
Kumasango eTartar, dwebilendini wobugqi uyingangamela ! II.v.181.

UTroilus. Kumabali aseTroyi, uTroilus wayengomnye wonyana bakaPriam, ukumkani waseTroyi, uCressida eyintombi kaCalcias umpriste. Ngo-1369 uChaucer wobhala izibongo ezithi uTroilus noCressida, kwaza ngo-1600 isiganeko sentlekele esikwanelo gama esasibhalwe ngu-Shakespeare senziwa umdlalo. Kulo mdlalo, uTroilus ubonakala elolu hlobo lodlalani lushushu, luthembekileyo, “ netshawe lobunene,” uCressida sisifebe, esinganyanisekanga, olu hlobo lungemanga ntweninye uhlobo lwako konke ukunganyaniseki. UPandarus nguninalume ka-Cressida ongugqal’ umbombo, nozama ukudibanisa u-Cressida noTroilus.

UVulcan, isithixo somRoma esibe singumchopheli wobuchule bokukhanda isithixo somlilo. Izinto zakhe zokukhanda neendawo akhandela kuzo zaziphakathi kweentaba ezinomlilo (yiva igama elithi volcano). Zonke iziphumo zomlilo zithatyathwa ukuba zivela kuye.

AMANYE AMAGAMA ABALULEKILEYO AKHANKA- NYIWEYO EMDLALWENI.

Babylon, ikomkhulu laseBabylon elimi phezu kweEfrata.

Beelzebub. (uThixo weempukane.) KwiTestamente eNtsha itshawe lemimoya engendawo.

Brownist. Aba babizwa ngale ndlela bethiywa ngoRobert Browne, umqhekeki wodumo kulawulo lukaKumkanikazi uElizabeth. Babizwa kanjalo ngokuba bangabaqhekeki kuba baziroxisa ezinkonzweni ngomlomo othi ubuzwe ebandleni buchasene nelizwi likaThixo. Batshutshiswa ke ngumthetho, kwaza bephakathi kwabaphambili ukuzikhwebula eIngilani babalekele eAmsterdam ngabo badumayo kamva njengoBawo boHambo beMayflower. Bazala iinkonzo njengcentsalela zezithixo nolawulo lweeBhishophu njengento echaseneyo nezibhalo.

Candy, okanye Candia okanye Crete, isiqithi esikulwandle oluphakathi, esisezantsi kwelamaGrike.

Capilet, igama lehashe uMhlekezazi uAndrew awayezama ukuthenga ngalo uOlivia ukuba angalwi.

Dutchman. Le ndawo icingelwa ukuba ibhekiselela kuhambo ngolwandle olwenziwa liBhulu elinguBarentz, owafumana iNova Zembla ngo-1596.

Isela laseYiputa.

Esi siganeko kuthethwa ngaso sithatyathwa kwiTopiya kaHeliodorus, ibali elalithandwa kakhulu ngexesha likaShakespeare elalishicilelwe ngo-1587.

Isela eli laseYiputa yayinguThyamis, inkulelane yaseMemphis, eyayiyintloko yeqela labaphangi. Uthe uChariolea akuwela ezandleni zawo, wasuka watsho uThyamis ukuyithanda ngokungenakuzinceda, engewayemtshatile. Ka-

msinyane emva koku uThyamis wahlaselwa liqela elinama-ndla ngaphezulu labaphangi, wasesichengeni sokuba alahlekwe bubom bakhe nobenenekazi lakhe. “ Kwakusesikweni kwezo ndlavini xa zingaboni ndlela yakusinda kuqala ukuba zini-kele ngabo zazibathanda ngokungazenzisiyo, zibanqwenelela ubuqabane kwilizwe eliza kubakho.” UThyamis ngoko wakhangakhanga inenekazi lakhe enkontyweni yomqolomba walithi hlasi ngeenwele ngesandla sakhe sokhohlo (cinga ukuba nguChariclea), ngesokunene wasigxumeka intshuntshe yakhe ebeleni.

Elephant. Igama lomzi weendwendwe uAntonio acebise u-Sebastian ukuba aze aye kuwo.

Eve, Umfazi wokuqala, unina woluntu.

Gorboduo, ikumkani yasentsomini yaseBritani. Ibali layo, kunye nelonyana bayo uFerrex noPorrex nalo kwiimbali zamhlamnene.

Greek. AmaGrike ayesakwaziwa ngamaRoma njengabantu abonwabileyo. Ngoko igama elithi Grike lisetyenziswe ukuthetha intyewu eyonwabileyo.

India, Indies, Phambili phaya wayemele lonke elomzantsi-mpuma weAsiya.

Jezebel, Isikhohlakalikazi esingumka Ahab, ukumkani wa-kwaSirayeli.

Legion Inyambalala yeedemoni. “ Igama lam ndingunyambalala kuba sibaninzi.”

May. Kukholisa ukuba ngumhla wokuqala kaMeyi, ekubakho ngayo imidlalo ehlekisayo kunye notsibatsibo.

Messaline, ligama lendawo esezingqondweni nje kuphela, ethi kolunye ushicilelo ibizwe ngokuba yiMetelin.

Mistress Mall. Mool Cutpurse, ligama lesiqhulo lentokazi eyayidume ngegama elibi, eyazalelwa eLondon ngo-1589. Yayilisela elithand'ukulwa uhlaba-ngophondo, nomxeli okuza kuhla ngobom babantu, yayiba soloko ikwisinxibo

samadoda. Kuvakala ngathi ngumntu wokuqala obhinqileyo ukutshaya.

Music from the spheres. Ngokwemfundiso kaPythagoras iinkwenkwezi zamazulu kwintshukumo yazo zenza isandi esithile, zize ke ezi zandi zakwenziwa kunye zonke ngexesha elinye, zitsho ngemyoli ingoma le. Luhlobo lwengoma olungaviwayo yindlebe yesiqhelo.

Noah, umawokhulu waseziBhalweni, ngenxa yobulungisa bakhe wasindiswa, kunye nosapho lwakhe, xa ilizwe laligutyungelwe ngamanzi.

Peg-a-Ramsey, igama lengoma ebhekiswa kuMalvolio njengesigxeko.

Phoenix. Kwiintsomi zamaGrike, wayengumnakwabo Europa, okhankanywayo emdlalweni apha njengegama lenqanawa.

Pigrogromitus ueubus, Vapians amagama adalwa sisiphoxo ukunika ingqondo yokuba sifundile kwiincoko zaso eziphuthileyo.

Prague. Ikomkhulu laseBohemia. LalineYunivesiti eqhubayo ngexesha likaHuss. (ukuqala kwenkulungwane yeshumi elinatlano).

Quinapalus, igama lesithanda-bulumko esasisezingqondweni nje zabantu, esasidalwa sisiphoxo.

Robin. Isiteketiso sikaRobert.

Roman Indlela ethile yokubhala, eyile kushicilelwa ngayo iinewadi ngale mihla. Iqale ukusetyenziswa eIngilani ngo-1518.

Rudesby. Igama elibalulekileyo elithetha ongena ngegqudu emdudweni.

Satan. (ngesiHebhere lithetha utshaba) oyena uyintloko kumoya ongendawo, utshaba olukhulu lomntu, udwebile.

St. Anne. ONgcwele obesisakufunga yena isiphoxo.

St. Bennet. Mhlawumbi ligama lecawa eyayijongene neGlobe Theatre ngexesha likaShakespeare.

Sophy The, the Shah of Persia. Igama elithi Sophy lithetha isilumko sendoda, libe lasetyenziswa kuqala nguImail Sophi owaseka uluhlu lokumkani abazalanayo lwamaSophi ngoNyaka weNkosi 1501.

Strachy. Igama elibalulekileyo ekungekho nkcazo yanelisa-
yo ide ikhe inikwe.

Taurus. Uluhlu oludala lweenkwenkwezi, nophawu lomendo welanga esibhakabhakeni, olumele lendawo ingaphambili enkunzini yenkomo, ekucingelwa ukuba ilawula intamo yomntu nentamo.

Tiger. Igama lenqanawa.

Titus. Umtshana kaOrsino.

Vice The. Isiphoxo kwimidlalo yakudala yeSimilo, esikholisa ukuboniswa sinxitywe ikepu eneendlebe zembongolo, umthika omde nesinkempe.

Ware. Idolophu eseHertfordshire, ekwakukho kuyo umzi weendwendwe obunesilima somandlalo owawusetyenziselwa ukutsala iindwendwe ezingogqadambekweni.